IMIBUZO NEEMPENDULO



Masihlale simile okomzuzwana njengokuba sithoba iintloko zethu ngenxa yomthandazo.

Bawo, Thixo onenceba, siyaKubulela ngale ntsasa ukusuka emazantsi entliziyo yethu, ngokuba Wena unakho kwaye uthanda ukuyiphendula imithandazo yethu. Kwaye siyathandaza ukuba Uyakuwamkela umbulelo wethu ngento osele usenzele yona. Silindele ngolindelo olukhulu ukuba usincede ngale ntsasa, kwaye xa sishiya amasango esi sakhiwo, sanga singaphuma apha singumntu owahlukileyo kunokuba sasinjalo xa singena. Wanga uMoya oyiNgcwele angasibumba ngale ntsasa, izimilo zethu, kwaye usenze sibe ngabalawulwa boBukumkani Bakho kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen. (Ningahlala.)

2 Uxolo nje ngokuba semva kwexesha kancinane, kodwa bendinezinto ezimbalwa ekufuneka ndizenze, kunye nabantu abaninzi abagulayo kunye nodliwano-ndlebe ngaphambi kokuba ndingene kwi—kwisakhiwo phantse.

3 Kwaye ke, siyavuya ukuba lapha ngale ntsasa nokunibona nonke bantu balungileyo. Kwaye ndifuna ukubulela lowa . . . abo bafo basithumelele ezo zinto zintle, isipho somfazi kunye nango . . . kwaye u—umzalwana ondithumelele umpu wakhe wexhama. INkosi imsikelele. Yena . . . uthe uyaluphala kwaye akafuni kuphinda awusebenzise, kwaye wayefuna ukuba ndibe nawo; ke ndi—ndinombulelo ngokuqinisekileyo kokuya . . . kokuya. Okoko ndisaphila, mzalwana, kangangoko ndikwazi ukuzinceda, ndiyakuba nawo. Andinakuze ndiwubeke esandleni sam ngaphandle kokuba ndicinge ngawe kwaye ndikuthandazele.

4 Ngoku, thina si . . . Ezininzi kakhulu izinto ekufuneka zenziwe namhlanje, Ndacinga mhlawumbi ngeli thuba ndilapha ndiyakuba nemibuzo kwaye ndifumanise ukuba yintoni na esentliziyweni yebandla lam, eyahlukileyo. Ngokuqinisekileyo ndiyenzile! Ndinemibuzo eyaneleyo yokundigcina kude kuqale iMillennium! Andikhange ndiyazi ukuba mininzi kangaka enokufunyanwa. Ndi—ndinekhulu apha, kwaye kukho ikhulu okanye ngaphezulu engene ngale ntsasa. Ke andinakuze ndikwazi ukuyiphendula, ndiyaqikelela, ngokufanelekileyo, kuba . . . Kwaye ye—yelungileyo imibuzo, ilungile ngokwenene.

5 Ngoku, eminye yayo ayibanga nakufundwa kanye esidlangalaleni, ke uyazi, Ndiye ndabacela . . . Ukuba oko andinakuyibeka ngendlela egwegwelezayo . . . Ziingxaki zosapho kunye . . . Niyaqonda. Kwaye ndi—ndicele ukuba nomyeni kunye nomfazi kudliwanondlebe lwabucala, ke

ndinokuthetha nabo bucala ngale mibandela. Ayizozinto ezimbi; zizinto ezifanele ukulungiswa kusapho, nje ubume bomntu kunye nohlanga thina esi . . . ixesha esiliphilayo nanjalo njalo elizisa ezi zinto, kwaye ziingxaki eziya kusapho loluntu; kwaye kufuneka ziphendulwe. Kwaye ke, ndiya kwenza konke endinako ukubaphendula ngeyona ndlela ingcono.

6 Ngamanye amaxesha ekuphenduleni imibuzo, kuthatha ixesha elide; kwaye andifuni kuphosa nanye yawo. Ndizakusondeza yonke ngaminye kangangoko ndinako. Ngoku, yona nje . . . ndiye nje ndayihlohla engxoweni apha, ndayiphendula, kwaye—kwaye ndibhale phantsi iSibhalo ukuba ndimelwe kukuba ndibe naso, kwaye—kwaye ndiyibuyisele emva. Ke bendiyimini yonke izolo, nenxalenye enkulu yobusuku phezolo, kwaye ukusukela emva kokukhanya kwemini ngale ntsasa . . . Ndaze ndafumana malunga nokuphinda kabini oku kwabaninzi abangenayo ngale ntsasa. Ke, ndiyacinga ukuba into esiyakuyenza, iNkosi ithandile, ndiyakuyiphendula kude kube, kangangoko ndinako, kude kube semini enkulu, ndize ndindulule, emva koko ndibuye kwakhona ngoku kuhlwa kwaye—kwaye ndizame ukugqiba emininzi kangangoko ndinako ngobu busuku, kwaye ndibone ukuba ndingafumana . . . yigqibezele. Kwaye mhlawumbi andizukunohlwaya ixesha elide kwiseshoni enye enkulu. Kwaye ndicinga ukuba inganinika ixesha lokuphuma, kwaye niphumle, kwaye nichache kancinci, ungqengqe okanye into ethile, kwaye ubuye ukuba unako. Ukuba awukwazi, kutheni, uMzalwana uFred Sothmann, ndiyaqonda, ushicilela oku. Ingaba iyashicilelwa? Kulungile, kuhle oko. Ehe, basegumbini bayayishicilela, kwaye—kwaye le teyiphu isenokuba, ukuba ilungile, usenokuba nayo iteyiphu; iyakugcinwa kwaye ibizwe *Imibuso Neempendulo*, ngokuba kukho imibuzo enzima kakhulu khona apha kunye nento . . . Uninzi lwayo lukwiimfundiso zecawa.

7 Ngoku, ndingathanda ukuba abantu bazi ukuba ngamanye amaxesha ekuphenduleni le mibuzo, kunzima. Kuthatha ubabalo oluninzi ukuma apha, ukuba niyalwazi uthando endinalo ngani bantu. Andikwazanga ukuluvakalisa. Andiluvakalisi nkqu nakubantwana bam; andiluvakalisa nkqu nolwam—nolwam uthando olunzulu ngomfazi wam njengoko ndimelwe kukwenza, ngokuba ndi—ndingocaphuka msinyane, kwaye ndihlala ndihamba kumgca omnye othe ngqo. Inye kuphela into endingalubonakalisa kuyo lonke uthando lwam: lowo nguThixo uSomandla. Kwaye ndi—ndiyamthanda nje Yena indawo yokuqala. Abanye abantu ndiyabathanda, kodwa a—andifuni andifuni kufumana . . . Andifuni kulonakalisa olo thando ndinalo ngakuYe; oko makube kokokuqala. Ngoko ke, xana ndiyiphendula imibuzo yenu, ndiyiphendula ngothando entliziyweni yam kuni; kodwa inye into phambi kwam ngalo lonke ixesha: lowo nguYesu Kristu

(yabona?), ngendlela Anokuthi ayiphendule ngayo.

8 Ngamanye amaxesha kusenokufuneka ndiphendule . . . Isenokuvisa ubuhlungu, ingakrwempa, kwaye a—andibhekiselelanga ukuba kube njalo. Ndiyiphendula ngenjongo enye, njengoko ndanditshilo, uKristu phambi kwam. Kwaye kufuneka ndikhumbule ukuba nguYe lo mna endi . . . Kufuneka ndinike ingxelo ngayo. Ke uthando lwam lokuqala lukuYe; uthando lwam lwesibini lukuni bantu, kwaye ke ndi . . . IBandla Lakhe Awalithengayo ngeGazi ElilaLakhe. Kwaye Unithanda ngenene ngaphezu kokuba Wazithanda, ngokuba Wazinikela ngenxa yenu. Ningabathengwe ngeGazi Lakhe, kwaye ndi—ndiyiphatha ngononophelo kwaye nokunyaniseka njengoko ndisazi. Kodwa ngoko, ekuyenzeni ngelinye ixesha ucinga, "Oko ibukukuphawula okukrwada kakhulu ndi . . . malunga . . . Ayinevelwano lungako kwaye ayivakalelwa." Ndiyenza ndinaYe engqondweni yam (yabona?) ukuzama ukwenza, okokuba abanye . . . wonke umntu ubona nje ukuba kufanele kube ngoluhlobo. Ayikuko na—nantoni na yokuvisa kabuhlungu okanye engekho ngaphezu kokuqinisekisa ukuba abantu bayayifumana, kwaye ndiyathemba ukuba wonke umntu uyifumana ngalo ndlela. Kwaye ngoku, khona apha sifumanisa ukuba yintoni na esezingqondweni zethu.

9 Kwaye njengoko ndinibona nonke nihlangene ngale ntsasa kwaye yonke into igcwele, kwaye ndicinga ukuba sinesihlwele esiphuphumayo kwe—kwelinye ibandla. Ibandla elingudade lichole u—unomathotholo okanye uhlobo oluthile lo—loqhagamshelo lwemfonomfono. Oku ku . . . Ukuphuphumala kukweliya bandla kusasanje, ndiyaqonda. Umzalwana . . . Okanye omnye umzalwana une—unebandla elinokuphuphumala elo kupapashwa ukusuka apha ukuya kwelaa bandla. Oko kwenzelwa ukuba akuyi kufuneka ume ezinyaweni zomnye kunye nezinto ezijikeleze udonga.

10 Ngoku ngobu busuku, iNkosi ithandile, siyakuba ne . . . sizakuqala kusasa namhlanje. Ndingathanda ukubuza umalusi kunye ne—nebhodi ukuba bangathanda . . . Masiqale kancikane phambi kwexesha ngobu busuku, kuba abantu, abanye babo balapha, kwaye bayakuba nohambo olude lokuqhuba. Kwaye ndingathanda ukuqalisa ubuncinane iyure ngaphambi kwexesha ngobu busuku, ukuba sinako, kwaye ndigqibezele oko. Ke ni . . . Nje kwamsinyane nje nibe nesidlo senu sasemini emva kwentsimbi yesithandathu okanye nanini na, ngokuba, ndiyakuqala. Yabona? Yithi, niqhele ukuqala ngentsimbi yesixhenxe akunjalo? Masibe, masithi, mandibe seqongeni ngeyesixhenxe. Yabona? Kuze emva koko ngeyesibhozo okanye intsimbi yesibhozo, okanye into elolo hlobo, iya kuninika ixesha ukuya—ukuya emakhayeni enu kwaye niwulungele umsebenzi wangomso, ukuba kukho ingomso.

11 Ke kaloku, iNkosi ibe nani, inisikelele ngokugqithisileyo,

kwaye ndiyakungena kwamsinya nje yakuba le nkonzo iphelile ndithabathe le eminye imibuzo ndizame ukuyiphendula. Ndibhala nje kuyo, nje amaqhekeza amancinane—amancinane amanqaku nanjalo njalo, endinokuba nako—nako . . . Uhlobo lokulibala iZibhalo. Ngoko xana ndisegumbini ndifunda, emva koko ndi (ndiyathanda ukubhekisa kuwo ndaweni ithile, kwaye ndiyifumene apha) kwaye—ndiyibhale nje phantsi kwisiqwenga sephepha. Kwaye ke ngoko, ukuba ikwi—kwincwadi enkulu yezichazi kufuneka ndiyithathe, okanye intetho ethile yegama, okanye igama, ndiyibhale phambi kwam. Akunyanzelekanga ukuba ndize nenqwaba yeencwadi nanjalo njalo; Ndinayo apho.

12 Ngoku, ukuba umbuzo awanelisi kuwe, ke, ngoko mna, mhlawumbi, ndenze impazamo. Yabona? Ndi—ndi—ndisenokuba ndenze impazamo, kuba ezi zinto zezona zingcono zokuqonda kwam. Kwaye ndifuna a—abalungiseleli abanokuba nebandla labo, okanye ibandla lebandla elithile eliya kuphulaphula le mibuzo . . . andiyifuni le nto . . . Ukuba ikuko nakuphi ukubonakaliswa kwimfundiso yakho kunye nelakho—lakho—lakho ibandla, Ndifuna ibandla liqonde ngokucacileyo ukuba lena yimfundiso nje yethu apha emnqubeni. Andizami ukuyicinezela kuwo nawaphi na amanye amaqela abantu. Kwaye ndi—ndi—ndifuna ukuba ngumKristu—entliziyweni yam, ukuba ndifundise into endiyikholelwayo. Ndimi kwimbophelelo yam. Ukuba ndiyalalanisa kuloo nto, ndingumngcatshi kuKristu nomhanahanisi kuni; kwaye ndi—ndimelwe kukuhlala ndinyanisekile koko ndikholelwa ukuba yiNyaniso. Kodwa yonke enye indoda inelungelo lokwenza okufanayo. UThixo unguMgwebi wethu sonke.

13 Ngoku, kanye phambi kokuba siqale, bendicinga ukuba bendingakhankanya umbhali-mbali olungileyo, uPaul Boyd. Abaninzi kuni bayamazi; uza apha emnqubeni. Wayesandula ukubuya evela eYerusalem kwaye waya kuMboniso weHlabathi. Ungomngako u—umfundisi wesiprofetho, kwaye ungumbhali-mbali, omnye wababalaseleyo. Ungumzalwana ongumMennonite, *wa*yenguye, waza wamkela ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Kwaye ke uba ngumhlobo wam wobuqu. Wayehlala eqaphele kwaye ephawula zonke izinto endizithethileyo eziphathelene nesiprofeto, eqaphela kwaye abone ukuba siyenzeka na.

14 Kwaye ngoku, undibhalela apha (njengoko elapha e-States kwakhona ngoku), kwaye ikwibhodi yezaziso, ndiyacinga, ngale ntsasa. Kwaye ubhala phantsi apha inqaku alifake kwelinye lamaphepha okanye into ethile okanye enye, malunga neziprofeto ezibalaseleyo. Kwaye ukhankanya into yesihlanu, ndicinga ukuba yiyo, endathi ndayibona kumashumi amathathu anesithathu eminyaka eyadlulayo malunga nempumelelo, yenkqubela phambili, gxebe, yenzululwazi. Kwaye nabani na kuni okhumbulayo, unayo phantsi. Ndinayo ezincwadini

zam. Kwaye yonke into eyithethileyo iNkosi . . . indixelele, ndiyibhala phantsi, oko kokokukhulu ukuq- . . . okanye into endinokuyixelela abantu.

15 Kwaye ndiye ndacinga ngale ntsasa, phambi kokuba siqale oku . . . Ayizontshumayelo ezi, kodwa silapha ukuze sihlangane ukuze sifunde omnye komnye oko kusezintliziyweni zethu. Masizilungise ezi zinto ngoku, njengokuba sihlile ukutyhubela kwiZigaba zeBandla nanjalo njalo. Ndicinga ukuba kulungile ukumisa ukwenzela umhlangano okanye emibini, kwaye ujonge, kwaye ufumanise ukuba yintoni na esentliziyweni yabantu, uze emva koko ukusuka apho ukuya phambili. Uyabona? Emva koko buyela emva ngaphakathi kwakhona kwaye . . . kuthotho lwe—lweenkonzo. Ukuba iNkosi ithandile, ndifuna ukuba nokuya apha emnqubeni kungekudala, uthotho nje olude lweenkonzo; niyayazi into endiyithethayo, yo—yokufana nezihloko ezahlukeneyo; kwaye ndiqhubeleka nje ade Yena eze kundilanda okanye ndiye kuMhlangabeza, enye. Yabona? [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

16 UPaul Boyd wabhala apha ngokubhekiselele nezo zinto zisixhenxe ndazibona ngo-1933, ezaziza kwenzeka. Kwaye uzijonga ngokusondeleyo, ngokobugcisa, njengoko enokuba nako, ngokuba ungumbhali-mbali. Kwaye uyayibukela, kanye loo nto uyithethayo. Kwaye wazibona ezo zinto zazixelwe kwiminyaka emininzi eyadlulayo: malunga nendlela lo Mussolini . . . kwaye kuyakwenzeka ntoni kuye, noHitler, kwaye kuyakwenzeka ntoni kuye; nendlela ubuKomanisi obuya kubuthabatha ngayo ubuFasizim nazo zonke ezi; kwaye indlela u—uMgca weSiegfried uya kwakhiwa, kunye nendlela amaMelika ayeza kubethwa ngayo apho (kwaye babengenakuyivuma loo nto kwade kwamalunga nje neminyaka emibini eyadlulayo, kwaye babenayo imifanekiso yaseJamani yongqingo apho; baye babethwa ngenene. Baphantse . . . Baphulukana nomkhosi wabo wonke phantse kanye apho); nazo zonke ezo zinto zenzekileyo.

17 Kwaye ngoku, naso sathi, "Kuyakwenzeka, ngaphambi kokuba kufike ixesha lesiphelo, okokuba iinqwelo mafutha ziya kumila njengeqanda, zibe njengeqanda ngakumbi." Kwaye ndabona usapho lwaseMelika luqhuba ukwehla ngohola wendlela ngemoto eya . . . Babehleli bejongene, kwaye babenetafile, kwaye babe, bekhangeleka ngathi, bedlala iindolotyi okanye amakhasi. Kwaye babengenalo naliphi na ivili lokuqhuba emotweni. Kwaye yayilawulwa ngamandla athile ngaphandle kwevili lokuqhuba. Bangaphi abandikhumbulayo ndiprofeta loo nto (yabona?), ababelapha?

18 Ngoku, kuMboniso weHlabathi sele benayo imoto emarikeni. Nantsi i . . . Iyathengiswa ngoku; ethile inkampani enkulu ithathe uninzi lwazo. Kwaye le moto, nantsi. UPaul Boyd wasikhumbula isiprofeto, wajonga kwincwadi yakhe oko

ndandikuthethile, waza wathabatha umfanekiso apho. Kwaye nantso ke, ngokuchanekileyo ikwimo yeqanda, inezihlalo ezibini ezihleli *ngolo* hlobo, nezihlalo ezibini zihleli *ngolu* hlobo, kunye netafile embindini wokudlala amakhasi nezinto ezinjalo, kanye ngokuchanekileyo.

19 ILizwi leNkosi lichane ngokupheleleyo. Oko kwakungowe-1933. Oko kuya kuba . . . Makhe sibone, ingaba yintoni leyo? Kwiminyaka engamashumi amathathu anesibini eyadlulayo, akunjalo? Lona ngu '64. Ehe, amashumi amathathu . . . Ehe, kumashumi amathathu ananye eminyaka eyadlulayo. Kumashumi amathathu ananye eminyaka eyadlulayo iNkosi yandixelela loo nto, kwaye nantsi. Kwaye inkampani ilapha esele ifake i-odolo yazo; kwaye i—kwaye iinkampani zelori nezinto zifumana iilori ezenziwe njengazo. Bayakwazi ukuyilawula kanye ukusuka kwikomkhulu labo ngolo hlobo, akufuneki nokuba babe nomqhubi kuyo. Kwaye nantsi yonke sele yenziwe, kwaye nantsiya kunye neemoto. Ngoku, ikwibhodi yezaziso ngasemva, kwaye unokufunda isiprofeto kwaye ubone nje indlela achane ngayo uThixo wethu, indlela iLizwi Lakhe . . . Wathi, "Amazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa iLizwi laM alisayi kusilela."

20 Khangela nje, kumashumi amathathu anesithathu eminyaka eyadlulayo. Uyazi ukuba yintoni i—yintoni eka-1931, okanye nokuba yayiyintoni na, imoto yalemihla ikhangeleka njani; iya kujongeka njengentsalela yakudala. Yathi, "Iya kujongeka nje njengeqanda, ibe njengeqanda." Kakade, akukho mntu apha, ndiyaqikelela, ophilayo namhlanje okanye phakathi kwethu ondivileyo ndisitsho. Yiyo . . . Nindivile ndisitsho ukutyhubela iminyaka, kodwa . . . Ehe, nanku umfazi ehleli apha. Kutheni, Nksk. Wilson, andikubonanga apho. Uyakhumbula xana yenzeka loo nto. Kuxana waphiliswayo, esifa yi-TB (umfazi, umyeni wakhe kunye nentombi yakhe beza kum ukuba ndiye kumthandazela) ade ophe yade i—ikona yayilele izele ngamalapho omqamelo nezinto azopheleyo. Kwaye wathi ugqirha, "Akukho ndlela yokumenza ukuba angakhe aphile," kwaye nkqu . . . Wayezama ukuthetha into kum phambi kokuba abhubhe, kwaye igazi lalitsawula phezu kweengubo namashiti xana elapho, xana ezama ukukhohlela. Ndaye ndamkhupha kulabhedi, ndamsa kumlambo obandayo apha, namanzi anomkhenkce, ndaza ndambhaptizela eGameni likaYesu Kristu. Kwaye kwakungamashumi amathathu anesithathu eminyaka eyadlulayo, kwaye nanku ehleli namhlanje, esaphila, xana abantwana abakhulu, abasempilweni, uninzi lwabo luhambile. Naku ulapha. "Ubabalo olumangalisayo, hayi isandi esimnandi, esisindise udwayinge olunjengam!" Oko kubonisa nje indlela egqibelele ngayo ukuba yenzeka xana ingu ITSHO INKOSI.

21 [Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Ewe, oko ku—oko kunjalo, Dade. Ewe, mhlekazi! Abafazi . . . Ndathi

abafazi bazakuziphatha kakubi kakhulu ela-. . . Ngoku, uyazi kwiminyaka engamashumi amathathu eyadlulayo indlela abanxiba ngayo. Ndathi baziphatha kakubi kakhulu, bade bahambe besihla ngesitrato benxibe kanye njengempahla yangaphantsi. Ndaye ndathi, "Emva koko kuya kwenzeka, ukuba baya kuba lihlazo kakhulu, bade banxibe into efana negqabi lomkhiwane." Ndiyibonile, kwaye banayo; kwaye bayayinxiba. Nje u—ukuziphatha okubi kwabafazi kuya kubheka ezantsi kwaye kube lihlazo! Asinako ukwehla ngoku; awukwazi ukuya ngakumbi. Usekupheleni! Yabona, abasayi kuba ze ngokupheleleyo. Hayi, bona . . .

22 Ndishumayele ebantwini, abafazi ngamashumi amawaka abangenalo nesuntswana leempahla kubo (yabona?), abafana, nabafazi abaselula, nabo bonke, kodwa abazi ukuba bahamba ze. Yabona? Abayazi. Kwaye indlela abafazi abenza ngayo namhlanje . . .

23 Bendithetha ngobunye ubusuku kwabanye babahlobo bam apho sasisemva phezulu ezintabeni, kunye u—umfazi oselula . . . Ndandisandula ukuthandazela usana lwakhe; lwalunesifo sokuxhuzulu; kwaye usana luphilile. Kwaye usapho oluncinci, oluhlwempuzekileyo, kude lee umngxuma, indawo encinane endala yecuba ejikeleze indlu, kwaye malunga namagumbi amabini kuyo, kunye nabantwana abasixhenxe okanye abasibhozo . . . Laa mfazi uyasebenza (owu, bethu!), izembe nje elibanzi phaya, egawula iinkuni nezinto ezinjalo, no—nokuhlakula iigadi, nokunkonkxa izinto. Ndaze ndajonga kumfazi olusizana, ilokhwe enye ebeyinxibile unyaka okanye emibini, kwaye yonke ikrazukile nayo yonke into . . . Kwaye ndandizama ukufumana ezinye iilokhwe zikaMeda endizakuzisa kuye kwiveki ezayo.

24 Kwaye—kwaye saqaphela emi apho, isibini sabazalwana kunye nam, inenekazi lincancisa usana lwalo. Uvele walisusa ibele ukususka kuye—ukususka kuye—ukususka kuye kwilokhwe yakhe kwaye aqalise ukuncancisa usana; kwaye yayiyinto emangalisayo umzuzu; leyo yindlela umama wam awandincancisa ngayo! Ichanekile kanye.

25 Ndinentlonipho eninzi ngomfazi onjalo kunokuba ndisenza kwabanye baba bafazi ababeka umtya omncinci phantsi kwawo ukuze bazijule ngaphandle. Akukhangeleki kwa ukukhangeleka njengomntu. Banenjongo yokwenza oko; oko kunomtsalane wesondo, ukungabinabuthixo. Umfazi unxiba iimpahla ezininzi kwaye uzama ukuzenza akhangeleke njengento angeyiyo . . . Ndi . . . Kutheni, abafazi abekho—abekho ngokwenene ngala ndlela; luhlobo oluthile lwezinto zaseHollywood. Kwaye umoya womtyholi ubafikela abo bafazi ukuze ubenze bazame ukutsala umdla wamadoda ngesondo. Ibele lomfazi lanikezwa kuye ukuze usana luncance. Injalo kanye loo nto. Umfazi ukumgca kanye wasekuqaleni, kodwa ulungelelaniswe ngokufanelekileyo.

Ndinentlonipho ethe chatha ngaloo nto, ngalaa mfazi unjalo, kuba yena . . . Yiloo ndlela umama wakhe amkhulise ngayo; nantso indlela . . . A—abazange—abayihoyi. Usana luncanca kakuhle njengomfanekiso kaMadonna oza kuwubona. Kwaye ukuba abantu bebenokwenza iingqondo zabo zibekwe ngolo hlobo, bekuya kwahluka.

26 Kodwa xana uza kuphumela ngaphandle kwaye mhlawumbi unxibe okuninzi kwebhlawuzi okanye njalo njalo, uze ke uzikhukumaliselise phaya phandle ngemitya nezinto ezinjalo, ezikhangeleka zingenabuthixo zibangela amadoda . . . Ingaba uyaqaphela ukuba ngumoya womtyholi ophezu kwakho? Ngoko awufuni ukwenza oko, dade. Sukwenza oko; oko kukwenziwa kweHollywood kunye nomgibe womtyholi! Xana ukwenza oko, uwenza amadoda acinge into engalunganga malunga nawe; kwaye xana ukwenzile oko, ngoko unetyala lokukrexeza naloo ndoda, ngokuba uye wazimisa ngolo hlobo kuye. Awunakuyinceda indlela owakhiwe ngayo, kodwa vele uhambe kwaye uhlale ngendlela uThixo akwenze ngayo. Yabona? Ungazami ukuzenza into ongeyiyo. Hlala nje ungumntu. Oko kubi? Ke mhlawumbi oko kuphendula imibuzo yomnye umntu nayo.

27 Bawo wethu, siyaKubulela namhlanje ngoYesu Kristu nangokuthi tye kweLizwi. Njengoko ndiKubona uwenza ngokugqibeleleyo amazwi ukuba azaliseke, indenza ndizimisele ngakumbi ukuhlala neNyaniso nalo lonke ilizwi leNyaniso. Ke ndiyathandaza, Bawo, ukuba Uyakusisikelela ngale ntsasa, aba bantu bathandekayo. Kwaye sisazi ukuba le teyiphu iya kwiindawo ezininzi abayakuva kwanaloo ntetha isandula ukwenziwa ngoku . . . Khange ndi . . . bekungacwangciswanga kwangaphambili; Wena uyayazi intliziyo yam. Ifike nje engqondweni yam, kwaye ndiyakholwa ukuba Ubufuna ndiyithethe. Kwaye ndiyithethile, kwaye iphelile ngoku. Kwaye—kwaye oko ziimbophelelo zam kunye noko endikukholelwayo ukuba Undenze ndakutsho.

28 Makathi wonke umfazi oyivayo loo nto kumazwe ngamazwe nokujikeleza isizwe nehlabathi; wanga angaba neentloni kwaye abone okwenzekileyo, kwaye azinxibise njengenenekazi ngoko, ukuze angabi natyala lokukrexeza. Isidalwa esihle, esithandekayo njengoko Wasinikayo, inxalenye yendoda, ukuba abe ngala ndlela ukuze—ukuze—ukuze atsalele umdla wayo kuyo, bobabini babenokuba banye, ngokuba uphume endodeni. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba umfazi aqonde ukuba ubuhle bakhe nento ayiyo, ubotshelelwe kuphela kweyakhe indoda. Siphe oko, Bawo.

29 Sicela ukuba Uyakusinceda ngoku njengokuba sizama ukucacisa le mibuzo. Asanelanga ngezi zinto, kodwa uMoya Wakho omkhulu mawuze, Nkosi, nto leyo ke ikukwaneliseka kwethu; kwaye wanga Angawuphendula umbuzo kwiintliziyo

ezininzi. SiyaKubulela ngoko Usinike kona: *Izigaba Zebandla,* na*maTywina*, kunye ne . . . Owu, indlela Osebenze ngayo nathi kwizinto ezinkulu zamandla ebezinkulu kuthi, Nkosi, ngokuba sibona ixesha lesiphelo likufuphi.

30 Ngoku, uku . . . ndicinge ukuba yayinempumelelo okanye yayiya kuba nempumelelo kuBukumkani Bakho ukuba ndinokubajonga abantu. Amaxesha amaninzi phantsi kokucalula nokubona izinto ezininzi ezahlukeneyo, kwaye awukwazi ukugxila kwenye yazo; ke ukucinga—ndiye ndabayeka babhale oko bakucingayo ezintliziyweni zabo. Kwaye emva koko ndiyakwazi ukuchaza iingcinga zabo kwiphetshana ababhale kulo, kuze emva koko Wena usinike impendulo eyiyo. Sonke silindile, Nkosi. Yiza ebukhoneni bethu, Nkosi, kwaye uhambe unyuka usehla ezipasejini, kwaye uqubisane naye ngamnye ngokuthanda Kwakho. Sicela eGameni likaYesu. Amen.

[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Terry, ndi . . . ingaba ndi . . . Ingaba oko kusangena, ngaphaya kumza- . . . Ndachukumisa . . . Ingaba oku kuvala oko, okanye nantoni na? Ayikhathazi. Ndiyichukumise ngesandla. Bendingazi.

31 Ngoku, njengoko ndisitsho kwakhona ngoku, njengokuba siqala, ku—kwabo balungiseleli okanye abantu kwiindawo ezahlukeneyo zelizwe, okanye kwabo bayakuyikuva iteyiphu, ni—ni . . . Iteyiphu ilungile: le yimibuzo esentliziyweni yabantu abangaba lapha kulomnquba, apho singenahlelo, nje ubudlelane omnye nomnye. Kwaye ndiyathemba ukuba iya kuba yi . . . lungisa iingcinga zethu, ukuba siyazi into emasiyenze kwaye siyazi indlela yokuphila ngcono emva kokuba imibuzo yethu iphendulwe. Ndiyazi, nje ukuyifunda kwaba yintsikelelo kum.

32 Ngoku, ndiyifumene ilele apha kwimfumba, kwaye ndizakubukela kwaye malunga nemizuzu emihlanu kude kube ngeyeshumi elinesibini, ndiyakundulula. Ukuze ngoko, ndibuye ngale njikalanga ngentsimbi yesithandathu.

Umbuzo wokuqala endinawo, ndiyakholwa ukuba yimibuzo emihlanu elandelelanayo, ebhalwe ngokutayitshwa kwiphepha elityheli.

236. Kuthetha ukuthini oku? Mateyu 24:19: "Yeha kwabo abanabantwana, nakubo abanyisayo ngaloo mihla!"

Ngokumangalisayo, ndingakwazi oko, bendizakukuthetha oku malunga nomfazi, kwaye nantsi ngeli xesha, umbuzo wokuqala.

33 Ngoku, kuMateyu 24:19. UYesu wayebuzwe imibuzo emithathu. Kule mibuzo yayikukuba: Liya kufika nini ixesha kungasayi kusala litye phezu kwelinye? nokuba, Uya kuba yintoni na umqondiso wokufika kokupheliswa kwephakade eli? kwaye—kwaye imibuzo emithathu eyahlukeneyo Wayeyi—Wayeyibuzwa. Kwaye Uyiphendula ngeendlela ezintathu

ezahlukeneyo, ephendula umbuzo ngamnye. Kuya kwenzeka nini xa kungayi kubakho litye phezu kwelinye? Kwaye uyakuba yintoni na umqondiso wokuza Kwakho? Yaye yintoni umqondiso wokupheliswa kwehlabathi? Kwaye Uyiphendula ngeendlela ezintathu ezahlukeneyo. Ubaxelela xana kuya kufika ixesha xana kungayi kubakho litye phezu kwelitye; uyakuba yintoni na umqondiso wokuza Kwakhe; kuze ke, ekupheleni kwehlabathi. Kwaye ngamaxesha amaninzi, ukuba awukhangeli ngokusondeleyo, ngoku, ukuba Uphendula njani (yabona?), uyakuyiphixanisa kwaye uyigalele yonke ngexesha elinye; kuze emva koko uphixane.

34 Ngoku, kungekokujongela phantsi kwabethu—kwabethu abazalwana bama-Adventist abakuthatha ngokoqobo oku kube kwixesha elizayo. Ukungena kweso sihloko sosuku lwesixhenxe ukuba: "Thandazani kananjalo ukuba ukwesaba kwenu ingabi ngexesha lasebusika okanye ngomhla weSabatha," wathi (yabona?), babezakuba besagcina iSabatha. Hayi ukuphosela ngaphandle kwabo bazalwana, oko akuyi kuba kufana nobuKristu ukwenza oko, kodwa ukwenzela nje ukuyilungisa. Yabona?

35 Bekunokwenzeka njani ihlabathi lamaKristu libe nokuhlanganiselwa ngaphakathi eludongeni, neendonga azivulwa zivalwe njengoko zazinjalo ngoko. Yabona? Ingenza umahluko onjani, okokuba nokuba kwakulixesha lasebusika okanye ixesha lasehlotyeni kubantu ababehlala kwindawo etshisayo. Yabona? YayiyekaSirayeli nje kuphela. Oko kuphantsi kwexesha ekungasayi kubakho litye lishiywe phezu kwelinye. "Yeha kwabo banomntwana, nakwabo banyisayo ngaloo mihla," ngokuba umama onomntwana (yabona?), kuyakuba nzima kuye ukubaleka, nakwabanyisayo iintsana zabo ukuba bazibeleke, kuba kwakufuneka baphume eYerusalem ngaphandle esixekweni baye e . . . phezulu kwiintaba zakwaYuda.

36 Ke ngoku, ndingahlala nje intsasa yonke kuloo nto inye phaya, ukuyenza icace; kodwa nje ndiza kuzama ukubetha iindawo eziphezulu endinokuthi ndikwazi, ide ifike ebantwini, ize ke ndiye kumbuzo olandelayo.

37 Ngoku, uYesu wayebaxelele ukuba baya . . . "Xa niyibona iYerusalem irhawulwe ngomkhosi, ngoko makathi osentsimini, angabuyeli kuwo umzi aye kuthabatha ingubo yakhe, athabathe nantoni endlwini yakhe; angabuyi abuyele kuwo umzi konke konke, kodwa balekelani kwelakwaYuda, kuba kuyakubakho ixesha lembandezelo elingazange libekho kususela ihlabathi laqalayo." Kwaye konke oko kwenzeka ngemihla xana injengele yamaRoma, uTito, yayingqingayo iYerusalem, yawutshisa umzi, kwaye kwabakho kuphela . . . yababulala abantu lada igazi labhabha laphuma emasangweni laqengqeleka laphuma e . . . ngaphandle kwezitrato. Wayingqinga. Andazi nje ukuba yayiyiminyaka emingaphi, ukuba wathabatha nje imikhosi

yakhe wenyuka wamisa nje inkampu kanye ukujikeleza isixeko. Kananjalo nabantu, abafazi, babilisa abantwana babo babadla, badla amaxolo asuka emithini, ingca emhlabeni. Oko kwakungenxa yokwala iLizwi. Oko koko okwayibangelayo. Kwaze emva koko . . .

38 Ngoku, abo balamkelayo iLizwi, njengoko uJosephus, umbhali-mbali omkhulu ebhala . . . Wababiza ngokuba ngamazim, wathi babesidla umzimba weNdoda ebizwa ngokuba nguYesu waseNazarete, Lowo uPilato wambethelela emnqamlezweni; kwaye beza ebusuku bawuba umzimba Wakhe, kwaye aba bantu bawuthabatha bawunqunqa wabangamaqhekeza bawudla. (Babesidla uMthendeleko, uyabona. Babengazi.) Yayilibali nje elijikelezayo, njengoko benayo namhlanje ngathi nangamanye amaKristu. Uyabona? Bathetha ezo zinto, kodwa . . .

39 Ngoku, abo bantu ababe . . . Isizathu, "Thandazani ukuba intsabo yenu ingabi ngexesha lasebusika," ElakwaYuda laligqunywe likhephu. Yabona, iKrisimesi? Ngoku, uYesu wazalwa njani phaya phezulu kwezo nduli zigqunywe likhephu? "Thandazani ukuba intsabo yenu ingabi ngexesha lasebusika nangeSabatha," yabona, ngenxa yokuba ngomhla weSabatha amasango ayevaliwe, kwaye babeya kubanjiswa kanye emgibeni wabo. Ukuba uTito uye wafika phaya ngo—ngo—ngoLwesihlanu emva kwemini, babengqingiwe khona phaya ngenxa yeSabatha, ngokuba iingcango zazivaliwe. Amasango ayevaliwe ngeSabatha kwaye akazange avulwe. Kwakungekho ukuza nokuphuma esixekweni ngomhla weSabatha.

40 Kwaye ngoku, uyabona ukuba kwenzeke ntoni? Emva koko Wathi, "Yeha kwabo banomntwana, nakubo abanyisayo ngaloo mihla," (yabona?) ngokuba ukwesaba nokubaleka . . . Kwaye ngokwembali, kwakungekho namnye kubo owayekholelwa kuYesu kwaye ekholwa liLizwi kodwa owayelindele oko ukuba kwenzeke. Kwaye bazimela, baze baphuma eYerusalem baya kwelakwaYuda, kwaye—kwaye basaba besindisa ubomi babo, kwaye akukho namnye kubo . . . ngokuba babelunyukisiwe nguMalusi wabo kwaye babeqaphele ukuba la yure ifike. Xana bevayo ukuba uTito wayesiza, banduluka, babaleka besindisa ubomi babo, baphuma emzini.

Ngoku, umbuzo olandelayo uyalandela.

237. Mateyu 24:24: "Kwaye kuya kuvela abaprofeti ababuxoki, nokristu ababuxoki, nabaprofeti ababuxoki, kwaye bayakubonisa imiqondiso emikhulu nezimanga." Siya kubaqonda njani?

41 "Kuya kuvuka . . . " Ngaloo nto ngoku uyehla uye kwesinye isigaba. Yabona? " . . . vuka ookristu ababuxoki, nabaprofeti ababuxoki." UKristu wobuxoki ngumthanjiswa wobuxoki, ngokuba uKristu unguMthanjiswa. Bangaphi abaziyo ukuba

u*Kristu* uthetha "uMthanjiswa"? Kuyakubakho abathanjiswa bobuxoki, kwaye baya kuzibiza ngokuba ngabaprofeti. Kodwa uya kubaqonda njani? NgeLizwi; leyo yindlela oyakuyazi ngayo, ngeLizwi, ukuba banyanisile na. Siya kubaqonda njani? Iyakuba ngeLizwi. Ukuba ba . . . Ukuba bathi banalo iLizwi, baze balikhanyele iLizwi, ngoko akukho nto kuyo, nokuba benza ntoni na. Basenokuphilisa abagulayo; bangavula amehlo eemfama; baze balikhanyele iLizwi, hlalela kude kuyo. Andikhathali nokuba yintoni na, hlala nela Lizwi nokuba kuyintoni (yabona?), ngokuba amaxesha amaninzi ndiye ndabona ivoodoo kunye nazo zonke iintlobo zezinto ezenzeka phantsi—phantsi kokuphiliswa.

42 Nanku ehleli uMzalwana Sidney Jackson, uDade Jackson ngale ntsasa ovela eMzantsi Afrika. Unokuma apha athabathe la mxholo aze ngokwenene anixelele izinto ezithile malunga nawo phaya ezantsi. Kutheni ngokuqinisekileyo, abantu beza kwizithixo baze baphiliswe. Yabona, ngokuba kutheni?

43 Kanye njengokuba uGqr. Hegre wandinika okwa kungxoliswa ngelo xesha, kwam ndisithi umtyholi akanakuphilisa. Kwaye wathi, "Indoda ema phambi kwabantu abaninzi njengawe usenza, kunye nemfundiso yezakwalizwi ehlwempuzekileyo," wathi, "usithi umtyholi akanakuphilisa." Wathi, "Sinomfazi kanye ebumelwaneni bethu uphatha umbhinqo awujikele, aze aye phaya; kwaye abantu beza ngakuye kwaye bamelwe kukuwisa imali kulo mbinqo; emva koko abahlikihle kwaye akhuphe iinwele entloko kuye kunye negazi emithanjeni yabo kwaye—kwaye alibeke enweleni kwaye ayiphose emva kwakhe; kwaye unyanzelekile ukuba ajonge ngasemva, isifo sibuyela ebantwini. Kwaye," wathi, "amashumi amathathu epesenti kubo ayaphila. Emva koko uthi umtyholi akakwazi ukuphilisa?"

44 Kwaye ndacinga, "Owu, bethu!" Ndambhalela ndambuyisela, ndaza ndathi, "Mhlekazi othandekayo:" Ndathi, "Yinto engaqhelekanga kum ukuba intloko yekholeji yamaLutere wayeyakuyisekela imfundo yakhe yezakwalizwi phezu kwamava endaweni yeLizwi likaThixo." Yabona? "ILizwi likaThixo lithi uSathana akanakukhupha uSathana. Yiloo nto kanye; Watsho uYesu." Ukuba uSathana . . . Yithi, "Emva koko unokuzibuza ukuba aba bantu baphiliswa njani ngaloo nto, elagqwirha, kungenxa yokuba abantu ngokwabo bacinga ukuba basondela kuThixo ngelo gqwirha. Ke ukuphilisa kusekelwe elukholweni, hayi phezu kobulungisa obubo, ulunge kanganani, uyigcina kangakanani imithetho, okanye nokuba yintoni na, isekelwe ngokundilisekileyo phezu kokholo. 'Zonke izinto zinokwenzeka kwabo bakholwayo!' Yabona? Ayisekelwanga ekubeni ulunge kangakanani. Ndikhe ndabona amahenyukazi esiza eqongeni kwaye aphiliswe ngoko nangoko kwaye umfazi ongcwele awele iqonga ayiphose. Ngokuqinisekileyo, isekwe

phezu kokholo, 'Ukuba unokukholwa,' hayi phezu kobulungisa."

45 Jonga apha ezantsi eFransi apho baya kulaa tempile yaloo mfazi, bangena apho ngezitulo ezinamavili kwaye baphume behamba, hayi phezu kwanto ngaphandle kwenkolelo nje, ukuba nantoni na, ukusebenzelana nemimoya, ukunqula umntu ofileyo. Yabona? Kwaye ukanti bayaphiliswa, ngokuba bacinga ukuba basondela kuThixo. Ngoku, hayi ukujongela phantsi abantu bamaKatolika, ndijongela phantsi inkqubo yamaKatolika, kanye njengokuba ndiyinkqubo yobuProtestanti (yabona?), zonke ezi zinto.

46 Ngoku, balungiseleli, ndiyazi ukuba oku kuyakukrazula, kodwa ndiphendula imibuzo; kwaye ndiyafuna—ndifuna ukuba niqonde oko (yabona?) Mna nje—nje ndinixelela iNyaniso esuka entliziyweni yam; UKristu phambi kwam ngokona kulungileyo kokwazi kwam. Yabona? Zizo zonke iinkqubo, kwaye ezo nkqubo zibajijile abantu. . . Abantu baya kujoyina iWisile, iBhaptizi, iRhabe, iPentekoste, iKatolika; kwaye bacinga ukuba basondela kuThixo xa bedlula nje kwinkqubo. UThixo uyayihlonipha ngamanye amaxesha kwaye athathe ezabo—ezabo izifo kubo ngezithixo. Ke, kanye kwiiHottentots zase Afrika bafumana impiliso ngezithixo njalo njalo (yabona?), kodwa bacinga ukuba basondela kuThixo.

47 Ucinga ukuba unongendi ongumKatolika uyahamba azibandakanye no—nobunongendi beKatolika kuba efuna ukuba ngumfazi ombi? Ujoyina obo bunongendi kuba efuna ukuba ngumfazi olungileyo. Indoda ayingeni kwinkonzo yamaKatolika ukuze nje ibe yindoda embi; iya phaya ukuze ijoyine ukuze ibe yindoda elungileyo. Awu. . . Yithi, "Ke, yintoni?" Nabo kananjaloo. . . kananjalo nomIndiya e-Indiya, okanye umHindu ujoyina ubuHindu ukuze abe ngumntu ongendawo.

48 Xana ndaya etempileni yama—yamaJain, apho ndenziwa udliwano-ndlebe apho ngulaa mpristi, njengopopu ehleli phezu komqamelo omkhulu, iinyawo zakhe zisongwe phantsi kwakhe, ebambe iinzwane zakhe, ngokunjalo ukubona kangangokuba wabhala uthelekiso lweSibhalo seNdumiso yama-23 ngeliso lakhe lize kwiqhekeza lentsimbi ngokuphantsi kune. . . hayi ngaphezulu kwekota ye-intshi. Ngoku, kwaye kungaphaya kwayo nayiphi na ingqiqo yomntu ukuyibhala, kwaye wayikrola apho ngeliso lakhe lenyama; kwaye wayeyindoda eminyaka engamashumi amane ubudala okanye ngaphezulu. Yabona?

49 Kutheni ngokuqinisekileyo, wena—wena uhlala nje apha, uve nje ngamaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe; umelwe kukuba uphume uye kungena entsimini ngelinye ixesha. Fumana izinto zokuvula amehlo akho! Yabona?

50 Ngoku, ucinga ukuba bonke abo dade bahleli phaya; abayi kwa. . . abayi kupheka; abayi kudla; kufuneka bangqibe yonke

into abayifumanayo. Abayi ku . . . benza iimophu ezincinci ngezandla zabo ukusula iimbovane kunye nezinto ukuzisusa esitratweni, ngenxa yokuba bekholelwa ekuveleni ngokutsha; basenokuba banyathela ubuhlobo babo. Abayikunyathela iimbovane, babulale iimpukane, okanye nantoni na; abafuni nokucoca iintsholongwane kwimela ukuze kuhlinzwe umnwe. Mayife indoda leyo, ngokuba babulala intsholongwane; inokuba yeyabo . . . ezinye zezizalwane zabo zibuyela emva. Yabona? Uhlala usiba ngcono, nangcono, nangcono; ekugqibeleni, uba ngumntu, umntu ongcono, kwaye njalo njalo, ude ube nguthixo. Ukuqhubeka, nokuqhubeka, nokuqhubeka, ukujikeleza, ukubangcono nokubangcono.

51 Ngoku, abakwenzi oko ukuze babe ngabantu ababi. Bakwenza oko ngokunyaniseka, kodwa uyabona, "Kukho indlela ethe tye phambi komntu." Inye kuphela into, bantu, endiyaziyo ukunixelela njenge—njengeklasi ngale ntsasa kule mibuzo, liLizwi, iLizwi likaThixo. Ngoko uyakholwa ukuba uYesu Kristu ulelaLizwi, kwaye elo Lizwi lenziwe inyama ngoku phakathi kwethu, ezalisekisa kanye oko Wathi Uyakukwenza kwesi sigaba sexesha. Konke kulungile.

Ngoku, leyo yindlela oyakubazi ngayo, hayi ngebandla labo, hayi ngemigaqo yabo, hayi ngomqondiso wabo, hayi ngamahlelo abo, hayi nangayiphi na impiliso, hayi nangantoni na, kodwa ngeLizwi. Yabona?

238. UMateyu 24:26 (olandelayo) **uthetha nge "igumbi elithile" kwaye "kwiindawo eziyintlango." Kuthetha ntoni oku?**

52 Kuthetha ukuba kuyakubakho abachasi-kristu, abachasi-ntambiso, njalo njalo. Kwaye yintoni isi*chasi*-? Uku*chasa* ku "ukuchasa." Iyakuba zezi zidalwa zinye ngokuchasene neLizwi. "Kwaye ziya kuba sentlango kunye namagumbi afihlakeleyo." Emva koko Wathi, "Musani ukuyilandela. Hlalani kude kuyo." Yabona?

Ngoku, umbuzo wesine:

239. Mateyu 24:28: (Umntu uyehla kanye. Abazange bayityikitye; ewe bayityikityile. Ndicela uxolo. Andiyi kubiza la magama, kuba akuyomfuneko. Yabona?) **Mateyu 24:28: "Kuba apho sukuba sikhona isidumbu, aya kuhlanganisana khona amakhozi." Ngubani isidumbu kwaye ngoobani amakhozi?**

53 Ngoku, lo ngumbuzo olungileyo, akukho nto iphosakeleyo kunye noko! Yintoni isidumbu? Isidumbu koko amakhozi akutyayo. Ngoku, ukhozi lugqalwa eBhayibhileni, njengomprofeti. Umprofeti lukhozi. uThixo—UThixo Uzibiza ngokuba lukhozi, kwaye singa "amantshontsho okhozi" emva koko, a—amakholwa. Uyabona? Yaye siyintoni isidumbu atya kuso? LiLizwi. Naphi na apho iLizwi likhona, indalo yokwenyani yentaka iyakuzibonakalisa. Yabona? Ukhozi,

olufuna inyama entsha, kufuneka lube nenyama yalo entsha. Alusiso i—alusiso isangnxa (yabona?), ilukhozi. Awunako ukumnika nto yobuhlelo; kufuneka abe nokutya kokhozi; yeyona nyama intsha, hayi into eyenziwa nguMoses, hayi into eyenziwa ngomnye umntu, ingeyiyo into uSankey, uFinney, uKnox, uCalvin, kodwa kanye ngoku, iNyama exhelelwe lo mhla. Kwaye leyo yinxalenye kaKristu owafayo ukwenza eli Lizwi liqiniswe. Yiloo nto atya kuyo. Uyayifumana? Yabona, yabona?

54 Hayi oko uNowa wakwenzayo, oko uMoses wakwenzayo, bayimizekelo; siyabona kwaye sifunde oko bakwenzayo, kodwa koko Wathembisa ukukwenza ngoku. WayeliLizwi phaya kudala; yayisisiDumbu saloo mini. Usuku luka—lukaWesley yayisisidumbu saloo mhla; umhla kaLuther yayisisidumbu saloo mhla; kodwa ababuyeli kuloo nto. Oko sele kungcolisekile. Oko kwakusele kumele kutshiswe, nokoMthendeleko kwa; ungayishiyeli isizukulwana esilandelayo. IBhayibhile ithe xana usenza uMthendeleko, yintoni eseleyo kuwo, ungayivumeli nokuba ilale kude kuse; yitshise. Ke bhekisa emva koko? Hayi, mhlekazi! SinoKutya okutsha namhlanje; liLizwi elithenjiswe kule yure, libonakalaliswe ngale yure. Kulapho amakhozi akhoyo, apho sikhoyo isidumbu. Singahlala ixesha elide kuloo nto, kodwa ndiqinisekile ukuba uyayiqonda into endiyithethayo.

Kulungile, umbuzo wesihlanu:

240. Ingaba uMtshakazi uyakuhlanganiselwa kwindawo enye kuXwilo, kwaye ingaba iyakubaseNtshona?

55 Hayi, akudingeki ukuba ibe phaya. Ehe, uMtshakazi uyakuhlanganiselwa kwindawo enye. Oko kuyinyaniso, kodwa kungekhona de kube luvuko. Yabona? "Kuba thina babudlayo ubomi, nabasaseleyo, ekufikeni kweNkosi. . . " Kwabase-Efese, okanye, kwabaseTesalonika beSibini isahluko se-5, ndiyakholwa ukuba siso. "Thina babudlayo ubomi nabasaseleyo ekufikeni kweNkosi, asiyi kubathintela (okanye sithintele) abo baleleyo (kwindawo yonke); ngokuba liya kukhala ixilongo likaThixo, bavuke abafele kuKristu, yaye siya kuxwilwa kunye nabo siye kuyikhawulela iNkosi esibhakabhakeni." Ngoko ke, uMtshakazi uyakuba kunye xa Esiya kuhlangana neNkosi. Yabona? Uyakuba kunye, kodwa oko akuthethi ukuba thina. . . bonke bamelwe kukuba behleli ndaweni inye ngolu hlobo; ngokuba uMtshakazi ulele eluthulini lomhlaba jikelele, ukusuka kwi Arctic yemikhence ukuya kwezona ndawo zishushu, nokusuka—ukusuka empuma kuye entshona, ukusuka entla kuye ezantsi.

56 UYesu wathi, "Xana athe wabonakala uNyana woMntu," kutheni wathi, "kuya kuba njengokukhanya okukhanya ukusuka empuma kuye kutsho entshona." Yonke into,

kuyakubakho uvuko, uXwilo, kwaye Luya kumka. Kwaye ngaphambi kokuba Lunyuke ukuya kuMhlangabeza . . .

57 Khangela ubulumko beNkosi. Ngoku, masithi, umzekelo, ekuthetheni oku . . . Ndikuthetha oku ngeengcinga zobabalo nokholo eLizwini, ukuba ndithi "thina." Ndiziphosa phakathi kunye nani nonke nam—kunye nawo wonke uMzimba kaKristu, jikelele. Ndi—ndiyakukholelwa oko. Xana ndisithi "thina" ngoko, ndithetha, ngobabalo ndi—ndiyayikholelwa. Ngokholo ndiyayikholwa kubabalo Lwakhe, ukuba siyakuba phakathi kwabo bantu bayakuxwilelwa phezulu.

58 Ngoku, into yokuqala yenzeka xana sivuswa . . . Abo baphilayo baya kuhlala behleli . . . Uvuko luyakubakho kuqala, uvuko lwabo baleleyo. Kuyakubakho ixesha lokuvuswa, nabo balele eluthulini ngoku, hayi abo balele esonweni, kuba baqhubeka belala. Abavuki eminye iminyaka eliwaka. Kodwa abo ba—abalele eluthulini baya kuvuswa kuqala, kwaye baya . . . le mizimba inokonakala iya kwambatha ukungonakali kuxwilo lobabalo lweNkosi. Kuze emva koko sonke siya kuhlangana sonke. Kwaye xana beqalisa ukuhlangana, emva koko thina badla ubomi nabasaseleyo siya kutshintshwa. Le mizimba ifayo ayiyi kubona kufa, kodwa ngequbuliso, kuya kubakho njengokutshayela kuthi, kwaye utshintshwe. Ubuyiselwe njengoko wayenjalo u-Abraham, ukusuka kwixhego ukuya kumfana, ukusuka kwixhekwazi ukuya kumfazi oselula. Yintoni olu tshintsho lwequbuliso? Kwaye emva kwthuba wena—wena uhamba njengengcinga, kwaye unokubabona ngoko abo sele bevusiwe. Owu, enjani iyure! Emva koko siya kuhlanganisana kunye nabo kwaye emva koko sixwilwe kunye nabo ukuya kuhlangana neNkosi esibhakabhakeni.

59 Akuyomfuneko, ukuba umalume wakho ungcwatywe emazantsi eKentucky, ukuba umelwe kukuba aziswe e-Indiana, okanye angcwatyelwe e-Indiana kufuneka asiwe emazantsi eKentucky. Akunamsebenzi nokuba uphi . . . Abo bafele elwandle baya kuvuka elwandle. Abo batshatyalaliswe kuloo ndawo yemidlalo kwaye badliwa ziingonyama, abo baphoswa kwiziko lomlilo kwaye akuyi kusala namathambo okanye uthuli, basaya kuvuka! Nokuba babeseRoma, okanye ibala lemidlalo eRoma, okanye nokuba babesebushushwini bamahlathi asemaZantsi, okanye kwimimandla enomkhenkce yaseMantla, baya kuvuka kwabafileyo baze baguqulwe banyuswe; kwaye abaphilileyo baya kutshintshwa ngesiquphe, ngokuqhwanyaza kweliso, baxwilwe kunye.

60 Jonga kumamishinari abafa ezantsi phaya emasimini ase Afrika. Jonga kwabo bafele phaya phezulu kwi—kwi—imimandla enomkhenkce yaseMantla. Khangela kwabo bafela ebaleni lemidlalo, kwihlabathi liphela, eCongo, nakwihlabathi jikelele ukunqumleza ihlabathi. Bafele kuyo yonke indawo,

eTshayina, eJapan, kwihlabathi jikelele; kwaye uKuza kweNkosi kuyakuba yinto yendawo yonke, olu Xwilo luyakuba njalo.

61 Qaphela utshintsho. "Kuya kubakho ababini ebhedini; Ndiza kuthatha omnye ndishiye omnye," kwangelo thuba linye, "Kuya kubakho ababini entsimini; Ndiza kuthatha omnye ndishiye omnye," omnye kwicala elimnyama lomhlaba kwaye omnye kwicala lokukhanya lomhlaba. Yabona? Iya kuba luXwilo lwehlabathi lonke. Ewe, iBandla liyakuba kunye, kodwa emva, emva kovuko noXwilo lungenile.

62 Ngoku, ukuba leyo asiyondlela oyibona ngayo, ngokuba, kulungile ngoku. Andithethi ncam xa ndisithi; siyakushicelela oku. Uyabona? Kwaye isenokuba ngabanye abalungiseleli abangavumelaniyo noko. Kulungile.

241. Mzalwana Branham othandekayo, umbuzo wam ungobhaptizo. Umntu usindiswa nini? Ndikhe ndeva xana umntu wakholwa. Abanye bathi xana usamkela uMoya oyiNgcwele usindisiwe, nangona ungekabhaptizwa emanzini, njengakwimeko kaKorneli kwiZenzo 10:47. Abanye bathi uPawulos wasindiswa endleleni eya eDamasko, kodwa kwiZenzo 22:16, ithi wayesenezono zakhe kwiintsuku ezintathu kamva. Ingaba umntu unokubhaptizwa kuMoya oyiNgcwele njengoko wayenjalo uKorneli, kwaye futhi usenezono zakhe, ekubeni engabhaptizwanga ngamanzi, kwi, okanye ingaba ukudlulela komntu eZulwini akwenzeki ade abe nobhaptizo lwamanzi, nangona enoMoya oyiNgcwele?

63 Ngoku, mhlobo wam othandekayo . . . Ngoku, lo mzalwana utyikitye igama lakhe; andimazi, kodwa utyikitye igama lakhe. Kodwa a—andiyi kubiza amagama, kuba akuyomfuneko; kuba abanye abantu baya kufika kubo bathi, "Ewe, a—andivumelani nawe ku*le* na*leya*." Yabona? Kwaye andizukubiza amagama. Uninzi lwale inamagama abo atyikityiweyo, kodwa mna . . . ngenxa yam nje. Yabona? Ndiyibuyisela apha, ukuze ndikwazi ukuyigcina. Ke ngumbhalo nje ozuba; eminye yawo ichwetheziwe kunye neendlela ezahlukeneyo.

64 Ngoku, umbuzo apha kuqala waba: "Usindiswa nini?" Kwaye okulandelayo, i . . . landela oku, "Ingaba izono zinokuxolelwa ngaphandle kobhaptizo lwamanzi, kuba uKorneli wayewamkele uMoya oyiNgcwele, yena nendlu yakhe, kwaye ukanti engekabhaptizwa emanzini." Yaye uPawulos ebengakhange . . . emva kokuba edibene namava akhe e . . . endleleni eya eDamasko, yena, kanjalo, wayesenazo izono zakhe kuye wada wabhaptizwa; ngokuba ithe (ndizifunde zonke ezi Zibhalo kwakhona ukuze ndiqiniseke) . . . Kwaye kwaba njalo . . . Wathi, "Phakama kwaye uhambe kwangoko uze ubhaptizwe, ubiza igama leNkosi, ubhaptizwe, ube nezono

zakho zixolelwe (zixolelwe), kwaye—kwaye uhambe ubiza eGameni leNkosi."

65 Kwaye ngoku, "Ingaba ubhaptizo loMoya oyiNgcwele . . . umntu angabhaptizwa ngaLo kwaye abe esenazo izono zakhe kwaye angabi—kwaye akabhaptizwanga emanzini."

66 "Ingaba ukugqithela komntu kuqinisekisiwe ukuya eZulwini xana ebhaptiziwe, nangona enoMoya oyiNgcwele; ukanti bafanele babhaptizwe emanzini, ngaphambi kokuba uhambo lwabo luqinisekiswe ukuya eZulwini?" Ngoku, ndiyakholwa . . . Ngoku, andi—andimazi lo mzalwana, kwaye ngumbuzo omhle kakhulu kunye nonengqondo. Kwaye kufuneka usingathwe ixesha elide, ngokuba kubalulekile ukuba sizazi ezi zinto. Yabona?

67 Ngoku, ndiyakholwa ukuba lo mzalwana usenokuba uthetha nam okanye enze ukuba ndiyithethe (okanye mhlawumbi uyakholelwa kuyo, andazi) kwaye . . . yento endicinga ukuba yinto nje e—echasene kancinane kolwenene, ukholo oluyinyani eLizwini. Ndi . . . Oku kuvakala ngathi mzalwana uthi . . . Ngoku, ntoleyo ilungileyo, Mzalwana; usenokuba uhleli apha; kwaye oko kulungile. Ndi—ndicinga ukuba oko kulungile . . . Ndiyavuya kakhulu ukuba uyibeke apha. Ngoku, yabona? Kodwa andikholelwa ekubhaptizweni emanzini ekuzalweni ngokutsha (yabona?), ngokuba xa usenza njalo, oko kuyalishiya iGazi. Yabona? Ubhaptizwa emanzini ukubonisa ukuba ukuzalwa ngokutsha kuye kwenzeka. Yabona? Lowo nje ngowangaphandle . . . umfuziselo wokuzalwa ngokutsha. Yonke loo nto iphumle ngokundilisekileyo phezu kokumiselwa kwangaphambili. Yabona? Kodwa asazi ukuba ngubani na onguye nokuba ngubani ongenguye; ke ngoko, sishumayela iVangeli. Ngokholo sihamba nje sishumayela.

68 Kodwa ekuzalweni ngokutsha ngoku, kulapho ndahluka khona nabazalwana boBunye. Kwaye nina bazalwana boBunye niyivayo le teyiphu yemibuzo, ukuba iyakuwela kwi ofisi yenu, okanye endlwini yenu, okanye phakathi kwenu bantu bangabantu boBunye, musani ukundiqonda ngokuphosakeleyo, ngoku, ukuba mna—mna—kuba nje asivumelani.

69 Mna nenkosikazi yam asivumelani; ngokuqinisekileyo senza njalo. Ndimxelela ukuba ndiyamthanda, kwaye uthi akakholelwa ukuba ndiyamthanda. Ke ngoko—ke ngoko asivumelani ngokuqinisekileyo, kodwa ndiyanixelela, ngokuqinisekileyo siyaqhubeka kakuhle.

70 Ngoku qaphela. Mhlawumbi andibonisi zimpawu zaneleyo kuye, ukuba ndiyayenza. Kodwa ndiphumile ndishumayela, ndize ndingene ekhaya ndithabathe intonga yam yokuloba ndize ndiye kuloba. Yabona? Kodwa ezantsi entliziyweni yam ndiyamthanda; nje kufuneka ndihlale kude naye, kuphelele apho.

71 Ngoku, qaphela koku . . . Ngoku, ukuba asivumelani, kulungile; kodwa uyabona, amanzi akazixoleli izono; yimpendulo ebhekisa kwisazela esilungileyo.

72 Ngoku, ndiyasikholwa isizathu sokuba uPawulos abhaptizwe apho, kuba isemthethweni kwaye ibalulekile eBhayibhileni ukuba sibhaptizwe. Ngokuba ndithatha kanye emva koku ngoko: xana isela lalijinga emnqamlezweni . . . Kwaye lafa lingabhaptizwanga konke konke, kwaye ukanti ngesithembiso sokuba uYesu uya kudibana naye eParadesi ngaloo mini; eParadesi, kungekhona kwimimandla yabalahlekileyo, kuba yayikokokuqala ngqa ukuba ithuba linikezelwe kuye.

73 Kwaye ndiyakholwa ukuba iimeko ezifanayo zazikwezo ntliziyo endlwini kaKorneli xana balamkela ngovuyo ilizwi likaThixo. Kwaye uMoya oyiNgcwele ulelo Lizwi lenziwe laphila, kwaye Lalidliswa ubomi kubo. Eso sisizathu sokuba uMoya oyiNgcwele aqalise ukuthetha ngezinye iilwimi kwaye aprofete. Yayizintliziyo ezamnkelayo zabantu elathi iLizwi lawela kuzo, zibona konke okungaphezu kwendalo.

74 Oko koko kundibhidayo namhlanje kule yure siphila kuyo. Emva kokuba elo qela lamaRoma libe nje . . . namaGrike, njengoko ayenjalo, ayesandula ukubona ukubonakaliswa kombono oqinisekisiweyo, UMoya oyiNgcwele wazothusa iintliziyo zabo wada uPetros esathetha la mazwi, uMoya oyiNgcwele wawa phezu kwabo. Yabona?

75 Kanye ngokufana . . . Yabona, uKorneli wathi, "Yiya kubiza . . . " Wayengumthetheli-khulu, kwaye oko kusuka "inkulungwane" ivela kwikhulu. Wayengaphezu kwekhulu lamadoda. Ungumthetheli-khulu womRoma; kwaye waye—wabona umbono xa wayethandaza, kwaza kwafika iNgelosi kuye. Wayeyindoda elungileyo. Wathi, "Yihla uye eYopa. Omnye uSimon, umsuki wezikhumba, kukho lowo ubizwa Simon Petros. Uphezulu . . . Uyakumfumana apho, kwaye uyakuza kukuxelela aMazwi."

76 Kulungile, wayecinga ukuba lo mbono wawuyinyani. "Andimele ukuba ndandilele; Ndandijonge ngqo kwi—iNgelosi." Ngoko wehlisa amanye amajoni akhe athembekileyo.

77 Kwaye ngethuba ephaya, uThixo wayesenza umpostile alunge kwelinye icala lomgca. Kwaye Wathi, "Ngoku, vuka." Wathi . . . Ukubona wayephezulu kumphezulu wendlu elinde i . . . UNksk. Simon ukuba alungise isidlo sedinala. Kwaye ngelixa wayephaya phezulu . . . Wayelambile, mhlawumbi ehamba, umpostile wayehamba, enqumla i—iintlango. Kwaye—kwaye wayengqengqe apho phezu kwendlu kanye phambi kwesidlo sangokuhlwa, phezu kwendlu, njengoko kwakulisiko. Futhi besenza kwaloo nto inye, balale phezu kophahla, baze behle ngeleli kwaye ngamanye amaxesha izinyathelo

nezinto ezinjalo, ukusuka eluphahleni; ahlale apho ngorhatya olupholileyo.

78 Kodwa umpostile walala ubuthongo, yaye ngethuba wayelele, wasuka wagqitha kubuthongo wangena embonweni; kwaye ke wabona ilaphu lisihla linazo zonke izinto ezingcolileyo nezinto ezikulo, kwaye weva iZwi lisithi, "Vuka, uxhele udle."

Wathi, "Akunjalo, Nkosi, akukho nto yakha yangena emlonyeni wam ingacocekanga."

79 Ngoku, yabona, kukho umbono. Ngoku, khangela! Loo nto imelwe kukutolikwa. Ngoku, oko kukhangeleka ngathi uPetros uza kuthabatha uhambo lokuya kuzingela kwaye wayeza kukhangela uhlobo oluthile lwesilwanyana awayengasoze asitye ngaphambili azame ukusitya. Wathi, "Akunjalo, Nkosi, a—akukho nto iyinqambi yangena emlonyeni wam."

80 Wathi, "Musa ukubiza oko kucocekile into endiyenze... yinqambi into endiyihlambululayo." Wathi, "Phakama, kukho amadoda akulindile esangweni. Hamba, ungathandabuzi nto." Kwangelo xesha babenkqonkqoza emnyango. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini—Mhl.]

81 Ngoku, yabona? Kwaye ngoko xana wafumana le ndoda phaya, la majoni athembekileyo, ngokombono kanye... Kwaye apha babuya kunye kwanaloo ndoda ikwanye wayeyithethile uThixo embonweni...umntu ongaziwayo, umlobi nje omncinci ongaziwayo. Kodwa phakathi kwelo qela lincinane, laliphawuleka kangangokuba wafumana lo mlobi mncinane. Kwaye nanku elapha phezulu esiza endlwini ngoku, kanye kuloo ndawo wawubone kuyo umbono. UKorneli wabahlanganisa bonke abantu, wathi, "Ngokuba, yindlela kanye endiyibone ngayo." Waza ngoko uPetros wema waza waqalisa ukuthetha malunga nendlela abamamkele ngayo uMoya oyiNgcwele, kwaye ngeli thuba esathetha...! Babebone yonke into ngokugqibeleleyo ngokolandelelwano lombono omnye. Iqela labantu ababeziNtlanga, ababona umbono omnye ubonakalaliswa, kwaye baliva iLizwi leNyaniso lokuba bayakubamkela njani na uBomi; kwaye uMoya oyiNgcwele waba phezu kwabo phambi kokuba babhaptizwe.

82 Imelwe kukwenza ntoni kulo mnquba ngale ntsasa? Abagulayo, abaxhwalekileyo, iimfama, izithulu, izimumu, iimfama—umoni, yonke into...Khawucinge nje, kumawaka alishumi ezinto, akukho nalinye ixesha elakha lasilela nokuba libe linye! Kaloku, kufanele kuzivuse iintliziyo zethu!

83 Ngoku, ngoku, yena esa, ngethuba esathetha la mazwi, uMoya oyiNgcwele wehla. Emva koko uPetros, "Singawalela amanzi, sibona ukuba aba bafumene uMoya oyiNgcwele njengoko senzayo." Ndiyakholwa ukuba izono zabo zazisele zimkile, kuba uMoya oyiNgcwele ngengazange angene; kwaye Ebenganakuza ngaphandle kokuba ibe sisitya esamiselwa

ngenxa engaphambili. Wayesazi ukuba babeza kulandela. Wayesazi . . .

84 Ndiyakholwa uPawulos, isizathu sokuba abhaptizwe kwakhona kukuba, wayewatshutshisile amaKristu. Injalo lo nto. Kwaye Yena, uThixo wayesazi, kuba Wathi, "Ndimnyule yena," Watsho kuHananiya umprofeti. Xana Wayesazi ukuba uSawule wayelapho phantsi egumbini, ubuso bumnyama namehlo amnyama, kwaye waye—wayethandaze kakhulu nothuli konke phezu kwakhe, kwaye wamfanyekiswa kwiNtsika yoMlilo eyabonakala kuye endleleni ehlayo; kwaye Wathi, "Ndimnyulele ukuba abe sisitya seeNtlanga." UThixo wayeyazi ukuba—ukuba uHananiya uyakubanako ukumbhaptiza eGameni likaYesu Kristu kuMlambo iDamasko kwiintsuku ezintathu emva koko. Kodwa ndiyakholwa ukuba izono zakhe zazisele zixolelwe, kodwa kwafuneka ukuba enze oku ukubonisa ihlabathi. Kwaye ndiyakholwa ukuba naso isizathu sokuba sibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu. Kwaye ndiyakholwa ukuba imbewu eyamiselwa ngenxa engaphambili iyakuyibona, kwaye ngabo kuphela abayakuyibona.

85 Ngoku, bazalwana bokholo lwetriniti, andigibiseli kuni oku, mzalwana wam othandekayo, ndiphendula imibuzo kuphela. Ndinikela kuphela iingcinga zam zokwenyani ngayo. Le teyiphu isenokuphelela e-Afrika ngelinye ixesha. Ndiyakholwa ukuba sisemathunzini oKuza Kwakhe. Sonke siyakukholelwa oko.

Ndinabahlobo abaxabisekileyo, abakwaDuPlessis nabakwaSchoeman, nabo bonke, uYeager, nabo bazalwana balungileyo e—eMzantsi Afrika. Kodwa kusoloko kukho umntu ovele aphume yedwa ebomini bendoda. Kwaye kuwo onke amadoda aye—kwaye ndibathanda njengoko ndimthanda lo mzalwana, ethandeka nje, kodwa uMzalwana uJackson nenkosikazi yakhe bahlala bephume bodwa ebomini bam. Andizange nje ndiyiqonde; u—uphume yedwa. Ngoku, kukho uJustus duPlessis, umhlobo osenyongweni, kwaye owu, abaninzi kwabo balungileyo, abazalwana noodade abalungileyo be Afrikaans.

86 Ke, kwakutheni ukuze uMzalwana uJackson nenkosikazi yakhe baphume bodwa kum? Kuba wayengumzingeli? Hayi! Ngokuba ndinabahlobo abaninzi babazingeli abalungileyo phaya ezantsi. Kodwa kwakutheni ukuze aphume yedwa? Kwaye kutheni? Ukuba ubusazi imfihlo emva kwayo yonke le nto. Kodwa andibaxeleli abantu zonke iimfihlo endizaziyo. Ke, kwakutheni ukuze kube kwangelo lixa eyathi iNkosi, "Qhagamshelana noSidney Jackson eMzantsi Afrika," INkosi ithethe noSidney Jackson ukuba eze apha? NgeCawe ngeveki wayebhaptizwa, yena nenkosikazi yakhe, eGameni likaYesu Kristu, kanye apha ngexesha lesithunzi. Yabona, kumiselwe ngenxa engaphambili kunobangela. Yabona?

87 Ngoku, ndiyakholwa ukuba u—u—usindiswe ngokwamkela uYesu Kristu. Kwaye ubhaptizo lwamanzi luyimbonakalo yangaphandle ebonisa into ethile yenzekayo ngaphakathi, ngokuba amanzi akanasidima; luphawu nje. Kwaye ndiyakholwa ukuba usindisiwe xa wena . . .

88 Ngoku, baninzi abantu (mandiyilungise le nto kumzalwana) . . . Baninzi abantu abakhoyo aba . . . bathi basindisiwe; abaninzi babhaptizwa eGameni likaYesu; abaninzi bathetha ngeelwimi, kwaye banazo zonke iintlobo zemiqondiso yoMoya oyiNgcwele, ukanti abakasindiswa nokusindiswa. Injalo lo nto. "Baninzi abaya kuza kuM ngaloo mini, bathi, 'Nkosi, andizange na ndiprofete eGameni Lakho?' (umshumayeli) 'Andizange, ngeGama Lakho, ndizikhuphe iidemon, ndenza imisebenzi emininzi yamandla.'" Wayeya kuthi, "Mkani kum, nina nenza okuchasene nomthetho; Andizange ndinazi nokunazi." Yabona? Ngoko zonke ezo zinto, kodwa—yiyo—nguThixo; isezandleni Zakhe. Kodwa xana ndiyibona . . .

89 Uthi, "Ke ngoko, kutheni ubabuyisela abantu baphinde babhaptizwe?" Kungenxa yokuba ndilandela umkhomba ndlela wokuqala. Asinakuphulukana nalo mzekelo.

90 Ngoku, sithatha umpostile uPawulos xa wafumana abafundi abathile ababengabantu abamangalisayo. Ndiyakholwa ukuba babesindisiwe, ukanti babengabhaptizwanga eGameni likaYesu Kristu, nangona babebhaptiziwe (IZenzo 19). UPawulos wacanda kunxweme olungasentla lwase-Efese; ufumana abafundi abathile. Wathi ke kubo, "Nimamkele uMoya oyiNgcwele ukusukela oko nakholwa?"

Bathe ke bona kuye, "Asazi malunga noMoya oyiNgcwele, nokuba ukho na uMoya oyiNgcwele."

Wathi, "Nabhaptizelwa entwenini ngoko?"

Bathe, "Siye sabhaptizwa. UYohane wasibhaptiza, kwaloo ndoda yabhaptizayo uYesu." Lubhaptizo olulunge kakhulu olo.

91 Mjonge lo mpostile ungqongqo nangona kunjalo. Wathi, "Kodwa uYohane wabhaptizela enguqukweni kuphela," hayi ukwenzela uxolelo lwezono, ngenxa yokuba idini lingabulawanga, wabhaptizelwa kulo . . . Baze bakukuva oku, baphinda babhaptizwa eGameni likaYesu Kristu, waza uMoya oyiNgcwele wehla phezu kwabo.

92 Ngoku, kwenza ntoni oku? Kubonisa ukuba aba bantu babemiselwe ngenxa engaphambili ukuba bangene eBomini, kwamsinya nje bakuba beyibonile iNyaniso yeZibhalo, bahamba eNyanisweni baza bamkela umvuzo wekholwa: uMoya oyiNgcwele wehla phezu kwabo, baza bathetha ngeelwimi, baprofeta, bamenza mkhulu uThixo. Uyayifumana ngoku? Yabona? Bakwenza oko emva kokuba babesele benovuyo olukhulu, bekhwaza, bedumisa uThixo.

93 EBhayibhileni babenomshumayeli ongumBhaptizi phaya phezulu; naye wabhaptizwa. Kodwa waye, kwaye waye—ngqinwe nge—ngeBhayibhile ukuba uYesu wayenguKristu. Kwaye abantu babenovuyo olukhulu, kwaye nje babevuya kakhulu kuyo; kwaye sekunjalo babengenawo uMoya oyiNgcwele! Kwakufuneka baphinde babhaptizwe kwakhona. Kwaye uPawulos wathi kumaGalati 1:8, "Ukuba iNgelosi evela eZulwini ifika ishumayela naziphi na ezinye iindaba ezilungileyo ezinxamnye nezi ndinishumayeza zona, mayisingelwe phantsi." Ungakhathali nokuba iya kuba yintoni na.

94 Ke ngoko, nizaziyo ezi zinto . . . Mhlawumbi anizazi, bazalwana bam; kodwa ekwazini ezi zinto, ngoko ndibophelelekile kuThixo ukuba ndenze icebo lesiseko sokuqala, kuba akukho mntu wumbi unokubeka nasiphi na esinye isiseko ngaphandle kweso sibekiweyo; eso ngabapostile nabaprofeti. Abaprofeti bayixela kwangaphambili, yaye abapostile bayenza; kwaye kufuneka siqhubeke siyiqhuba de isakhiwo sigqitywe.

95 Ngoku, ndiyakholwa ngoko, ukuba umntu uyasindiswa xa ekholwa eNkosini uYesu Kristu ngentliziyo yakhe yonke, kwaye ngokusuka entliziyweni yakhe, hayi kwisazela sakhe sangaphandle ngoku . . .

96 Yabona, u—ungumntu ombini, abantu abathathu komnye, umphefumlo, umzimba, nomoya. Ngoku, ndiyakholwa izimvo zakho zangaphandle, umphefumlo wakho—wakho ukusuka kwi . . . hayi umphefumlo wakho, kodwa isazela sakho sangaphandle, iimvakalelo zakho . . . Xana uvukile, ngamanye amazwi, u—usebenza ngezimvo ezintlanu: ukubona, ukungcamla, ukuchukumisa, ukujoja, nokuva. Ezo zazinikiwe kuphela ukuba uqhagamshelane nekhaya lakho lasemhlabeni; kwaye a—azizange zanikezwa kuwe ukuba uqhagamshelane nekhaya lakho lasezulwini. Ngenene kukho izimvo ezintandathu kumzimba womntu, ngokuba ukwinani lesithandathu eBhayibhileni. Wadalwa ngomhla wesithandathu, kwaye yena ulinani lesithandathu, umntu unguye. Kwaye unokubona, ukungcamla, ukuchukumisa, ukujoja, ukuva, kunye nokholo. Ukholo lwakhe lumisela indawo aya kuyo, apho aya khona.

97 Ke kaloku, ukholo kukukholosa ngezinto ezithenjiweyo, ubungqina bezinto ongaziboniyo, ongazingcamliyo, ongazichukumisiyo, ongazijojiyo, okanye ozivayo. Kodwa ngokholo, xana ebamba iLizwi, Limthumela kummango (yabona?) oko kuYenza ibe yinene kakhulu kuye, ade afane kanye njengokuba eyiphethe esandleni sakhe. Uyazi ukuba iya kwenzeka.

98 Ngoku, kukho into efanayo kulo mbuzo ulapha kubhaptizo lwamanzi. Yabona? UThixo wayesazi ukuba aba bantu babeza kubhaptizwa eGameni likaYesu Kristu. Kwaye uPawulos,

wabeka ingxelo yokuba akukho mntu, kwaneNgelosi evela eZulwini, akufanele ifundise nayiphi na enye imfundiso ngaphandle kwaleyo ayifundisiweyo; Ngoko ke, ukuba ndithe ndeza njengomshumayeli, njengomlungiseleli, njengomprofeti, nokuba yintoni na endinokuba yiyo, okanye kwa neNgelosi isihla, kwaye iyakufundisa into echaseneyo naleyo yenziwa ngulo mpostile, kwaye andizange ndiyalele abantu ukuba babhaptizwe kwakhona eGameni likaYesu Kristu, Ndingafunyanwa yiBhayibhile ndilingqina lobuxoki laloo nto endibanga ukuba ndiyayikholelwa.

99 Ngoko ndiyakholwa ukuba umkhomba ndlela ubekiwe. Wonke umntu eBhayibhileni wabhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu. Akuzange nangaliphi ixesha umntu wakhe wabhaptizelwa egameni loYise, Nyana, uMoya oyiNgcwele. Yabona? Akuzange kubekho mntu wakha wafefwa; bantywiliselwa bonke.

100 Ke ndiyakholelwa ukuba xa ngokwenene . . . Kumbuzo wakho, mzalwana othandekayo, ndiyakholwa ukuba xana uThixo eyazi intliziyo yakho . . . Kuyakubakho amawaka apho abhaptizwe eGameni likaYesu. Wehla nje ungumoni owomileyo uze unyuke ungomanzi. Yabona, yabona? Kodwa njengekholwa lokwenyani, ukuba kufuneka uhambe ngalo lonke ukholo nesazela esilungileyo ngakuThixo, xana uyibona, ubhaptizwe! Kodwa ndiyakholwa ukuba kukwimbonakalo yangaphandle kuphela ebonisa ukuba umsebenzi wangaphakathi wobabalo wenziwe.

101 Kanye into ekwanye njengokuba uThixo wawakhayo umkhombe. Wathi, “Nowa, ngena kuwo, wena nosapho lwakho nendlu yakho.” Kwaye bangena kuwo. Ngoku, ndiyakholwa ukuba bekungekho mkhombe apho, UThixo wayenokumvumela uNowa ukuba ahlale phezu kokhuni okanye ahambe phezu kwamanzi. Yabona? Kodwa Wamenzela umkhombe ukuba angene kuwo, kwaye yayiyindlela yokwenza oko; leyo yayiyindlela elungiselelwe nguThixo. Ndiyakholwa ukuba uThixo usindisa umntu ngobabalo. EGameni likaYesu Kristu ngembonakalo yangaphandle yindlela ebonelelwe nguThixo yokungena kulo, kuba bonke babhaptizwa ngaloo ndlela.

102 Andimgwebi omnye umfo, kodwa kunjalo oko nje yi . . . Ndicinga ukuba oko koko kukuko. Amanzi awamsindisi umntu, abonisa kuphela ukuba usindisiwe; yimbonakalo yangaphandle. Ngoku, loo nto isenokuba ayilunganga, mzalwana. Ukuba akunjalo, ke, siya kuyifumana ngelinye ixesha okanye . . . Konke kulungile.

242. KwiGenesis 6:4, emva konogumbe, iingxilimbela zazivela phi?

103 Lowo ngolungileyo, ulunge kakhulu. Ngumbuzo onengqondo lowo. Kuphi apho zazivela khona ezi ngxilimbela?

U-Adam wayengeyiyo ingxilimbela ngokokwazi kwethu, kuba ukuba bekunjalo, iBhayibhile ngeyitshilo. Wayengumntu nje oqhelekileyo. Kuphi apho zivela khona? Ngoku—ngoku, le yimpikiswano enkulu, kwaye oku kunikezelwe kum nje. Isephepheni elikhulu, elimnyama, kwaye li, okanye, abakhulu, oonobumba abamnyama kwiphetshana elimhlophe.

104 Ngoku, ezi ngxilimbela . . . Ndiyakholwa ukuba yayinye . . . umntu othile apha kungekudala . . . Isenokuba nguJosephus. Andi—andiyithethi loo nto ngoku, bazalwana abangabalungiseleli, ukuba yayinguJosephus. Kodwa kum kubonakala ngathi isenokuba ibinguye, okanye uGqr. Scofield, okanye abanye babo, abatshoyo ukuba ezi ngxilimblela zazikwelo lizwe eneneni yayiyimimoya kaThixo ewileyo eyayiphulaphule—kwintsomi kaSathana, njengoko watshoyo kwi . . . khona eZulwini . . . Kwaye yayinguMikhayeli . . . Ezama ukuvusa imfazwe noMikhayeli eZulwini . . . wakhatyelwa ngaphandle . . . Okokuba aba nyana bakaThixo bazibona iintombi zabantu, nokuba ezi ngxilimbela zazisemhlabeni ngelo xesha, okokuba zazinyanzela enyameni yomntu. Ukuba uyakwenza oko, umenza uSathana umdali. Awunakuyenza.

105 Akukho ngaphezu kuka Gqr. Smith, kwi-Seventh Day Adventist kwibhokhwe yedini. Wathi enye ibhokhwe leyo . . . Baxhelela iibhokhwe ezimbini ku—kumhla wombingelelo, uMhla woCamagushelo, yaza enye ibhokhwe yaxhelwa yaza enye yakhululwa. Waze wathi ibhokhwe eyaxhewayo yamela uYesu, uMthwali wethu wesono owafayo; kodwa ibhokhwe leyo yakhululwayo yamela umtyholi, othwala izono zethu aze emke aye kunaphakade naso. Ngoku, uyabona, nayiphi na . . . Ngokoluvo lwam . . . Ukuba oku kubuyela kumzalwana wama-Adventist, Andithethi nto ngaloo ndoda ibalaseleyo, uGqr. Smith. Owu, wayengohlakaniphile, okrelekrele, olungileyo, umKristu ophucukileyo, ikholwa; kodwa kum, uyabona, ayenzi mbadlo. Xana usenza oko, ubingelela kumtyholi ngoko. Zombini zazimele ukufa kukaKristu, ukungcwatywa, nokuvuka. Naye wafela izono zethu kwaye wathwalela izono zethu kude; zombini zazinguKristu.

106 Ngoko ke iingxilimbela azizange zize ngokuzicinezela zingene. Ezi ingxilimbela yayingoonyana bakaKayin, oyise wayeyinyoka, owayekhangeleka kuyo yonke into njengomntu, kodwa wayengomkhulu, umfo omkhulu kakhulu, omkhulu kunomntu. Kwaye kulapho abo nyana baphuma khona, ngokuba babengoonyana bakaKayin, ngokuba babengamaKanan ezweni lakwaKanan, apho babevela khona; kwaye kulapho uKayin waya khona. Kwaye oko kwa . . . Yabona, oko kukwangqina imbewu yenyoka. Yayiluhlanga olwahlukileyo lwabantu ngokupheleleyo. Yayiyimbewu yenyoka leyo. Yabona?

107 Ngoku laa—laa mbuzo wembewu yenyoka ulapha, ke si—siza kufika kuwo, kwaye ndifuna ukuba niyikhumbule le nto

engqondweni. Yabona? Ngoku, ukunika nje le mvelaphi.

108 Yabona, zazi—zazingamaKanan, ezi ngxilimbela; kwaye zazingoonyana bakaKayin, owayengunyana wenyoka. Kwaye inyoka yayingumntu oyingxilimbela, esikhulu, esoyikekayo sohlobo lomfo, ingesiso isirhubuluzi kwaphela, intle. Yayiyeyona inobuqhopholo kuwo onke amarhamncwa asendle. Kwaye ibiyiyo yodwa . . .

109 Yabona, i—iimfuza esuka kwisilwanyana ukuya kumfazi ayinakuzala kwaphela. Bayizama ngokuphindaphindiweyo; ayichumi kwimbewu yomfazi. Kwaye ngoku, abanakuyifumana. Thatha itshimpanzi, yeyona nto isondeleyo abanokuyifumana emntwini, okanye igorila, okanye ezinye zazo zisondele emntwini. Njengokuba uThixo kwindalo yakhe enkulu waqalisa ukwenza iintlanzi; waza ke Wenza iintaka; waze Wenza ezinye izinto, izilwanyana, kwaye zaqhubeka zinyuka, de enye yaphuma yaya kwitshimpanzi, nakwi nkawu, ukwehla ukuya kwigorila, kuze emva koko kwimo yenyoka, kuze emva koko ukusuka kwinyoka ukuya emntwini.

110 Kwaye uluntu luzamile ukukhangela, inzululwazi, ukuzama ukufumana amathambo, into esasiyiyo esi silwanyana esasisecaleni komntu. Kwaye umntu sisilwanyana. Umntu, inxalenye yenyama yinyama yesilwanyana; siyayazi loo nto. Sizizilwanyana ezanyisayo, ntoleyo isisilwanyana esinegazi elishushu; siyayazi loo nto! Kodwa yintoni eyenza umahluko? Isilwanyana asinawo laa mphefumlo ungaphakathi, kodwa umntu unawo. Sona asikwazi okulungileyo kokungalunganga.

111 Inja encinci yemazi ayazi ukuba kufuneka inxibe ilokhwe, kwaye andikholelwa ukuba ibenokunxiba iibhulukhwe ezimfutshane ukuba ibenjalo . . . kuqondwa. Kungenjalo nemazi yehagu, kodwa luhlanga loluntu oluwileyo. Yabona?

112 Ngoku, kulapho—kulapho ivela khona. Oko kulapho ezi ngxilimbela zavela khona. Zazingoonyana benyoka.

113 Kwaye yabona, xa wabona u-Eva ekule meko, yena . . . USathana wangena kuyo wayibangela ukuba i . . . Yabona, u-Adam wayengekaze afumane. A—andazi ukuba ndingawasebenzisa njani la magama. Kungabe kulunge konke kanye apha ngani nonke, kodwa umntu othile oyigxekayo kakhulu. Niyazi, bahlala bezama ukukhetha into ethile. Kodwa, yabona, u-Adam wayengekaze amazi u-Eva, inkosikazi yakhe. Wayengekaze eze kuloo ndawo, yaye uSathana wamogqitha apho. Yabona? Kwaze emva koko xana wamitha, emva koko wamazi. Siza kufika kuyo kulo mbuzo ulandelayo okanye omnye wale mibuzo. Andazi ukuba uphi na; thina . . . Ndiwubona nje apha. Ngoku, kodwa kulapho ingxilimbela zavela khona.

243. Mzalwana Branham othandekayo, ingaba bonke oonyana neentombi zamakholwa enyaniso, azelwe ngokutsha bayakusindiswa?

114 Hayi, mzalwana; hayi, ngokuqinisekileyo abayi. Yabona, njengoko ndi—njengoko ndikopa uDavid duPlessis kula mazwi, "UThixo akanabo abazukulwana (yabona?), oonyana neentombi kuphela." Yabona, kuyakufuneka ukuba bazalwe kanye njengokuba uyise nonina bazalwa ngoMoya. Yabona? Oko koko kwenza umntu abe ngumntu omtsha, kungenxa yokuba ezelwe ngokutsha, ezelwe kwakhona. Ukuzalwa kwakhe kokuqala kumzisela umntu wendalo emhlabeni; ukuzalwa kwakhe okwesibini kumzisa umntu wokomoya waseZulwini. Yabona? Kuyamtshintsha, umphefumlo wakhe, hayi isazela sakhe sangaphandle, ubume bakhe bangaphandle, iimvakalelo zakhe; usavakalelwa, kwaye uyajoja, angcamle, kwaye uyeva; kodwa amalungu akhe angaphakathi, iminqweno yakhe, into emkhuthazayo, iguqulelwe kuThixo. Yabona?

115 Ngoku, khumbula, ekuphela kwendlela enokuthi yenzeke ngayo le inokuba yile: njengokuba kwakunjalo ngemihla yomthetheli-khulu womRoma. UPawulos waxelela umRoma, yena noSilas, xana wayefuna ukurhola ikrele lakhe azibulale, ngokuba uThixo wayinyikimisa intolongo ngenyikima; wathi, "Musa ukuzenzakalisi, kuba silapha sonke. Phakama!" Kwaye wayefuna ukwazi ukuba yintoni anokuyenza. Wathi, "Phakama kwaye ubhaptizwe, ubiza . . . eGameni leNkosi, kwaye wena nendlu yakho niya kusindiswa." Yabona? Ngamanye amazwi, "Kholwa kuyo iNkosi uYesu Kristu, wena nendlu yakho nosindiswa."

116 Ngoku, njani? Ukuba indlu yakho ikholelwa kwangolo hlobo ukholelwa ngalo. Yabona? Thandaza kwaye unikele abantwana bakho kuThixo kwaye ubambelele kuThixo, ukholelwa ukuba baya kusindiswa.

117 Ndisandula ukudlula kumava noRebekah wam. Yabona? Yinikele nje kuThixo. Wathi akufikelela kobuncinci ukufikisa "uteen-annie," kwaye wayehamba nentombazana xa sasiqala ukuphuma apho, ukuhamba . . . balekela ngaphaya kwindlu yentombazana ukuthabatha izifundo zomculo . . . Kwaye le ntombazana . . . Ndafika ngenye imini, kwaye nantsi le ntombazana yayihleli kwipiyano idlala i-rock-and-roll. Ke, oko kwakwanele nje kum! Ke ndamxelela ukuba makahlalele kude phaya. Yabona? Waze wathi, "Ke, kuphela kwendawo endifanele ukuya kuyo ukuze ndithathe umculo." (Uyazi indlela abafikisayo "ooteen-annie" ababayiyo.)

118 Ndaze ndathi . . . Wonke umntwana kufuneka ahambe kuloo nto. Ngokuqhelekileyo wonke umntu udlula kuloo minyaka. Wenza; Ndenza. Kwaye kufuneka sicinge iingcinga zabo.

119 Ke ngoko, kwiintsuku ezimbalwa emva koko umama wakhe wamlandela ngenxa yento ethile, waze wamgwexa. Ngoku, asingoRebheka tu lowo. Wemka wambakraza ucango, waphantsa wawisa izinto edongeni, waya esikolweni.

120 Ngoku, bekufanele ndibe, kubonakala ngathi, ndikhulule ibhanti lam, ndamlandela apho eyadini, ndambuyisa kunye namivumbo kuye. Yabona? Kodwa ndacinga, "Yima umzuzu, kufuneka ndicinge iingcinga zoneminyaka elishumi elinesibhozo." Yabona? "Ngoku," Ndathi, "Mama ndiyayazi lonto . . . " Waqalisa ukulila, uMeda. Ndathi, "Ndiyazi ukuba wenze konke onokukwenza; Ndenze konke endinokukwenza. Ngoku, ukuba iphumile ezandleni zethu, kufuneka sithabathe inyathelo elilandelayo."

121 Njengoko elinye inenekazi libhale kamnandi ngenye imini (ikomnye wale mibuzo ilapha), lithe, "Mzalwana uBranham, awungoMesiya, akunjalo?"

Ndathi, "Hayi, mama."

Lathi, "Siyakholelwa ukuba ungumalusi wethu, kodwa uhlala usalathisa kuMalusi Omkhulu."

Ndathi, "Ilungile lo nto; ilungile lo nto." Yabona?

122 Ndathi, "Ke, jonga, Sthandwa, ngoku, kufuneka undimamele. Kunzima kuwe ukwenza oku; ndingumyeni wakho. Kodwa abantu baqhuba ukunqumla izizwe nokujikeleza befuna nje amazwi ambalwa eengcebiso. Ngoku, ukuba wena . . . Ndikhe ndathetha naye ngenye imini, kwaye wasuka nje wandishiya."

123 Ngoku, uBecky akazange ayenze loo nto kum. Yabona? Kwaye xana unina wathetha into ethile ethetha ngalonto wambakraza ucango wathi, "Ulindele ukuba ndihlale apha kwaye ndibe yintyatyambo yodonga ubomi bam bonke?" Kwaye blammy! Wambakraza ucango waphuma. YayinguMtyholi lowo.

124 Ndikhumbula, kwiminyaka emibini yokuqala yobomi bakhe wakhala. Siya kwivenkile yokutyela size sitye; ndandiya kumhambisa esitratweni ngelixa uMeda esitya, aze amhambise naye ngelixa ndisitya. Nje ukukhala nokukhala. Kwaye ngenye imini apha phezulu eCanada, wakhala ubusuku bonke, kwaye ndandingakwazi ukuphumla nayo yonke into; ndime apho . . . Ngoku. Kwaye Into ethile yathi kum, "Ngumtyholi engena kulungiselelo lwakho."

125 Ndathi, "Ndinike olo sana." Ndathi, "Sathana, eGameni likaYesu Kristu, susa izandla zakho kuye." Wayeka kanye ngoko nangoko akaphinda wakhala. Ngoyena mntwana uthuleyo endinaye. Kusukela kwangaloo yure yaphela. Kufuneka ufumane oko . . . Kufuneka ube noko kuwe nangona kunjalo, ngaphambi kokuba uyenze!

Kwaye xana yena . . . kwaye emva koko . . . wayiqala loo nto. Ndaze ndathabatha uMeda malunga neyure. Ndathi, "Meda, susa izandla zakho."

"Mna? Lowa ngumntwana wam!"

126 Ndathi, "Ayingowam nam?" Konke kulungile. Ndathi, "Ukuba ebesifa ngale ntsasa, bekuyakufanele ukuba umnikele

kuThixo ukwenzela indawo yakhe yanaphakade. Kutheni singenako ukumnikela kuThixo ngoku kuhambo lwakhe lwasemhlabeni?"

Waze wathi, "Ke, ngumntwana wam!"

Ndathi, "Ngowam nam."

Ndathi, "Ngoku, ungathatha eyakho . . . "

"Mna ndingathethi nto kuye?"

127 Ndathi, "Andizange ndikutsho okuya. Sizakuyeka ukumngxolisa, nje ukumcebisa. Udinga umhlobo, kwaye nguwe oza kuba ngumhlobo wakhe, mna nawe. Singabazali bakhe."

128 Aba bantwana namhlanje bafuna umhlobo. Ukuba babenomama noyise abaza kuhlala ekhaya kwaye babanakekele, endaweni yokuphuma apha kwigumbi lokusela ujikeleza ubusuku bonke nezinto ezinjalo, ngesingenabo—ngesingenabo ubunjubaqa bobutsha. Yabona?

129 Bayishiya iBhayibhile; baye bonke ecaweni kwaye benza imidlalo yamadayisi nezinto ezinjalo kunye . . . Yabona? Uzama ukugudisa okwamabala kaSathana phandle eHollywood. Awunakuze uzise iHollywood ebandleni, umelwe ku . . . Ndithetha ukuzisa ibandla eHollywood, umelwe kukuzise iHollywood kumabala akho. Yabona? Hayi ukuya kumabala abo, bavumele beze ngapha. Sinento abangayaziyo.

130 Ke thina phaya saguqa ngamadolo saza sayinikela kuThixo. Ndathi, "Ndiyazi ukuba uneminyaka elishumi elinesibhozo ubudala, uya kuba kwiintsuku ezimbalwa, kwaye yena . . . kwaye intombazana ekuloo minyaka iya kucinga ngamasoka, kwaye siye samgcina." Ndathi, "A—andizange ndafuna ukumbona etshata. Ndifuna ukumbeka e-ofisini apha, enze umsebenzi. Ndifuna ukumbona ezaliswe nguMoya kwaye—kwaye—kwaye aphile ngolo hlobo."

Kwaye yena . . . Ke, sonke sasiyifuna loo nto. Wathi, "Ke, asinakwenza oko." Wathi, "Akayi kuyiphulaphula nje."

131 Ndathi, "Linda umzuzu! Simkhulise ngako konke esinako, ngoku simbeke ezandleni zikaThixo, simnikele." Ndaze ndathi, "Ke xa esenza nantoni na yithi, 'Becky, sthandwa, umama akafuni ukuba wenze loo nto, kodwa ndingumhlobo wakho; ndiyakuhlala ecaleni kwakho.' Yabona? Menze azi ukuba uyamthanda. Uzakufumana umntu oza kumthanda, kwaye isenokuba ngumfazi ongalunganga." Yabona? Ndathi, "Yiba ngumfazi owenza ukumthanda." Ndathi, "Sthandwa, oko kuvakala kukrwada, kodwa abantu beza kuyo yonke indawo, bahlale kudliwano-ndlebe lobuqu, nezinto." Ndathi, "Ndiqhelekile kakhulu; siqhelene omnye komnye, kuba siyindoda nomfazi, kodwa asizange sikuvumele oko kwenzeke. Kufuneka ukhumbule, eli liGama leNkosi!"

Ngoko wathi, “Konke kulungile.”

Sehlela ezantsi saze sayinikela kuThixo. Sathi masisuse izandla zethu kuyo.

Ngaloo mvakwemini wangena; wathi, “Ke, ndicinga ukuba usatsho ukuba andiyi ngaphaya!”

132 UMeda wathi, “Hayi, andizange ndithethe nto ngayo.” Wathi, “Uyazi, uMama akafuni ukuba wenze loo nto; kwaye uyazi ukuba iphantse ukumbulala utata wakho akuva udlala loo mculo we-boogie-woogie, nokuba yayiyintoni na, nalaa ntombazana.” Wathi, “Ngoku, ebengafuni ukuba wenze loo nto, kwaye asifuni ukuba uyenze loo nto, Becky, kodwa siyinikele nje eNkosini. Ndifuna wazi ukuba siyakuthanda. Nokuba wenza ntoni na, sisakuthanda.”

Wakhwaza, wathi, “Ndiyaya nakanjani!”

Wathi, “Kulungile, Sthandwa.” Ngoko qhubela phambili. Ndathi, “ndiyakube ndilungiselele isidlo sangokuhlwa xana ubuya.” Akazange ahambe! Hayi, akazange aye ukususela ngoko. Yabona?

133 Kungekudala emva koko wadibana noGeorge; UGeorge ngumKristu. Oko—oko kwayigqiba.

134 Wayezama ukuxelela uNksk. Wood ngayo ngenye imini. Wathi, “Owu, ndaba ndlongondlongo kakubi kakhulu.” Wathi, “UTata noMama bandinikela eNkosini.” Wathi, “Ndlongondlongo okubi kakhulu.” Kodwa oko—oko kwakundlongondlongo kuthi; asifuni ukuba ndlongondlongo ngakumbi ngaphezu koko. Yabona? Yiyeke nje ihambe ngolo hlobo. Konke kulungile.

244. Mzalwana Branham, ucinga ntoni ngowethu . . . (Owu, owu! Ndiyakhumbula ndifunda lona. Ndandinge . . . Ndandiza kuwugcina kade, kodwa ndicinga ukuba ndingawufunda. Ubhalo lothile umfazi. Umelwe kukuba ngowaseKentucky, kuba une—unetikiti leKosmos Portland Cement apha.) **Mzalwana uBranham, ucinga ntoni ngoodade bethu basecaweni abanxibe iilokhwe ezimfutshane kangaka? Ingaba ayibonakalisi ubungqina bethu kwaye imisele umzekelo ongalunganga kubantu bethu abatsha kweli bandla lethu? Kubonakala ngathi i-n- . . . ukubona osemtsha . . . ukubona umfazi okhulileyo enxibe ilokhwe emfutshane ebonisa amadolo akhe xa ehamba.**

135 Nokuba ungubani na, Dade okanye Mzalwana, nokuba ungubani na, ndivumelana nawe ngekhulu leepesenti. Lihlazo, kodwa ndixelele ukuba ndenze ntoni malunga nayo! Ndiyishumayela nje ngamandla kangangoko ndikwazi ukuyishumayela; bayayenza ngokufanayo. Ngoko ngumgwebo wabo, kuba iLizwi liphumile. Ewe, ngokuqinisekileyo

ndiyazichasa ezo lokhwe zindala zipitsayo ezikhangeleka ngathi . . . Ndihlala ndixambula ebantwaneni bam, uBecky noSarah. Andikhathali nokuba bancinci kangakanani na, mna . . . ukuba . . . Ndihlala ndixambula kubo ngalo lonke ixesha. Ndicinga ukuba bade banxibe iilokhwe zabo . . . UMeda uxoxisana noBecky yonke imihla malunga nayo. Yabona? Iilokhwe phezulu . . . Kuba abantwana, unokulindela oko ebantwaneni, kwaye kufuneka ubalungise; kodwa xana kufikwa kumfazi, kukho into engalunganga apho. Yabona?

136 Ndivisi kabuhlungu imvakalelo ngoku, ndiphendula imibuzo nje. Ubuza kum ngokusuka entliziyweni yakho; ndikuxelela ngokusuka entliziyweni yam. Ukuba ufumana isisombululo, ndi—nceda uze kundixelela, ngokuqinisekileyo ndiya kuyenza, ukuba ndingenza nantoni na ngayo.

137 Nje ngomntu othile watsho ngenye imini, wathi, "Ke, ndiyakuxelela, Mzalwana uBranham," wathi, "Ndinixelela oko u-Adam no Eva . . ." Wathi, "Yayinjalo kanye; babene apile!" Ndaye ndaqaphela ukuba bayitshintshile loo nto ngoku; bathi banantoni? Ndiyakholwa ukuba yayibizwa *into ethile*? [Umzalwana uthi, "I-aprikothi."—Mhl.] I-aprikothi, ewe, yayiyi aprikothi abayidlayo. Ke, lixesha lokudlulisa ii-aprikothi kwakhona ukuba ibenza baqonde ukuba bahamba ze. Yabona?

245. Mzalwana uBranham, ndiwamkele uMyalezo kaThixo wanamhlanje, kananjalo nonyana wethu. Kwaye sobabini sibhaptiziwe eGameni leNkosi uYesu Kristu. Umyeni wam—umyeni wam akawamkelanga uMyalezo kwaye ulwa nalo Myalezo. Kwaye uye waphembelela unyana wethu kwaye umsa kwicawa yamaWisile. Ufuna ndiye naye enkonzweni xa singekho enkonzweni apha emnqubeni. Kuya kulunga ukuba ndihambe naye okanye kungangcono ndihlale ngaphandle kwela hlelo?

138 Ke ngoku, Dade othandekayo . . . Akazange atyikitye igama, kodwa mhlawumbi umamele kumbuzo wakho; ukuba awenzi njalo, uyakuyiva eteyiphini. Hamba nomyeni wakho, kodwa musa ukuthatha inxaxheba—ngento abayenzayo. Yabona, umelwe kukumthanda umyeni wakho, kwaye uthando lulo oluyenzayo. Yiba yityuwa nje ngenene; uya kunxanwa ukuba kukho into kuye.

139 Musa ukujoyina ihlelo labo. Wathi, "Hlala kude nelo hlelo." Musa ukulijoyina; yiya kulo. Ukuba awukwazi ukufumana isonka esipheleleyo, fumana isiqingatha; awukwazi ukufumana isiqingatha, fumana nje isilayi. Yabona, yabona? Kodwa leyo yindlela oya kumzuza ngayo umyeni wakho, ngokwenza oko. Musa ukuba nekratshi, ngoko uya kwazi ukuba unako kanye njengoko unako. Yabona? Kodwa xana unokubonisa into onayo angenayo yena, oko kuya kumenza anxanelwe ukufana nawe. Umfazi ongcwalisiweyo uyayingcwalisa indoda.

140 Yayilicebiso nje elo. Ke ngoku ndi—ndingachitha ixesha elide koko, kodwa sifuna ukugqiba kangangoko sinako, kuba ndiyabona ukuba ndinamashumi amabini anesibini emizuzu ngoko. Konke kulungile.

246. Mzalwana uBranham, ndiyawukholwa uMyalezo owufundisayo ngentliziyo yam yonke. Uyawuyolisa umphefumlo wam; nangona kunjalo, umfazi wam nonyana abalivuyeli iLizwi. Abanqweneli kuzahlula kweminye yemikhwa yabo yehlabathi. Uthe masibange iintsapho zethu—zethu. Ndikufumanisa kunzima ukwenza oko, kubonakala ngathi abaphili ngeLizwi okanye iLizwi. Yintoni indlela yam, mhlekazi? Ingaba ndiyababanga kwaye ndikholwe, okanye mandithandaze, "Bawo, mayenziwe intando yakho," kwaye ndaneliseke kwimeko endizifumana ndikuyo? Ndingayivuyela inkokhelo yakho, Mzalwana uBranham.

141 UThixo akusikelele, Mzalwana wam okanye Dade wam, nokuba ungubani na. Ndi—ndiyakubanikela nje eNkosini. Ndi . . . Yabona, ngokuba, "Konke andinike kona uBawo kuya kuza kum." Yabona? Ngoku, inye into eninokuyenza nina bantu . . .

142 Yenza intliziyo yam yakhukhumal lugcobo ngenye imini ndisenyuka ndisehla ndibona lamadoda ehotele ezisecaleni kwendlela. I . . . Ndehla ndaya kuMnu. Becker. Wathi, "Billy, uyazi yintoni? Ndondla ibandla lakho lonke ngeeCawe zonke," xana iBlue Boar isondla amakhulu amathathu phantse rhoqo ngeCawe! Yabona? Kwaye ndaphuma apha waze lomfo ngapha, elinene lilapha e—eRanch House, indoda elunge kakhulu. Ndadibana naye. Yathi . . .

Ndathi, "Ke, oko kwakulungile ngenene." Ndathi, "Ndiyakubulela ngokuyigcina yonke loo nto ikude phaya ngaphandle, konke oku kuqhutywa phaya."

Yathi, "Ewe, mhlekazi, Mzalwana uBranham."

Ndathi, "Ebeya kundazi njani mna?" Yabona? Ndathi, "Ubuya kundazi njani?"

Yathi, "Ndiyakwazi," Yathi, "Ndondla ibandla lakho lonke apha rhoqo ngeCawe . . . Kulungile," yathi, "kwaye ndifuna ukukuxelela into: bangabantu abalungileyo. Ngabantu abalungileyo!"

143 Ngoku yabona, loo nto yandenza ndaziva kamnandi. Nina ningabantwana bam. Yabona? Xana ndisiva abantwana bam beziphatha kakuhle kwaye belungile, loo nto imenza uTata azive onwabile ngenene. Yabona? Ngoko uyaqonda.

144 Ngoku, ngoku, Mama, xana . . . Dade wam, ukuba umyeni wakho ufuna uhle uye kwinkonzo yaseWisile, qhubela phambili. Usenokungabi naso isonka esipheleleyo, kodwa ukuba bade

bathi bayakholwa ukuba uYesu Kristu unguNyana kaThixo, kholwani yiloo nto, kuba nathi siyayikholwa. Ngoku, ukuba bazakuhamba ngezinye izinto kunye nezinto, nje—nje bayeke baqhubele phambili, kodwa utye okungako kwesonka. Yabona? Kwaye kuloo nto, ubonisa nje ngobumnandi bobomi bakho kunye nolwazelelelo lwakho kwabanye . . . Kwaye ukuba awunayo, Dade othandekayo, thandaza ide ifike kuwe, ukuba akusayi kunyanzeleka ukuba unxibe nantoni na eyenziweyo, kuba xana usenza loo nto, asiyonyani. Umyeni wakho unokukuxelela oko. Kodwa wena, xana ngenene uthandaze kwindawo bade ubomi bakho buzaliswe yityuwa yoMsindisi, iyakwenza uqhagamshelwano. "Ukuba ndithe ndaphakanyiswa, ndiya kubatsalela bonke abantu kuM." Ndiyakuhamba; lumka ngenene. Musa ukujoyina icawa yabo nangona kunjalo! Nceda ungayenzi loo nto; musa ukuyijoyina icawe yabo, kodwa qhubeka!

247. Mzalwana uBranham, nanku umbuzo othe wadida abaninzi bethu apha. Nye—kwe—kwe (ndixolele) **kwezinye iteyiphu uthetha kuphela ngamaYuda asindiswayo emva kokuba uMtshakazi uxwiliwe.** (Kwaye ngumgca onqumlayo.) **Nceda ucacise ngokupheleleyo malunga neeNtlanga ezingayi kuXwilo. Bendicinga ukuba uthe iiNtlanga ezazisele zadlula kwiMbandezelo zaza zanikela ngobomi bazo ngenxa yobungqina bukaYesu. Xana Ebuya eziNtlangeni esiya kumaJuda . . . xana Ethe ejika ezintlangeni ukuya kumaYuda, ngoko akusekho nalinye ithuba lokuba iiNtlanga zisindiswe, nje iiNtlanga ezisindisiweyo, kodwa bengayifumananga iNyaniso yomhla wabo wokugqibela baya kuhamba ngeXesha leMbandezelo baze emva koko basindiswe ekugqibeleni. Ingaba oku kunjalo? Nceda ucacise, ngokuba uthe kuyakubakho nje inani elincinane eliya kuXwilo. Kuthekani ngabantu ababekholelwa eNkosini—bekholwa eNkosini ngoku kunye nendlela . . . kwaye bengakholelwa indlela oshumayela ngayo lo Myalezo wemihla yesiphelo? Ingaba baya kusindiswa?** Emva koko udade watyikitya igama lakhe.

145 Ngoku, umbuzo omhle kakhulu. Ngoku, indawo yokuqala, ukudideka kukuba, yinto endiyithethileyo malunga nemihla yeNtlanga ukuba yenziwe xa imbandezelo . . . embandezelweni. Ngoku, andiziboni iiNtlanga eBhayibhileni . . . UMtshakazi weeNtlanga, uMtshakazi, hayi ibandla leNtlanga ngoku, ibandla leeNtlanga liyakuphumela kwiXesha leNbandezelo (yabona?), kodwa hayi eyabo . . . Yabona, uMtshakazi ngoNyuliweyo; Akukho nto badlula kuyo ngaphandle koXwilo. Bayatshintshwa nje kwaye bakhutshwe emhlabeni. Yabona? Ngoku, ndizakuyicacisa loo nto komnye umbuzo apha, ndiyizisa ukusuka kuLuther ukuya phezulu, kwaye uya kubona ngoko

ukuba kuthetha ukuthini; kukukhula koMzimba. Yabona?

146 Ngoku qaphela. Ngoku, amaJuda aseleyo ngalawo ayakushunyayezwa ngabaprofeti ababini, u-Eliya noMoses.

147 Ngoku, ezi ziingcinga ezizezam, bazalwana abangabalungiseleli, kwindlela eyeyam endiva ngayo uMoya oyiNgcwele eyityhilile kum.

148 Ngoku, into elandelayo ezakwenzeka ngumJuda, okanye, iNtlanga, uMtshakazi onyuliweyo ukuba axwilelwe kunye nezinye iNtlanga, uMtshakazi onyuliweyo othe waba ngazo zonke izigaba zexesha, axwilelwe eBukhoneni bukaKristu emazulwini. Abafileyo bayavuka; abo baphilayo nabaseleyo bayatshintshwa; kwaye baxwilwa kunye emoyeni ukuya kuhlangana neNkosi. Emva koko, ngenxa yokuba . . .

149 Emveni komsitho woMtshato eBuqaqawulini, uYesu, emveni koko kwenyuselwa esibhakabhakeni, UYesu ubuyela emhlabeni aze azazise ebantwini Bakhe, kumfuziselo njengoYosefu wazibonakalisa kubazalwana bakhe. Kwaye umfazi wakhe, kwakungekho Ntlanga ikhoyo, kungekho mntu ngaphandle kukaYosefu yedwa, xana wazazisa kubazalwana bakhe. Nonke niyayiqonda loo nto ngoku?

150 Wathumela . . . Nkqu nenkosikazi yakhe yayisebhotwe, umfuziselo wokuba uMtshakazi ayakuba sebhotwe eBuqaqawulini ngelo xesha. Ngoko uYesu Uzazisa kumaJuda (yabona?) emva komsitho woMtshato, iminyaka emithathu enesiqingatha, ne—ne—nenkathazo kaYakobi, la minyaka mithathu enesiqingatha, ukuphela kweveki yamashumi asixhenxe kaDaniyeli. UMesiya uya kunqanyulwa phakathi kweentlanga . . . Kwaye Waprofeta iminyaka emithathu enesiqingatha waza wanqanyulwa. Ngoko kushiyeke iminyaka emithathu enesiqingatha kubaprofeti babo, uMoses no Eliya, kuze mva koko ekupheleni kwemihla yabo emashumi asixhenxe isamisiweyo phezu kwabantu, njengoko watshoyo uDaniyeli; kuze ekupheleni kwaloo mashumi asixhenxe eentsuku, uYesu aZazise kubo. Uyilaa Nkosana imelwe kukuza kumaJuda. Yabona?

151 Ngoku, kwaye ngelo xesha . . . Yabona, uMtshakazi weeNtlanga useZulwini, nentombi eleleyo, intombi yeNtlanga, akayi kusindiswa ngelo xesha; sele esindisiwe, kodwa waliwe kuMtshakazi. Kwaye udlula kuphela kwiXesha leMbandezelo ukwenzela ixesha lokuhlanjululwa, ngokuba umalile uKristu, iLizwi, ukwenzela ukuhlanjululwa kwakhe. Ngoko umelwe kukuva ubunzima ngenxa yezenzo zakhe, kodwa uMtshakazi othe waba liLizwi, isicamagushelo esipheleleyo senziwe ngoKristu, kuba Yena uliLizwi. La mzimba wakrazulwa, kwaye xana loo mzimba wakrazulwa, uMtshakazi wayekula mzimba, ngokuba LiLizwi lonke! Amen! Uyayibona?

152 Xa uYesu wabandezeleka kuloo mzimba, Wabandezeleka . . . Kuba indoda nomfazi bangumntu omnye. U-Eva wakhutshwa ku-Adam, kwaye iBandla . . . Kwenzeke ntoni? UThixo wavula icala lika—lika-Adam waze wathabatha apho umncedi, umtshakazi. Kwaye uThixo wavula icala likaYesu eKalvari wakhupha uMtshakazi. Yabona? Kwaye xana uYesu wafayo eKalvari . . . Khumbula, uMtshakazi akazange athatyathwe emzimbeni wade umzimba wabe ufile. Wayesele efile, kwaye babeza kuyaphula imilenze Yakhe. Kwaye wayethe umprofeti, "Akusayi kubakho nelinye ithambo elaphukayo." Ke babesele beyirholile ukubuya umva ihamile yokophula umlenze, yaze indoda yenyuka nomkhonto yawuhlaba waphumela entliziyweni Yakhe; kwaye amanzi neGazi aphuma; Wayesele efile. Wayesele ehlangulwe emzimbeni ngokufa Kwakhe, ngoko akusekho kubandezeleka kweXesha leMbandezelo kuMtshakazi. Yabona? Uyangena. Kodwa ibandla leeNtlanga elikholelwa nje kuYe lize lithabathe imigaqo yobuhlelo njalo njalo, kwaye libe njalo . . .

153 Njengoko lo mntu ulihlwempu wathi: "Umyeni wam nonyana wam, basazithanda izinto zehlabathi nezinto ezinjalo . . . " Yabona, abakayamkeli loo ntlangulo, kuba xana uthe wayenza loo nto, iyakucoca ngokuzenzekelayo. "Lowo uzelweyo nguThixo akenzi sono." Akukho mnqweno, akukho nto kuye kwizinto zehlabathi.

154 UYesu wathi, "Lowo ulithandayo ihlabathi (*iKosmos* ngoku), okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho kwa ukubakho kuye." Akathandani noMyeni. Yabona? Ngoko ke, kufuneka ahlawule eso sohlwayo, kwaye hayi . . . Akasindiswanga ngelo xesha; usindisiwe ngoku ekufeni okungunaphakade; kodwa kuya kufuneka adlule kwiXesha leMbandezelo ukwenzela intlambululo. Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Ngoku, ngoku, apho, ndiyakholwa ukuba iyawugqiba loo mbuzo.

155 Makhe sibone, kukho enye into apha.

> **Nceda ucacise, ngokuba uthe kuyakubakho nje inani elincinane eliya kuXwilo.**

Oko ngaba basemhlabeni abaya kutshintshwa. UYesu wathi, "Limxinwa isango kwaye icuthene indlela, kodwa bambalwa abaya kuyifumana."

> **Kuthekani ngabantu abakholwayo eNkosini ngoku baze bangakholwa . . . kwaye hayi indlela oshumayela ngayo** (Akunyanzelekanga ukuba bakholelwe oku. Abanyanzelekanga ukuba bakholelwe indlela endiyishumayela ngayo. Yabona? Akunyanzelekanga bakholelwe oko.)**. . . yoMyalezo womhla wokugqibela. Ingaba baya kusindiswa?**

156 Ewe, ukuba bayakholwa yiNkosi. Yabona? Kwaye ukuba ba—ukuba abavumelani kwaye bathi, "Andikholwa ukuba UliLizwi.

Andikholelwa ukuba oku kulungile. Andikholelwa kubhaptizo loMoya oyiNgcwele," oko kubonisa ukuba basingise phi, iXesha leMbandezelo. Kodwa abo banokulamkela iLizwi kwinzaliseko yaLo, hayi mna ndiLishumayelayo, ngokuba yiBhayibhile isitsho. Abo bamkela oko oko kusimahla, kuba bona . . . ILizwi sele ligwetyiwe.

157 Ngoku, ingaba uMgwebi olilungisa wayenokumgweba kabini umntu nangantoni na ukuba isohlwayo sihlawulwe? Ukuba bendikwi venkile yezibambiso, uze uthi, "Ndiza kumkhulula"; kwaye wangena wahlawula ixabiso lentlawulelo yam (kwaye eso sisohlwayo sam sokuba sevenkileni yezimbambiso) kwaye wena uhlawule intlangulo yam, ngoko ke umthengisi wokubanjisiweyo angaphinda andibange njani? Ngaphandle kokuba ndithengise kwakhona. Nantso ke. Xana ndiyalile inzaliseko yeLizwi, ngoko ndibuyela emva kwivenkile yezibambiso kwakhona. Yabona, yabona? Ngoko ndilwele indlela yam yokuphuma, ukuba ndinako. Kodwa wandikhulula. Konke kulungile. Ndiyathemba ukuba oko . . . ndi—nje ndinemininzi apha ndifuna ukufumana lena i . . . [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

248. . . . olu luTsalo lwesiThathu kwaye luthetha iLizwi. Kubonakala ngathi kunokwenzeka ukuba uthethe ilizwi kwaye omnye uya kubuyiselwa ngokupheleleyo nangokugcweleyo, libekwe ngokupheleleyo lalungela uXwilo eluvukweni, uNyana womntu. Oku kunjalo, okanye akunjalo? Kwaye ubuya kukwenza oku ukuba ucinezelwe ngokufanelekileyo, akunjalo? "Baleka zonke ezi zinto (inokuphindana phaya)**—zibaleke zonke ezi zinto, uze ume phambi koNyana woMntu"? (Luka 21:36)**

158 Ngoku, mhlobo wam—wam othandekayo. Yabona? Ngoku, ndicinga apha ukuba wena—wena—unayo i—unengxelo entle. Ewe, mhlekazi! Ewe, mhlekazi! Ngoku, oko kuya kuba njalo. Uthi, "Mzalwana uBranham . . . " Ngamanye amazwi, nantsi into endiyi . . . Andiqondi ukuba kunjalo . . . Ndinga . . . Ndiyakholwa mna . . . Andiyipolishi le nto uyithethileyo, kodwa ndiyakholelwa ukuba ndingayenza icace kancinci ebantwini. Yabona? Uyakholwa, ngenxa yaMazwi aThethiweyo nezinto ezinjalo aWathetha ngazo. Kwaye nonke nilapha nibone oonomatse nazo zonke ezi zinto zenziweyo. Kodwa ingaba uye waphawula ukuba oko kwakunikezwe ngoBunganga! Andizange ndiMcele, "Nkosi, mandenze oku, ndithethe ezi zinto ngolo hlobo, ndenze ezi zinto phaya." Andizange ndiMbuze loo nto. Yena ngentando Yakhe eNgcwele, wathi, "Hamba uyokwenza *oku*." Yabona? Bendingabuzi kwanto ngayo. UMoses akazange acele ukuba ehle aye eYiputa, kodwa yayinguThixo owamthumela ezantsi eYiputa. Yabona?

159 Ngoku, ndiyakholwa ukuba uMoya oyiNgcwele uya kuza kum athi embonweni, "Hamba uxelele *othile-thile* mntu ukuba

aba—bazama ukoyisa into *ethile*, kwaye abanakuyenza. (Kwaye bayatshaya; bayasela; bayaxoka, bayeba, okanye bayakrexeza, nokuba yintoni na eyiyo; okanye banomoya wenkanuko.) Kwaye uya nje apho bakhoyo kwaye uthi, 'Wena moya, phuma apho; ndimkhulule lo mthinjwa.'" Ingaba yayiza kwenzeka? Ngokuqinisekileyo! Ewe, eneneni, oko eneneni kuya kuba njalo; iya kwenzeka. Kodwa ngoku, phezu kokuqikelela kwam... Ngoku, *ukuqikelela* ku...kuthetha "ukukrota ngaphandle kwegunya." Yabona? Ndiyehlela phaya ndiye kunceda lo mntu; Ndiyaqikelela nje ukuba kuya kulunga. Yabona? Ngoko andazi; ndingabiza iGama leNkosi phezu kwabo; ndingabathandazela, ndenze nantoni na endinqwenela ukuyenza.

160 Ukuba bendinendlela yam ngale ntsasa...Ndi—ndisandula ukuba nodliwano ndlebe neli nenekazi lincinci lihleli kwesi situlo esinamavili. Ukuze beze kulo mhlangano namhlanje, kwafuneka ukuba babe nesebe lomlilo ukuze limkhuphe endlwini yakhe eChicago; kwaye abantu bahlala ngaphesheya kwesitrato kwaye bangezi emhlanganweni. Yabona?

161 Ndandiza kwenza ntoni? Ukuba bekusemandleni am... Iseku...Ndinegunya lokuyenza, kodwa kufuneka ndilinde imiyalelo ukuze ndiyenze. Yabona? Ndinegunya elivela kuThixo lokuyenza; kodwa ngoku, xa athe wayiwisela umthetho, uyakubuyela ekhaya kakuhle. Yabona? Ndiyazi ukuba yinyaniso leyo. Yabona? Bendingathanda nje ukufa ngale ntsasa kokuya njengokuba bendi—ndiya kuba kuyo nantoni na. Yabona? Yinyaniso leyo.

162 Kodwa kuqala, uyabona, yiyo yonke loo nto...Akukho namnye, kwanoYesu ngokwakhe wathi, "UNyana akanakwenza nto ngoKwakhe, engathanga abone uYise eyenza, uyakwenza noNyana kwangokunjalo." Siyayazi loo nto. UYohane oNgcwele 5:19. Konke kulungile. "UNyana akenzi nto ngoKwakhe, kodwa oko abona uBawo ekwenza, oko uNyana uyakukwenza ngokunjalo." Konke kulungile.

249. Ingaba umbono owawunawo kwiminyaka eyadlulayo wommangaliso omkhulu owenzeka kufutshane neCorydon, e-Indiana, wakhe wazaliseka?

163 Ndajonga encwadini yam xa ndifumana oku ndabeka uphawu lombuzo. Ngoku, kwakuza kubakho ixesha endandinalo...kwafuneka ndikhangele apho loo mithi yemisedare...Kanye xa uqala ukuhla induli phaya, kwelinye icala, usihla usiya ngaseCorydon, Emva kokuba uphume encotsheni yenduli eNew Albany, Ndandiza kubukela kuloo mithi yomsedare ngengozi emanyumnyezi endandiza kuba kuyo. Kwaye ngobabalo lukaThixo, ndasinda kuyo xa intombazana encinci, isela ibhotile yewhiskey, yabulawa; umqala wayo wasikwa kanye phaya ngebhotile awayeyibeke emlonyeni, intombazana eneminyaka elishumi elinesithandathu ubudala,

kwaye ndandilapho kanye ngelo xesha. Yabona? Ngoku, isenokuba yile nto ubuthetha ngayo. Nda ndayifunda loo nto.

164 Kwaye ngokunjalo, xana ndandinale nkonzo kuMzalwana Beanblossom. . . Isenokuba kwakunjalo. Isenokuba nguGeorgie Carter. Yabona? Lowo yayingomnye owenzeka phaya. Kwaye ngoko kukho emine okanye emihlanu yayo phaya. . . Andizange ndibone nto ngaphandle kwento eyenzekayo. Ukuba—ukuba umntu obhale le nto ebenokuyibhala kwakhona kwaye andixelele into endiyithethileyo ngelo xesha, emva koko ndiyakuyikhangela. Yabona? Ukuba unokundixelela nje into endiyithethileyo, umbono. . . Kuba ndiqaphele embonweni apho izinto endizibeke phantsi encwadini, kwaye naku apho kwenzeka khona ngolu hlobo. Andizange ndibe nanto ibekiweyo, endandiyazi, nayiphi na into ethile ngaphandle kwaloo nto.

165 Kwaye kwabakho enye into; leyo yayiluguquko luka-Omar Price phaya ezantsi ngela xesha xana wayegxeka kakhulu ngokuchasene nam. Kwaye uyazi, uza emnqubeni kwaye wabhaptizwa eGameni leNkosi uYesu. Owu, wandilwela kakhulu ngaloo nto; kwaye ndalala naye ngexesha lasebusuku. Ndahlala nje ndimthanda, ndihleli kanye phaya ngendlela nje ekwanye; kodwa ekugqibeleni uyeza, kuba iNkosi indixelele ukuba uyakuza, kwaye se nda—ndahlala nje nayo. Yabona?

166 Yinto enye nomshumayeli omncinci ohleli emva kwam apha. Ndehla ndaya eClarksville ukuya kuthetha naye ngaxesha lithile, ndithethele yena kwela bandla lamaWisile, kwaye wayengumWisile ngokupheleleyo, into endiyithethayo. Ndabuyela apha phezulu; ndathi, "Ngenye imini ndiyakumbhaptiza eGameni leNkosi uYesu Kristu." Kwaye ndeza njalo; nguMzalwana uNeville lowo!

250. Ukuba ayilunganga kum uku—ingaba kuphosakele ukuba ndiqhube i—ivenkile yobuhle? Ndingumenzi wobuhle kwaye andikholelwa kumaKristu ukucheba iinwele zakhe, kodwa ndicheba abanye kwaye (Ndiqikelela ukuba kuku t-h-i-n-t-a, **thinta,** oko kuthetha umbala, ndiyaqikelela, akunjalo?) **umbala kananjalo.**

167 Dade othandekayo, bendinga—bendingayi kwazi ukuba mandikuxelele ntoni. Mamela, andinakukwazi ukuthetha kubafazi malunga naloo nto, ukufaka umbala kwiinwele zabo. AndinaSibhalo esichasene noko; ndingahlala kuphela neSibhalo. Yabona? ISibhalo asitsho ukuba bangayenzi loo nto. ISibhalo sithi kufuneka abe neenwele ezinde, kwaye emva koko, Andazi ukuba mandiye phi. Yabona? A—andazi nto ngaloo nto.

168 Ngoku, umfundisi omncinane okhoyo apha kwindawo endiyaziyo, umhlobo wam othandekayo, besincokola ngenye imini eBlue Boar xa sisitya isidlo sangokuhlwa. Wathi, "Umfazi wam uneentloni zokuza phambi kwakho." Ongcwele kakhulu,

onobuthixo, umfazi omncinci, kwaye li—linenekazi elincinane elihle, umakhulu, kunye...Kodwa ulungile, ucocekile, ngenene...Umfazi wam uphambene nje malunga nalo mfazi, kwaye—kwaye ndicinga ukuba ungumfazi wenene, wenene. Yena...andazi nokuba uhleli apha na; Ndiyaqonda nguye. Ndicinga ukuba umyeni wakhe ukhona. Kwaye wathi kum; wathi, "Waziyeka iinwele zakhe zakhula emva kokuba ekuvile ushumayela waze wabona ukuba kulungile, kodwa," wathi, "ube esebenzisa imibala ethile kwiinwele zakhe; kwaye uzama konke okusemandleni akhe ukuba wonke loo mbala ukhule phambi kokuba eze apho ukhoyo."

169 Ngoku khangela, Dade othandekayo, ndikuhlonipha kakhulu oko. Ndinembeko kumfazi oyakwenza oko. Kuba omnye umfazi othile uyeza nje aze enze iinwele zakhe nangayiphi na indlela, okanye atshicele ezinyaweni zakho ahambe ajikeleze ezigwagwisa kwaye engenambeko konke konke, khumbula, uYesu wathi, "Into eniyenzayo kwaba, niyenze kuM." 'Yabona? Kwaye ndiyakuhlonipha oko kuwe, kwaye uThixo uyakukusikelela ngaloo nto.

170 Kodwa, Dade, malunga nombala weenwele okanye into enjalo, mna—Andazi. A—andikwazi ukukuxhasa oko ngeSibhalo, ngoko ke ndi...oko nje kuxhomekeke kuwe. Uyabona? Wena, ukuba uyafuna ukuyenza, kulungile ngokugqibeleleyo oko kum. Ngokokwazi kwam, ibandla alinasithethe sinjalo. Ukuba uyafuna...Nantoni na engekho kule Bhayibhile, kulungile, wena nje...Oko kuxhomekeke kuwe. Uyabona? Kodwa ndiza kukunika nje ingcebiso yam, uyabona, kwaye ngokokwazi kwam...Uyazi, yindalo nje yomfazi ukufuna ukubonakala emhle; ifanele ukuba njalo.

171 Uyazi, kubo bonke ubomi obukhoyo, inkunzi yeyona intle, kodwa uhlanga loluntu. Thatha nayiphi na intaka, inkomo. Thatha iqela leenkomo. Yeyiphi eyona intle, imazi yenkomo endala enophondo olushwabeneyo okanye inkunzi enkulu? Thabatha ixhama; ntoleyo, imazi yexhama okanye imazi inkunzi? Thatha iqela lamaxhama anempondo ezixhakaxha; yeyiphi eyona intle, inkunzi okanye imazi? Ixhama elikhulu, nantoni na ofuna ukuyenza. Yithathe—yithabathe entakeni; uyithathe enkukwini, emqhagini okanye kwisikhukukazi? Yithathe kwintaka, encinci...Ikhadinali entle enkulu okanye isikhukukazi esincinci esinamachokoza, sihlale phezu kwendlwana yaso size sikhulise amaqanda aso? Yabona? Yonke into kuhlanga lonke, ihlala i—inkunzi iyeyona intle, kuphela ibhinqa emntwini. Ngokuba? Nguye owabangela ukuwa. USathana wamkhetha kanye apho, kwaye ubuhle bobomtyholi. Yabona?

172 USathana wayeyeyona ngelosi intle. Wayeyikerubhi egqubuthelayo. Jonga indlela umfazi ahluke ngayo ngoku koko ababeqhele ukuba kuko. Bangaphi abakhumbula uPearl,

okanye, befunda ngoPearl Bryan? Masibone izandla zenu, abanye benu bantu badala. Ngokuqinisekileyo. Yabona? Kucingelwa ukuba ngoyena mfazi umhle eMelika. Nawuphi na omncinci osafikisayo oyinkathazo esitratweni unokuba mhle ngokuphindwe kabini kunaye ngoku. Ngokuba? Yiloo nto kanye eyathethwa yiBhayibhile: "Bazibona oonyana bakaThixo iintombi zabantu ukuba zintle . . . " Elo yayiliqela labakreqi elathumela unogumbe phezu komhlaba, awathi uThixo walutshabalalisa lonke uluntu. Yabona? Yiyo kanye. Kwaye namhlanje yonke into isekwe kwiHollywood kunye—kunye nobuhle kunye nezinto ezinjalo, xana ubuhle buyinto efihlakeleyo yentliziyo (yabona?) hayi imbonakalo yangaphandle. Mabazihombise, kungabi ngembonakalo yangaphandle, mabahombise okwangaphakathi, bobububulali, umoya wobubele. Oko ngu—oko ngumKristu.

Ke ngoku, kumbuzo wakho, Dade, andazi ukuba mandikuxelele ntoni na.

Ngoku, ndinganqumama ngoku okanye ndithabathe eminye imizuzu engamashumi amathathu ngoko, emva koko . . . Ingaba imizuzu engamashumi amathathu . . . ? Bangaphi abazakuhlala nje eminye imizuzu engamashumi amathathu, kwaye ngoko oko kuyakusinika ixesha elithe chatha ngokuhlwanje? Kulungile, ndiza kukhawuleza ngoko nangoko.

251. Mzalwana uBranham, ingaba lo Timoti Wokuqala 2:9 uthetha ukuba umfazi akanakuziphotha iinwele zakhe? Ingaba iinwele *eziphothiweyo* zithetha "ukuphothwa" iinwele?

173 Ngoku khangela, Dade, ngoku oku . . . ndi—ndiyavuya kuba kulandele oku. Andizange ndiyilungise apho, kodwa nje—kwalandela oko kulungile.

Qaphela, iinwele eziphothiweyo ngaloo mini zaziluphawu lomfazi wasesitratweni; nantso into ayenzileyo, waphotha iinwele zakhe. Wathi ke uPawulos kumaKristu, "Ngoku, oko kuhomba, makungabi kokokuphothwa iinwele ibhreyidi . . . " (okanye "ukuphothwa" kwaye "ukuphotha ibhreyidi" yinto enye), ukuphotha iinwele zabo, ngokuba zazikhangeleka njengehlabathi liphela.

174 Ngoku, akufanelekanga ukuba ukhangeleke njengehlabathi okanye wenze njengehlabathi! Yabona? Abafazi bafanele ukuba bahluke apho. Yabona? Hayi, ngoku, ukuphotha iinwele . . . Ngoku, namhlanje iinwele eziphothiweyo zintle, kwaye zikude kwifashoni yehlabathi. Ngoku, uyababona abafazi, indlela abenza ngayo iinwele zabo namhlanje . . . Gcina nje iinwele zakho nangayiphi na indlela; nje ungabonakali njengehlabathi! Yabona? Musa ukujongeka okanye unxibe njengalo! Ukuba banxiba iibhulukhwe ezimfutshane, unxibe ilokhwe. Ukuba be—ukuba benza zonke iinwele zabo . . . chebe zonke kwaye

kwaye bazinqothule, kwaye benze nanton . . . Wena—wena—wena ziyeke nje ezakho. Yabona?

175 Kwaye ukuphotha—kodwa eziphothiweyo . . . Umbuzo wawusithi: Ingaba "eziphothiweyo" ithetha . . . *ukuphotha* kuthetha "eziphothiweyo"? Ewe oko kulungile. Kwaye ngoku, esitratweni . . .

176 Ngoku, ndiye ndakujonga oko ukufumanisa kwiminyaka eyadlulayo ukuba iinwele "eziphothiweyo" zazithetha ntoni na. Yabona? Umfazi, eneneni, abafazi bakudala, babetsala nje iinwele zabo emva bazibophe, ngakumbi njengomsila wehashe namhlanje. Kwaye bajikeleza . . . Babenezambatho ngolo hlobo, kodwa abafazi besitrato bazithabatha iinwele zabo bazibhreyida konke ukunqumla intloko, bazisonga ngolo hlobo, kwaye bafaka iintyatyambo kuyo nezinto ezinjalo, kwaye yayiluhlobo oluthile—umfazi oziphethe kakubi esitratweni; kanye njengokuba besiya kubona umfazi oziphethe kakubi namhlanje, indlela anxiba ngayo. Ndithi *flapper*, kuba uyazi ukuba ndiyindoda endala; yiloo nto babebizwa ngayo ngemihla yam. Babizwa ngantoni namhlanje? Ndi . . . Yam, andazi. *Amantshontsho* okanye enye into. Ke . . . Nantoni eyiyo. Banike naluphi na uhlobo lwegama, bayalithanda.

252. Mzalwana uBranham, uthe kwenye yeteyiphu uNowa wasindisa indlu yakhe. Ingaba oku kuthetha ukuba umama unokuba nokholo olufanayo kwintsapho yakhe? Yaye ingaba oko kuthetha ukuba ngamnye wentsapho uya kusindiswa ukuba siyakukholelwa oko?

177 Ngoku, oko ku . . . ehe, olo luhlobo lwe . . . Kuya kufuneka ujonge indlela endiyiphendula ngayo ngoku. Yabona? Kuqala, "Uthe . . . (Ngoku mandiyibone loo nto.) Utshilo kwelinye leteyiphu ukuba uNowa wayisindisa indlu yakhe." Ngokuba? Ngenxa yokuba bakholwa. Yiloo nto, ngokuba bawukholelwa umyalezo wakhe.

178 "Ingaba oku kuthetha ukuba umama unokuba nokholo olufanayo kwintsapho yakhe?" Ewe, Dade! Ndingabona intliziyo kamama omncinci ekhalela abantu bakowabo. "Kwaye ingaba oku kuthetha ukuba ngamnye wentsapho uya kusindiswa ukuba siyakukholelwa oko?" Ewe, ukuba baya kuyamkela. Injalo lo nto.

179 Khumbula umgcini wamabanjwa waseFilipi. Kholelwa wena kunye ne . . . Ukuba unokholo olwaneleyo losindiso lwakho, awunakuba nalo olo kholo lunye oluya kusebenza phezu kwabantu bakho? Yintoni ukholo? Ngamandla angabonakaliyo. Yabona? Yintoni i—yintoni i—nguMoya. UMoya oyiNgcwele uzisa ukholo. Yabona? Ngamandla angabonakaliyo.

180 Kutheni ndingabeka izandla phezu kwabagulayo? Yabona? Ukuba ndingafumana olo nxibelelwano lobuqu nalo moya ukuloo mntu uphaya, kukho into ezakwenzeka. Yabona?

Nanku kumi uMoya oyiNgcwele; Uya kuzityhila iimfihlelo zentliziyo. Uyakwenza kanye oko Wathi Uyakukwenza ngomhla wokugqibela. Abantu bayakholwa oko; bayayijonga, "Ewe, mhlekazi, ndiyakholwa yiloo nto."

181 Ngoku, ukuba nje andibi ngoqhelekileyo kakhulu kuni (yabona?), nje iba yinto nje eqhelekileyo. Unyathela ngamandla usuku olunye kwaye unyathele ngamandla kusuku olulandelayo. Yabona? Oko—oko kukuthatha nje ithuba. Awuyikholelwa kwasekuqaleni (yabona?), ngokuba nje ukuba uyikholelwe ngenene . . . La mfazi wathi, "Ukuba ndinokuchukumisa ingubo Yakhe, ndiyakwenziwa ndiphile ndonke," kwaye wayenza ke. Yabona? Akazange athi, "Makhe ndiyizame kwakhona." Yabona? Wayikholelwa. Yabona? Yiloo—yiloo . . .

182 Ngoku, ukuba uyakukholwa nje ngako konke okukuwe ukwenzela usapho lwakho . . .

183 Ngoku, njengalapha, yintoni endikhuthazayo? Intoni—yintoni na la mandla asengalweni yam? Ngokuqinisekileyo ayisosihlunu sam, ngumoya wam. Ngokuqinisekileyo, wukhuphe loo moya, kwaye isihlunu siya kwenza ntoni? Sona sifile njengokuba sinokuba njalo. Yabona? Siyakubola, kodwa ngu . . . Yabona, ngumoya owomelezayo.

184 Jonga kuSamson omncinane. Uninzi lwabo lubone iingcango zijongeka ngathi beziyakuba phakathi kwezi zibonda zimbini apha. Ngokuba, indoda enkulu kangako inokuthabatha ingonyama iyiqwenge ibe ziziqwenga, Mzalwana uJackson. Ingonyama yatsibela indoda enjalo ngocango . . . enamagxa afana nocango lweshedi, kutheni ngokuqinisekileyo, oko akuyi kuba yimfihlakalo; kodwa imfihlakalo yayikukuba, wayengomncinci nje omfutshane onwele zijijekileyo, intwana encinci, umfo omdala, malunga, othambileyo omncinci, inkwenkwe kamama encinci, ezijijekileyo ezisixhenxe zijinga ngasemva. Kodwa uyaqaphela, wayengenakuzinceda njengayo nantoni na wade uMoya weNkosi wehla phezu kwakhe. Kwaye xana uMoya weNkosi wakufika phezu kwakhe, laa ngonyama yabaleka yaza yagquma, yena nje wayikrazula yaba ziziqwenga. YayingengoSamson; YayinguMoya weNkosi.

185 Ngoku, uyakuwuthatha njani umhlathi wemeyile, obungqengqe kuloo ntlango umhlophe qhwa . . . Kwaye ezo zigcina-ntloko zamaFilisti zazimalunga ne-intshi engqindilili yobhedu oluqinileyo. Ke, uthatha ela thambo lomhlathi uwubethe kwenye yezigcina-ntloko, ungaya kwiwaka lamaqhekeza. Uyakwazi oko. Babeyakubetha loo mhlathi mdala, owomileyo . . . Kodwa khangela phaya, wema phaya nelo thambo lomhlathi esandleni sakhe waxabela iwaka lamaFilisti; abaseleyo babalekela emaweni. Wathi, "Yiza, nawe uyayifuna?" Kusenjalo—ndisayibambile! Yayiyintoni? UMoya weNkosi weza phezu kwakhe. Yabona?

186 Ngoko ke, nguMoya weNkosi. Kwaye xana unoMoya weNkosi kuwe ukuba ukholelwe usindiso lwakho, oko kubeke phezu kosapho lwakho. Yithi, "Ndibabanga eGameni likaYesu Kristu; Ndiyayibanga! Thixo, andazi ukuba uyakumenza njani na ukuba ayenze, kwaye uyakumenza njani na ukuba ayenze, kodwa ndiyayikholwa. Ndiyayikholwa, Nkosi! Nceda ukungakholwa kwam." Yibange kwaye ujonge okwenzekayo. Iya kuyenza.

253. Ingaba uMtshakazi—ingaba uMtshakazi phambi kokuba uYesu eze, ingaba Uyakuba nawo onke amandla kaMoya oyiNgcwele okwenza imimangaliso, ukuvusa abafileyo, nanjalo njalo njengakwimvula yamva—okanye lena yimvula yamva ukwenzela ikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka amaYuda? Ingaba bonke abalungiseleli baya kuba nako oku, ingaba thina, okanye, ingaba thina silindele nje ukuza?

187 Ewe. Yabona, sihlobo, a—a—andingomfundisi wezakwalizwi. Andingomfundisi wezakwalizwi; ke ngoko, kufuneka ndifundise konke endikwaziyo ngeBhayibhile ngokusuka esithunzini nakwimifuziselo. Undibiza ngahlobo luthile ngokuba ngumzekelelisi. Kodwa ukuba ndinokukhangela kolu donga, kwaye andizange ndizibone; kwaye ndijonga, kwaye ndibenokubona ukuba ndinentloko, neendlebe, nezandla, kwaye . . . Ndiyazi into ethile malunga nokuba ndiza kujongeka njani ukuba ndithe ndazibona. Yabona? Ukuba ndibona umfanekiso wam esipilini, ndiyazi ukuba bendiya kuba njani ukuba bendinokuma ndize ndizijonge.

188 Ngoku, leyo yindlela endicinga ngayo ngeBhayibhile. "Zonke ezi zinto," KwabaseRoma 26 bathi, "yenzekela imizekelo yethu." Sinokujonga ngasemva size sibone ukuba yayiyintoni na, njengenyanga ebonakalisa ilanga. Siyazi ukuba ilanga liya kuba yintoni, xana, ukuba asizange silibone ilanga, sinokuyibona inyanga, kwaye sibone ukuba izakuba nkulu kunoko. Ke, xana ubona okwenzekileyo kwiTestamente eNdala, kukubonakalisa nje okwenzekayo kweNtsha.

189 Ngoku, apha ngaphakathi, ndiyakholwa ngentliziyo yam yonke . . . sinjalo, okanye le mihla . . . Ukuba asikho, kukho umntu; kufanele ukuba. Ixesha liphelile; sisekupheleni!

190 Lonke . . . Ihlabathi . . . UThixo wenza ihlabathi kumawaka amathandathu eminyaka, kwaye iwaka lesixhenxe Waphumla. Wathi umntu akanakuze aliphile elo xesha lonke, u—unyaka, okanye—okanye, usuku: "mini uthe wadla kuwo, kumhla ufayo." U-Adam, okanye, uMethusela wayeyeyona ndoda indala yakha yaphila eBhayibhileni, kwaye wayeneminyaka engamakhulu asithoba anamashumi amathandathu anesithoba ubudala; kwaye akazange aliphile elawaka leminyaka. Kodwa umntu oyakuphila ukutyhubela iMillennium, iminyaka eliwaka,

ukubonisa ukuba—ukuba isohlwayo sihlawulwe . . . Umntu uphila ngonaphakade; usuku lugqityiwe; ixesha ligqityiwe; bahleli kunaphakade.

191 Phofu ke, ndineeleta ezininzi kumyalezo wam kwiiCawe ezimbini okanye ezintathu ezidlulileyo kwi—*Ikhaya Eizayo LoMtshakazi NoMyeni*. Ngokuqinisekileyo oko kufike ekhaya kwindawo ethile kwabaninzi babo. Oko . . . Yenjenjalo nakum. Andizange ndidlule kuyo.

192 Ngoku, qaphela. Kule (yabona?), u-Abraham wabona . . . Ngoku, njengokuba Wenzayo ku-Abraham, wenze njalo nakwimbewu yakhe. Ngoku, ngenye yezi ntsuku xa ndibuya ngelinye ixesha, Ndifuna ukukusondeza ngakumbi kwaye ndikubonise kanye izikhululo zobomi buka-Abraham. Ikunye ngqo noLuther, uWesley, ukuhla ukuza apha, kanye ngendlela Asebenze ngayo namabandla njengokuba Wenzayo ku-Abraham; indlela Awabonakala ngayo; indlela awathi phaya xa Waqinisekisayo umnqophiso kuye phantsi kwegazi elaphalazwayo, yayisisigaba saseFiladelfiya. Ewe, mhlekazi, yayisisigaba segazi eso, uLuther . . . isigaba samaWesile.

193 Kodwa ngoko bukela isigaba senkonzo kaMoya. Emva kokuba Efikile phaya, Wenza isithembiso sika-*El Shaddai*, "ncanca kuM." Umbuzo ngu: Unako ukuncanca? Oko kwaziswa phambi kweePentekoste. Yabona? Unako ukuncanca? Kodwa abazange bayenze; babamba i—ibele kwihlelo apho baphuma khona. Kodwa ngoko iMbewu, iMbewu yenene, yeza ukuza kuncanca elo bele.

194 Kwaye wawuyintoni umqondiso wokugqibela ababenawo, phambi kwaloo nyana wedinga ababemlindile kuyo yonke le minyaka, ekubuyeni Kwakhe? Ingaba uThixo wayemi ekwimo yoMntu kwaye wayenokucalula iingcinga ezazisentliziyweni kaSarah (ekubeni uSarah eliBandla, emele iBandla), acalula iingcingane eziseBandleni ezazisemva Kwakhe. Ingaba oko kulungile? Kwaze kwa oko emva koko, watshintsha wabuyela ekubeni yintombi kwaye yena engumfana; waze u-Isake waziswa, unyana wedinga.

195 Ndiyakholwa ukuba ubona into yokugqibela eyakwenzeka kwiBandla phambi koXwilo. Yiloo nto kanye. Ndiyayikholelwa. Imvula iphelile. Funda nje izahluko ezintathu zokuqala zeSityhilelo kwaye uyakubona oko kuthenjisiweyo eBandleni. Oko koko kuthenjisiweyo, Bandla, kanye phaya, izigaba zebandla.

196 Ukhe waqaphela ngenye imini xa sasiqala la maXilongo, uMoya oyiNgcwele wathi, "Ayiyo eyalapha leyo." Yabona, yabona?

197 Ngoku, imvula yamva, ikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka amaYuda, hayi, akunjalo . . . ukuba . . . abayi kuyenza . . . kungelo—kungelo xesha u-Eliya noMoses . . .

Phaya kulapho kwenzeka khona imimangaliso. Izinto abantu ababezikhangela, amaPentekoste, ukwenzela imimangaliso, phaya kulapho kuyakwenzeka khona oko, phantsi kwabo. Yabona, olo loluka Eliya noMoses. Bawubetha umhlaba ngeziqalekiso kangangoko befuna; bavala amazulu ukuba kungabikho mvula ngemihla yokuprofeta kwabo. Kwaye uThixo uya kuma kwaye abalwele njengoko Wenzayo, kwaye Uyakubakhupha phantsi kwesandla esinamandla kanye njengokuba Wenzayo eYiphutha (yabona?), ukuphuma kwezi "isms" zehlabathi. Kwaye Uyakukwenza oko, kodwa asikuko . . .

198 Simele nje ukulindela ukuBuya kweNkosi. Linda nje; zilungisiwe izibane zakho, zonke zizele yi oli. Thandaza iyure nganye, hayi yonke imihla, iyure nganye. Hlala nje ulungile; yibani ngabalungeleyo, yibani mnandi, niphapheme.

Owu, sijonge ukufika kwaloo mini yovuyo yeMillennium,
Xana iNkosi yethu esikelelekileyo iyakuza imbambe uMtshakazi waYo olindileyo imke;
Owu, bethu—owu, intliziyo yam izele luxwilo njengoko ndisebenza, ndibukele, kwaye ndithandaza,
Kuba iNkosi yethu iza kubuyela emhlabeni kwakhona.

Yiyo leyo; elo lithemba leBandla ngale yure.

254. Ingaba iGama lika "Yesu Kristu" lilungile kubhaptizo, okanye kufuneka ibe seGameni le "Nkosi uYesu Kristu"?

199 Nokuba yeyiphi. Ndiyithabatha i*Nkosi uYesu Kristu* (yabona?), ngokuba ndicinga ukuba Yena uyiNkosi yethu. Ngoku, i*Gama lika Yesu* nje, njengokuba abanye abazalwana bethu babhaptiza, mna—Ndiyahluka apho (yabona?), Kuba ndiyazi ukuba ndinabahlobo abaninzi abagama linguYesu, Uninzi—uninzi lezihlobo abangabashumayeli eMexico, nase—nase Itali, nanjalo njalo. Bababiza ngo *Yesu*, kwaye ke u*Yesu* akonelanga. Wazalwa uKristu uMsindisi, njengoko Wazalwa enguMsindisi, uKristu, umthanjiswa. Kwaye emva kweentsuku ezisibhozo Wathiywa igama lika *Yesu*. Yabona? Ngoko WayeyiNkosi uYesu Kristu. Yiloo nto Awayeyiyo. Konke kulungile.

255. Mzalwana uBranham, ingaba iNkosi ingakuvumela ukuba usiyalele ngombuzo womtshato noqhawulo-mtshato ngeli xesha? Umbuzo: Ingaba indoda ingatshata umfazi ize ilahlwe nguye kwaye emva koko itshate omnye? Ukuba bobabini batshata omnye, ingaba bayakrexeza bobabini? Utshilo ukuba iya kubophelela kwimbewu yenyoka. Kanjani njani?

200 Ngoku, apha—nanku omnye weyona mibuzo inobuqhopholo esinayo kwezi mfumba, kwaye ngowona

mbuzo ubuzwa kakhulu—kwi—kwihlabathini namhlanje. Ngoku, ndiphulaphuleni, kwaye ndinesizathu soku. Ukuba ngenene ndizise kweli bandla nakule teyiphu ngale ntsasa, into eyiyo malunga nomtshato noqhawulo mtshato, bekuyakuqhekeza lonke ibandla elizweni, ukuba bebeyimamele. Yabona? Injalo lo nto.

201 Ngoku, ngoko ndincede, naku kulele iBhayibhile phambi kwam, ndinaloo mbuzo, ITSHO INKOSI! Kwaye omabini amacala axambulisanayo akalunganga. Bobabini abo baphinda batshata nabatshatileyo njalo njalo, bobabini abalungisanga kule nto bayenzayo, kodwa phakathi kwayo yiNyaniso, embindini wendlela. andifuni ku . . . Ndiza kwenza iteyiphu nokuba into ethile iyenzeka kum, ukuze abazalwana bayidlale emva kokuba ndimkile (yabona?) emabandleni. Kodwa ndi—ndifuna ukwenza iteyiphu kuyo kwaye ndinibonise nje ukuba iphi na; kodwa ndide ndizive ndikhokelwa yiNkosi, andisayi kuthetha nto ngayo. Kodwa ndiva ukuba kwezi zinto ndimelwe kukukhokelwa yiNkosi; ukuba andiyenzi, ndiya kwenza umonakalo omkhulu kunokuba ndenza okulungileyo. Yabona?

202 Ngoku, ndifuna ukuba niqaphele oku. Umbuzo: "Ingaba indoda ingatshata umfazi ize yaliwe nguye kuze emva koko itshate omnye; kwaye ukuba bobabini batshata omnye, bayakrexeza na?" Ngoku, sihlobo sam, andifuni kukhathaza iimvakalelo zakho, kodwa yiNyaniso leyo. UYesu wathi, "Othe wazeka owaliweyo, uyakrexeza." Yabona? A—andifuni nje ukuyithetha, kodwa yiNyaniso.

203 "Ukhankanye ukuba oku kuya kubophelela kwimbewu yenyoka." Yabona? Andikhumbuli ndikukhankanya oko, kodwa mhlawumbi ndayenza kwenye indawo, ndathetha okuthile ngayo.

204 Njengolunye usuku, ndaxubanisa okuthile, ndiye ndayiva, kwaye i . . . Ndiyibambe kwalapho; kwaye iseteyiphini, kwaye mna—mna mhlawumbi ndiza kuva ngayo. Xana ndandithetha ngaMaxilongo Asixhenxe, ndathi yayingamaxilongo asixhenxe. Ndandibhekisa kwisidlo sePentekoste. Ukususela kwisidlo sePentekoste kude kube ngowesixhenxe . . . kude kube—aMaxilongo, kwakukho iiSabatha ezisixhenxe. Iisabatha ezisixhenxe zaziphakathi komthendeleko wepasika ukuya kwiPentekoste (uyabona?), nto leyo eyayisenza amashumi amahlanu eentsuku. Yabona? Kodwa into ebendibhekisa kuyo, kukuba, ndathi, "Oko kuthetha iZigaba eziSixhenxe zeBandla."

205 Kula teyiphu, ukuba kuyenzeka ukuba uyifumane okanye nantoni na, kula teyiphu imelwe kukuba, okokuba inyanga yesixhenxe emva koko yaziswa—iSidlo saMaxilongo, nto leyo eyayithetha iZigaba eziSixhenxe zeBandla, iinyanga ezisixhenxe, hayi iiSabatha ezisixhenxe. IiSabatha ezisixhenxe zaya kwi . . . Ndayicacisa phaya. Ndathi iiSabatha ezisixhenxe,

ngolo hlobo, kodwa ke ndaqhubela phambili kwaloo ngcinga, xana iyinyanga yesixhenxe emva kweSidlo sePasika, okanye, kwiSidlo se—sePentekoste, kuze kufike isidlo emva kokuba isithungu sesingenisiwe, sitshangatshangisiwe. Uyabona ngoko—ngoko . . . Uyakhumbula phaya, isithungu sijika sibe sisonka emva kwelo xesha. Yabona? Xana i—isithungu se . . . isithungu sibe sinye, emva koko zonke zibe sisonka esinye. Owu, yimfundiso enkulu phaya; andikhange ndichukumise umqukumbelo wayo. Kodwa ukuba kuyenzeka ukuba uyibambe eteyiphini yakho, khumbula, khangela eBhayibhileni. Uyabona, ziinyanga ezisixhenxe emva koko. Bala iinyanga ezisixhenxe: Januwari, Febhruwari, Matshi, Epreli, Meyi, Juni, noJulayi; kungaba ngoJulayi, iinyanga ezisixhenxe, ezimele iZigaba eziSixhenxe eziphele leyo zeBandla. Omnye umlungiseleli usenokuyichola loo nto, uze ke ube nayo, uyabona, phaya. Konke kulungile.

206 Ngoku, kule nto, makhe—makhe—makhe nje ngahlobo lwe . . . Wena . . . Nantsi into endiyithethayo. Mandiyithethe le nto, ingeyiyo iNkosi, mandiyithethe. Ukuba utshatile ngeli xesha, kwaye nobabini nisindisiwe, kwaye nizaliswe nguMoya oyiNgcwele, kwaye niyathandana, kwaye ninabantwana abancinci (ngoku, khumbulani ndim lo, hayi iNkosi. Yabona?), qhubekani nihlala kunye; yonwabana; kuba ubungenakuhlala nomfazi wakho wokuqala okanye ngewungazange umtshate. Ke ukuba uyamshiya lo kwaye ubuyele kowokuqala, wenza okubi ngakumbi kunokuba ubusenza kwasekuqaleni. Yabona? Ke, uyabona, wonakele; akukho ndlela yokuphuma kuyo. Inye kuphela indlela endinokuthi ndiyitsho ngokusuka eBhayibhileni: nobabini nihlala ningatshatanga. Yabona?

207 Ngoku, kodwa . . . Yiloo ndlela kuphela endinokuthi ngayo ngoku, kodwa kukho enye into phaya, endi—endingenakho ukunixelela ngoku, kwaye isizathu sokuba nditsho, "Asindim, kodwa yiNkosi, qhubekani." Ukuba niyakuze nizise oko kwiteyiphu, kwaye ngenye imini, ukuba ndikhe ndayizisa, niyikhumbule indlela endakuthetha ngayo oko. Ukuba benilumkile, ngeniyicholile (yabona?), ngendlela endikuthethe ngayo oko ngelaxesha, kwaye ngoko beniyakwazi.

256. Mzalwana uBranham, singaya kwamanye amabandla naxa bengavumelani nawe?

208 Ngokuqinisekileyo, yebo! UYesu wenjenjalo xa babengavumelani naYe. Qhubekani. Siyaqaphela apha, ithi, "Ingaba kufuneka siye kwenye icawa engavumelaniyo nawe?" Ngokuqinisekileyo, andi . . . asindim kuphela ingqalutye elunxwemeni, uyazi. Kukho—kukho nje abanye abantu abahlonela uThixo kuyo yonke indawo; ndiyathemba ukuba ndingomnye wabo. Yabona? Kodwa ungaze ufike apha . . .

209 Ndabizelwa ngaphakathi kwinto ethile efana noku ngenye

imini. I—iqela e-Arizona latsalela ingqalelo yam kuloo nto. Yabona? Iqela labalungiseleli lathi, "Inye kuphela into esinayo ngakuwe, Mzalwana uBranham, yi (enye yezinto) abantu abeza apha nawe, asinakubenza ukuba baye ecaweni naphi na." Bathi, "Banabantwana nayo yonke into; abayi kuya ecaweni." Baze bathi, "Ke, sabaxelela ukuba bamkelekile ukuza—ukuza ecaweni yethu."

210 Ngoku, ndiyazi ukuba bafaka uxinzelelo kuni kwaye bafuna ukuba nijoyine, kodwa akunyanzelekanga ukuba ujoyine; kodwa babeke abo bantwana kwisikolo seCawe ndaweni ithile! Kwaye uya ecaweni; ungahlali ekhaya, uye kuloba, nokuzingela, nezinto ezinjalo ngeCawe.

Uthi, "Ke, andingowokomthetho."

Ke, kungcono ube kolo hlobo okwethutyana, ukungahloniphi uvuko lukaKristu. Yiya ecaweni ndaweni ithile!

211 Ukuba ndi—ukuba ndiyile . . . Ukuba andikwazanga ukufumana . . . Ukuba ndiye kwicawa *ethile* endiyaziyo ukuba inye kuphela into abakhe bayithetha abo bantu endiyikholelwayo: bathi bayakholelwa ukuba uYesu unguNyana kaThixo. Bayithethile (ndiyayithandabuza), kodwa bendikuya kubava beyithetha loo nto. Mhlawumbi uthi . . . Elo leli bandla, mhlawumbi ibandla elilandelayo liyakuba yinto efana neBhaptizi. Bathi, "Ehe, ndiyakholwa ukuba kufuneka ube namava." Ndiza—ndiya kuhamba nabo koko. Ngoko ndiyakholwa ukuba uYesu Kristu unguNyana kaThixo; ndiyakholwa ukuba kufuneka ube namava. Konke kulungile.

212 Ngoko mhlawumbi kukho i-Assemblies of God. Ngoku, bayakholwa . . . Yabona, ndi—ngoku ndingatya malunga nezilayi ezintathu okanye ezine zezonka kunye nabo (yabona?), kuba banokukholwa . . .

213 Njengolunye usuku, lo mntu mnye wafowuna kwaye wayefuna ukwazi ngaloo nto, wathi, "Uthe . . . " (Lo mlungiseleli phandle phaya, lo mfo ezantsi phaya ebefuna ukuxoxa ngaloo nto. Usizi lomzalwana, ukwenjalo impambano.) Wathi, "Ke, Mzalwana uBranham," yabona, wathi, "uchasene nani Assemblies of God." Kwaye ukuba umlungiseleli we Assembly uyenzeka ukuba athathe le teyiphu, Ndifuna ukuba nindixelele ukuba ndakhe ndachasa nini umntu we-Assembly of God okanye nayiphi na enye indoda! Kutheni na, xana ikomkhulu lenu livuma ukuba ndinithumelele isahlulo sesithathu sesigidi sabantwana bam endibazele kuKristu? Ndichasene njani ne-Assemblies of God? Kutheni ndichasene noBunye? Andichasi naBunye, Assemblies of God, Church of God, okanye namntu! Ndichasene nayo yonke inkqubo eyahlula umntu.

214 Yabonani, ndithumele kuma Assemblies, ngokukokwawo ukubala, ikota yesithathu yesigidi sabantwana bam. Ukuba

mabi kakhulu, kutheni ndenze loo nto? Kutheni? Ndicinga ukuba yeyona ilungileyo ekhoyo emhlabeni ukuba bathunyelwe kuyo, nokuba buBunye okanye obu...ezinye zeenkolelo zePentekoste, kuba bayakholelwa kwimpiliso eNgcwele; bakholelwa kumandla angaphezu kwendalo; bakholelwa kubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Yeyona nto ingcono...A— andikwazi ukubazisa bonke apha; bakwihlabathi lonke. Ndinabahlobo kwihlabathi lonke, abantwana endibazele kuKristu. Ndiya kubathumela kweyona nto ingcono...Wakhe wandiva xa ndisenza ukubizela esiguqweni? Ndithi...Xa ndibanyusa apho kwaye ndibenze basindiswe, ndithi, "Ngoku, yiya kwibandla elilungileyo leFull Gospel kwaye ufumane ikhaya lebandla." Bangaphi abakhe bandiva ndithetha loo nto? Ngokuqinisekileyo, ngokuqinisekileyo. Ke, kutheni ndiza kubathumela apho ke? Ingaba ndiya kuba ngumhanahanisi ukuze ndithumele abantwana bam ekufeni? Makube lee kum. Hayi, mhlekazi!

215 Ukuba awukwazi ukuya...Ukuba awunakuza apha emnqubeni, fumana inkonzo ethile ndaweni ithile; yiya kuyo. Akunyanzelekanga ukuba uthathe konke abakwenzayo. Yiyiphi inxalenye yesonka abasinikezayo, nikeza isonka. Xa befumene igalikha, kutheni, uyiyeke nje yodwa. Yabona? Injalo lo nto. Andikwazi ukwenza ukuba bayenze, kodwa oko kokuthe ngqo...Ngokuqinisekileyo, yiya ecaweni. Naphi na apho ucango lwecawe luvuleka khona, unduluka ngamandla kangangoko unokuya. Ukuba abakholwa, kulungile... Ngoku, awunyanzelekanga ukuba uthabathe inxaxheba. Musa ukuzimanya nabo, sukuzimanya nakweyiphi na kwezo cawa; hamba uye kubo; dlelana nabo. Wazi njani ukuba asiyoNkosi? Wathi uya kwenza yonke into isebenze kunye ukwenzela okulungileyo! Kwaye mhlawumbi kukho umphefumlo apho omelwe kukusindiswa, kwaye ungabakhanyisela ukuKhanya. Yabona? Yehla uye phaya. Musa ukuba nekratshi, hamba kamnandi; kwaye abantu baqalisa ukuthi, "Lowo ngonjalo umfazi ongumKristu, kunye nesibini esingamaKristu; leya yenjalo inkwenkwe okanye intombazana engumKristu. Mna, ndiyathanda uku...Nkwenkwe, ngokwenene benza ngathi banento ethile." Yabona? Kwaye uthi, "Ingaba yintoni?"

"Nantsi." Emva koko baxelele. Kodwa yiba netyuwa nje, kwaye baya kunxanwa.

257. Mzalwana Branham othandekayo: Uyakholwa ukuba imiqondiso imelwe kukubalandela bonke abanoMoya oyiNgcwele?

UYesu watsho njalo, uMarko 16.

Ukuba kunjalo, kuthekani ngabantu abawukholelwayo uMyalezo nako konke okukubo, kanti bengenayo le miqondiso? Ingaba bangabangakholwayo okanye badinga

uMoya oyiNgcwele? Ukuba kunjalo, nceda usiyalele namhlanje, indlela yokwamkela uMoya oyiNgcwele. Siyakholelwa ukuba ungumlomo kaThixo kumhla wethu. Umzalwana wakho.

216 Enkosi mzalwana wam, ngokundithatha njengowakho—wakho umzalwana, kwaye ndicinga ukuba ngumbuzo olungileyo kakhulu lowo. Zihlobo, ewe, kukucotha okuncinci. Ndingathanda ukujongana kancinci naloo nto ukuba ndiyakwazi. Yabona? Iyacotha. Khangela! Abanye benu... Yabona? Xana, awukwazi ukufumana ubhaptizo loMoya oyiNgcwele ngaphandle kokuba namava xa lusenzeka... Ngoku, ukuba uyakholwa "lonke isuntswana leLizwi," uthi... Uthi ukholelwa kulo lonke isuntswana laLo, ngoko iLizwi lilele apho lilindele uMoya oyiNgcwele ukuba aLisebenzise; kodwa kuthatha ukukhanya kwekhandlela.

217 Nali ikhandlela elinomtya kulo, kunye nawo onke a—amafutha, nayo yonke into emelwe kukuba nayo kwelo khandlela; kodwa ude umlilo ufike phezu kwalo, aliyi kukhanya. Kungakhathaliseki ukuba ikhandlela ligqibelele kangakanani, kwaye liyakuvutha ngokugqibeleleyo kangakanani na kunye nayo yonke into, kufuneka lintunyekwe, kuze emva koko livuthe. Kwaye xana uthe wakholwa kwaye wenziwa yimiyalelo yento ayiyo uMoya oyiNgcwele, uthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ukulunga, neziqhamo eziluthwalayo, de uMoya oyiNgcwele uhla kwaye ukhanyise ikhandlela elo, emva koko wena u—wena u...akuwamkelanga uMoya oyiNgcwele. Yabona? Umelwe kukuba ube namava ukuze ube noMoya oyiNgcwele.

258. Ndikumbutho wabasebenzi. Ingaba oku akulunganga kumKristu? ILizwi lithi, "Ungafungi—musani ukufunga." Kufuneka sifunge ukuba siyawuthobela umgaqo-siseko wombutho wabasebenzi. Andizange ndithabathe inxaxheba ukususela oko ndaba ngumKristu, kodwa ndisahlawula iindleko zam.

259. Ingaba igama likaYuda Sikariyoti lacinywa kwiNcwadi yoBomi yeMvana, okanye lalikwiNcwadi yoBomi yeMvana?

218 Konke kulungile. Ngokuphathelele kwimanyano yabasebenzi, ndiyazi ukuba uyasebenza...Nina madoda ninemibutho yabasebenzi nezinto eninazo...Ukuba ufuna ukusebenza, kufuneka ube ngowawo. Injalo kanye loo nto. Kufuneka uyenze loo nto. Kodwa yiqaphele (yabona?), ngokuba iyakuvela engqeshweni iye elunqulweni ngolunye lwezi ntsuku. Yabona? Ngoku, khumbula nje, ngumanduleli wayo yonke into iba yimbumba. Awukwazi ukusebenza; abayi kukuvumela emsebenzini; ulu—ulu "khwekhwe," ngaphandle kokuba u—ngaphandle kokuba ungowolu manyano.

219 Ngoku khumbulani, nina bantu batsha, khumbulani into ethethwa nguMzalwana uBranham. Kwaye kwanga amazwi am anokukrolwa ngosiba lwesinyithi e—e—entabeni yentsimbi! ITSHO INKOSI, kwaloo nto inye iyakwenzeka elunqulweni. Uya kuba ngowehlelo elithile, okanye awukwazi ukuthenga okanye ukuthengisa. Ke lumka ngenene, Mzalwana. Yiyeke ukuba ibe yingqesho nje yodwa. Yibukele; sisilumkiso!

220 "Ingaba igama likaYudas Skariyoti lacinywa kwiNcwadi yoBomi yeMvana, okanye ingaba lalikhe lakuYo?" Ewe, lalikuYo kwaye lacinywa. Yabona? Kuba kuMateyu isahluko se-10, uYesu wabiza uYudas nabo bonke abanye, waze wabanika igunya koomoya abangcolileyo. Baphuma ukuya kukhupha iidemon, kwaye wathi uYesu, "Ndikwa mbonile uSathana esiwa eZulwini." Ingaba oko kunjalo? Kwaye babuya, bonke abo bafundi bendawonye, kwaye babevuya; waze Wathi, "Musani ukuvuya ngenxa yokuba awenu . . . iidemon zinithobele, kodwa vuyani kuba igama lakho libhaliwe eNcwadini yoBomi." Yabona? Ilungile injlao lo nto. Yaye uYudas wayekunye kanye nabo! Yabona?

221 Ke khumbula, eMgwebeni, khangela, kwiSihlalo soMgwebo, "Umgwebo wamiselwa; iincwadi zavulwa; kwavulwa nenye iNcwadi, eyayiyiNcwadi yoBomi, kwaye wonke umntu wagwetywa ngolo hlobo."

222 Ngoku, nantso ke, kumbuzo kwixesha elidlulileyo. Yabona? KwiSihlalo soMgwebo. UYesu, iBandla, uMtshakazi, waxwilwa, wenyuka waya eBuqaqawulini, kwaye wayephaya phezulu kwaye etshatile, wabuyela emhlabeni, waphila iwaka leminyaka. Ekupheleni kweminyaka eliwaka wakhululwa uSathana entolongweni yakhe, ekhonkxiwe yiNgelosi ngomxokelelwane, hayi umxokelelwane, kodwa umxokelelwane wemeko; bonke abalawulwa bakhe babesesihogweni. Bonke abo babevusiwe emhlabeni babekhululwe ngentlawulelo kwaye uYesu ekunye nabo. Wayengenakusebenza nto; kodwa ekupheleni kweminyaka eliwaka, luvuko lwesibini . . . "Unoyolo kwaye ungcwele lowo unesabelo eluvukweni lokuqala okungenagunya ukufa kwesibini."

223 Ngoku qaphela, kolu vuko lwesibini, xa benyuka, emva koko uSathana ukhululwe entolongweni yakhe okwe xeshana elincinane; kwandule ke kumiswe umgwebo. Ngoku khangela, uYesu ekunye noMtshakazi, njengoKumkani noKumkanikazi, ehleli etroneni, uMgwebo weTrone eMhlophe; zaza zavulwa iincwadi, iincwadi zaboni. Kwavulwa nenye iNcwadi, eyayiyiNcwadi yoBomi; kwaye wonke umntu wagwetywa ngolo hlobo nguMtshakazi. "Anazi na (ukusa ezi ndawo zincinane phambi komthetho), Anazi na ukuba abangcwele aba baya kuligweba ihlabathi?" Yabona, yabona? Konke kulungile.

260. Unganceda ucacise ukuba lingubani na iqela leSityhilelo

20:4? Ingaba bayinxalenye yoMtshakazi wexesha elidlulileyo okanye kwixesha elizayo?

224 BanguMtshakazi ngokupheleleyo, kokubini okwadlulayo nangoku. BanguMtshakazi opheleleyo, ngokuba baphila kwiMillennium. Konke kulungile.

261. Unganceda . . . (Ke, ngumbuzo okwamnye ngqo.) **. . . ISityhilelo 20:4, ingaba bayimiphefumlo yabanqunyulwe iintloko ngenxa yobungqina bukaKristu ababengayi kulinqula irhamncwa nokwamnkela uphawu lwakhe kwi** (Owu, ndiyayibona into abafikelela kuyo ngoku. Oku bekunikezwe nje mna, kunikezwe nje kum.) **. . . kuba ithi badla ubomi, kwaye balawula noKristu iminyaka eliwaka? Ke iyadida, ngokuba intshutshiso yoMtshakazi, kodwa ngubani na ongomnye abanokuba nguye kwaye balawule kunye noKristu iminyaka eliwaka? Ingaba ba—ba . . . ingaba baya kuba likhulu elinamashumi amane anesine lamawaka?**

Hayi, hayi! BanguMtshakazi. Ngoku, khumbula, khumbula, bona . . .

225 Ubuthe, "Ngelixa banqunyulwa iintloko ngenxa yobungqina . . ." Ngoku uthi, "Ukwenzela i . . . musani ukulinqula irhamncwa . . ." Ngokuqinisekileyo! Uthi, "Irhamncwa liseza kufika."

226 Irhamncwa libekho ngalo lonke ixesha; irhamncwa laba lilo elalisondla ngabo phaya emva emingxunyeni yeengonyama, lalisondla ngabo phaya emva kwela bala lemidlalo phaya eRoma. Lowo yayingumchasi-kristu; yayilelo rhamncwa kanye phaya, lamisa uhlobo oluthile lwenkolo. Kanye ngqo njenge, phantse, umkhomba ndlela. Ibandla laseRoma lakhutshwa kanye eBhayibhileni, kwaye ngoko . . . Into abayenzayo loo nto, bayiququzelela loo nto benza iziko kwaye benza i—ibandla jikelele eliphuma kuyo, kwaye bonke ababengayi kuqubuda kuyo kwakufuneka batshatyalaliswe. Yabona? Ibiyiyo.

227 Kwaze ngoko kwinxalenye yoMzimba owawukho ngoko . . . Ngoku, uMzimba ukhule kanye njengomthi wade Wafika eNtloko. Yabona? Kwaye bonke, kokubini abafeli-nkolo, nabatshutshiswayo, nanjalo njalo . . .

228 Kodwa uYesu usinike uxolo kweli cala lomlambo, kanye njengokuba Wenzayo kuzo iintlanga . . . apho (yabona?) aziwelanga ngaphaya. Ngoku.

262. Ndingamenzela ntoni? Ndiqhubeke noku (Owu!) ukukhathalela uTata efama? Ndingenza ntoni . . . ukwenza u—ukuphila ko . . . ? Kwaye usayina igama lakhe.

Ewe, mzalwana wam . . . I—ibhaliwe apha. Andazi ukuba ngubani . . . Ithi, "Mzalwana uBranham . . ." Iqala nje, "Ndingamenzela ntoni?"

229 Ngoku, mhlawumbi inkwenkwe ethile ngotata wayo. Jonga, Mzalwana wam othandekayo, usikelelwe wena xana uya kuhoya utata wakho, ngokuba utata wakho wakukhathalela xana wawungenako ukuzikhathalela. Kwaye owokuqala umthetho unedinga, umthetho wokuqala unedinga: "Beka uyihlo nonyoko ukuze yolulwe imihla phezu komhlaba ekunikayo iNkosi uThixo wakho." Yabona? Ehe, mhoye uTata ngayo nayiphi na indlela onokuthi uyenze. Bona ukuba ufumana okona kulungileyo.

263. Wathi uKayin wayengowembewu yenyoka. Kwakutheni ukuze u-Eva athi, "Ndifumene indoda eNkosini"?

Nako sisiya. Bekuyakuba ngcongo ndilinde de kube semva kwedinara kulona. Ehe, ndiza kulinda de kube semva kwedinara kokuya. Owu, oko kuyakuthatha malunga nexesha elincinane ukucacisa oko. Konke kulungile.

264. Mzalwana Branham othandekayo: Ungandicacisela lo mqolo, u-Isaya 2:2: "Kwaye kuya kwenzeka ukuba ngemihla yokugqibela, ukuba intaba yeNkosi . . . entabeni yendlu yeNkosi iya kuzinza encotsheni yeentaba, kwaye iyakuphakanyiswa ngaphezu kweenduli; kwaye zonke izizwe ziya kuba ngumsinga ukuya kuyo."

230 Ewe, ndiyenzile, ngeCawe ngaphambi kweveki ephelileyo. Yabona? I—indlu yeNkosi iya kuzinza encotsheni yeentaba, kwaye zonke izizwe ziya kuba ngumsinga ukuya kuyo. Enkulu . . . Ukuba awunayo i . . . Ukuba unayo iteyiphu kwi *Ikhaya Elizayo LoMtshakazi noMyeni,* iyicacisa kanye ngala ndlela.

Owu, bethu! Ndisenokuthi ndiyeke kanye ngoku, ngokuba bethu, owu bethu, mzalwana, asikhe sizigqibe zonke ezi zinto zilapha. Whew!

265. Mzalwana uBranham, nguye . . . (Masibone ukuba yintoni na le.) **Mzalwana uBranham, ngokuqhelekileyo kukholelwa ngabaninzi abalandela uMyalezo wakho ukuba unguMesiya walo mhla. Ingaba oko kunjalo?**

231 Hayi, mhlekazi!

Sixelele ngokucacileyo, Mzalwana uBranham. Ungathi uyathandabuza ukuzenza wena waziwe, kwaye siyazi ke ukuba ngolunjalo ulungiselelo njengoko uThixo akunikileyo, ufanele uchazwe eZibhalweni ndaweni ithile.

266. Inani—Inani 2: Usixelele injongo yakho yokuya e-Arizona okokuqala. Usixelele isizathu, kwaye kwenzekile, kodwa awusixelelanga isizathu sokuba ubuyele kwakhona.

232 Indawo yokuqala, andinguye uMesiya! Yabona? *UMesiya* nguYesu Kristu, kodwa thina si "ngooMesiya," ngamnye wethu. *UMesiya, uMesiya* uthetha "Umthanjiswa." Kwaye kuYe kuhleli ukuzaliseka kobuThixo ngokomzimba; kum kuhlala nje inxenye yoMoya Wakhe, njengokuba uhlala kuwe. Ndinikwe

isipho so—so—sokwazi izinto ezincinci kunye nokubona izinto kwangaphambili. Lonto indenza nje ndibe ndisengumzalwana wenu. Yabona? Andinguye u . . . hayi uMesiya; Ndingumzalwana wenu (yabona?), umalusi nje kumhlambi. Kwaye ukuba ndinixelele ukuba ndinguMesiya, ndiyakuba lixoki. Yabona? Kwaye andifuni ukuba lixoki.

233 "Ngoku, kwakutheni ukuze ndiye e-Arizona okokuqala?" Nakuqonda oko. Ndaya eGameni leNkosi, ngokuba ndandithunyelwe apho ngombono. Ndabuya okwesibini ngenjongo. Yiyeke nje. Ndiyayazi into ebendiyizele; Andikwazi ukuxela yonke into. Xana u . . . umtyholi akayazi, akanakuyikhupha entliziyweni yam. Ukuba ndiyathetha, emva koko unako ukuyifumana, kodwa akazuku . . . akakwazi ukuyifumana xana isentliziyweni yam. Ukuba ndithi, "Linda ide yenzeke!" . . . Khumbula nje, bamba le teyiphu; Ndiye e-Arizona ngenjongo. Ndicela nindinyamezele. Yabona? Yenzani nje oko ndinixelela ukuba nikwenze (yabona?); nje—yenza nje njengoko ndisitsho. Yabona?

267. Mzalwana uBranham, ndinemibuzo ethile endinqwenela ukubuza—buza wena. Ndiye ndabava abantu besithi ucebise abantu ukuba bathengise konke okwabo . . . (Mhlawumbi kungcono ndiyishiye nayo. Makhe sibone. Ke, sele ilixesha lokuyeka. Mhlawumbi sifumana oku emva kwedinara, kodwa ndi—ndiyakukuphendula oku okanye ndizame okungcono kwam. Andazi; inikezelwe kum nje. Yabona? UBilly undiphathele iqaqobana apho—phaya emnyango. Yabona?) **Ndikhe ndeva abantu besithi ucebise abantu ukuba bathengise onke amakhaya abo kwaye bakulandele ukuya e-Arizona okanye—okanye abayi kuba kuXwilo. Ingaba oku kuyinyaniso?**

234 Bubuxoki obo. Yabona? Uh-huh!

. . . okanye simelwe kukuthengise amakhaya ethu, okanye ukhe wakutsho nokukutsho oku?

235 Hayi, mhlekazi! Khange ndiyithethe! Ukuba nantoni na, ndiye ndacebisa abantu ukuba bangayenzi. Uh-huh! Khumbula, khumbula iphupha lika "Junie" Jackson ngelo xesha xana ndiphuma apho? "UJunie" waphupha ukuba wabona oku . . . Bangaphi abalikhumbulayo iphupha, nendlela iNkosi eyalichaza ngayo ingcaciso. Laa ntaba inkulu, sasimi phezu kwayo, kunye noonobumba abadala abakhuhlekileyo phaya; kwaye ndandizama ukuyitolika, kwaye andizange ndikwazi ukuyenza. Kwaye nda—ndandibatolikela. Emva kokuba ndiyitolike yonke, yatolikwa yonke, emva koko ndafikelela ndafumana (ephupheni lakhe ngoku) uhlobo oluthile lwe, olufana, umgqala ndaza ndasika incopho yentaba ndaze ndajonga apho, kwaye konke kumhlophe qhwa, kunjengelitye

lebhastile. Kodwa ayizange ibhalwe, kwaye ndathi, “Hlalani apha nonke nijonge kule nto ngoku, ngeli thuba ndisiya phaya.”

236 Kwaye “Junie”. . . Bonke babo benyuka kodwa bonke abazalwana kwaye bonke bejonge kulo, omnye. . . Abazange baqonde; uthe, “Ke, wazi ntoni? Ayibhalwanga kwa ukubhalwa apha,” kodwa ebefunda ngaphandle kwayo. “Kutheni ingabhalwanga apha? Asikwazi ukuqonda.”

237 Wajika uJunior wajonga wandibona, kwaye wandibona ndisiya ngasentshona, ekutshoneni kwelanga, ndinqumla intaba enye, enye intaba, ngokukhawuleza okukhulu, ndifika nje. . . Kwaye ngoko bajika bajonga bandibona ndingasekho; iqela elikhulu elipheleleyo labo lasuka laya kulaa ndlela, kwaye lalifuna ukuya *le* kwaye lenze okuya, emva kokuba ndibaxelele ukuba bahlale phaya. Hlala phaya, hlala kanye phaya; le yindawo.

238 Kwaze ngoko, xana ndakwenza oko, ngoko, kwaye ndaya nje ngokuchanekileyo; kwaye intwanana emveni koko, iNgelosi yeNkosi yabonakala kum, ithi, “Phuma uye e-Arizona phaya.” Ndeva oko kuqhushumba ndaya apho, kwaye yayiyintoni? Laa nkwenkwe yaphupha elaphupha nje kanye ngokuchanekileyo, yaze iNkosi yanika kanye. . . Khumbulani, ndathi, “Kukho into endiya phaya ukwenzelela yona.” Kwaye xana ndaya phaya, yayiyimfihlakalo yaMatywina aSixhenxe, awayetywinelwe ngaphakathi kuloo ntaba yeNkosi. Yabuyela kanye nokuvulwa kwaMatywina aSixhenxe. Yabona?

239 Hayi, akufanele uyenze loo nto. Ukuba ufuna ukuhamba, oko kukuwe. Kakade, andi. . . Bethu, andikhathali apho uya khona, kodwa nje yenza oko, ucinga ukuba uMtshakazi uyakumka ukusuka phaya, uyaphazama.

240 “Kananjalo ndikuvile oku. . . Ndine (Mandi. . . Ndiyenze ngokuphosakeleyo ndaweni ithile apha. Masibone.). . . uXwilo. Ingaba yinyani le okanye masithengise amakhaya ethu, okanye ukhe wayithetha lento?” Hayi, andizange ndiyithethe. Andizange. . . Ndasoloko ndicebisa abantu ukuba bahlale apho ukhoyo kwaye baqhubeke de uYesu afike. Ukuba ndinixelele amaxesha amaninzi, le teyiphu mayibe sisikhumbuzo; le mini mayibe sisikhumbuzo; ilizwi lam malibe sisikhumbuzo; Andizange, ngaxesha lithile, ndakhe ndaxelela nabani na, ndakha ndaguqulela abantu kwinkolo, ndazama ukufumana umntu othile ukuba eze kule nkonzo! Andizange. . . Malunga nokubaxelela ukuba bashiye iicawa zabo baze bathengise ngeempahla zabo nezinto zabo, UThixo uyazi ukuba bendisoloko ndicebisa abantu ukuba bahlale bengumKristu kwaye uhlale apho ukhoyo ade akubize uThixo. Wonke umntu uyayazi loo nto. Hlala kanye apho! Kodwa ngoku, ukuxelela abantu. . . Umntu othile uthi, “Ke, ndifuna ukuya ngaphaya. Ndifuna ukuphila ngaphaya. . . ” Uya naphi na apho ufuna ukuya

khona; Konke oko kulungile. Andikhathali apho uya khona; oko ayingomsebenzi wam.

241 Kodwa ngoku, ukucinga ukuba . . . Yabona, yenza ntoni? Iqala unqulo mntu (yabona?), kuze emva koko ndingene engxakini. Baneqela phandle phaya ngoku eliza kuba kubalizi kungekudala. Kwaye emva koko kuya kuba yintoni? "Siza apha phandle ukuza kuXwilo loMtshakazi." Yiloo nto kanye elindelwe ngamaphephandaba! Balindele ukuyifumana xa bewela kubalizi kwaye abanakubuyela kumakhaya abo. Ngoko bayakwenza ntoni?

242 "Ke, silandele uMzalwana uBranham phandle apha. Kumele ukuba . . . " Kwaye ndimsulwa kangangoko ndinokuba nako. Abantu abathandekayo, abalungileyo, bona—bona bayazi ukuba ndiyabathanda, kwanakwisiphoso sabo. Kwaye bona . . . Kutheni, i . . . Bona . . . Ndiyabathanda nakanjani. Yabona? Ndiyabathanda; bangabantwana bam; kodwa nje abayi kundiphulaphula, into endizama ukubaxelela yona. Ndizama ukwenza into ethile eGameni leNkosi, kwaye abayi kundivumela ukuba ndiyenze. Yabona? Okunene bayandichasa endaweni yokuba babe ngakum. Benza . . .

243 Andizange ndinixelele ukuba kukhe kwashunyayelwa umyalezo, uyakuba kanye apha kulo mnquba; nantoni na ekufuneka ndiyenzile, bendizakuza apha ndize ndinixelele kuqala, kanye kanye ukusuka kulo mnquba? Eso sisithembiso sam!

268. Kananjalo, ndivile ukuba kukho imfundiso, yokuba incwadi owayibhala kwiminyaka eliqela eyadlulayo malunga nesonka sobomi . . . Bayitolika ukuba kufuneka sonke sibe kunye nawe okanye siphose uXwilo.

244 Ke, incwadi ayilunganga. Incwadi *YeSonka soBomi*, ndiyayikhumbula loo nto ngoku. Oko yayikukondla ibandla jikelele, kuyo yonke indawo. Yabona, inkathazo yayo . . . Ngoku, ngoku, nina bantu, nizinzile, kodwa nimelwe kukuba nayo. Abo balandela umhlangano ngamnye. I—i . . .

Bendifunda ngoMartin Luther apha kungekudala kwithuba elidlulileyo, singazithelekisi naloo nto; kodwa olu luhlaziyo kanye njengokuba lwalunjalo. Kwaye u—umbuzo wawu . . . A—a—ababhali bembali, bathe, "Yinto emangalisayo ukucinga ukuba uMartin Luther wayenokuqhankqalaza icawa yamaKatolika aze aqhubeke nayo. Yayiyinto emangalisayo leyo, kodwa," bathi, "eyona nto imangalisayo ngoMartin Luther yayingeyiyo loo nto. Indlela wayenokuyibamba ngayo intloko yakhe phezu kwalo lonke ubaxo olwalandela umhlangano wakhe kwaye futhi ahlale enyanisekile eLizwini, ubizo lwakhe . . . " Yabona?

245 Hayi, mhlekazi! Musa ukubeka eyakho . . . Nayiphi na indoda okanye umfazi obeka nantoni na kwinto endiyithethayo,

musani ukuyikholelwa into endiyithethayo. Abayenzi . . . Bathi . . . Bona . . .

269. Kwakhona malunga nezi ntsapho zithengisileyo zafudukela eSierra Vista, e-Arizona, apho baye batolika kwenye yeteyiphu zakho enesihloko (umzuzu nje) ***IBhetelehem encinane—IBhetelehem encinane*****, uXwilo luyakwenzeka e-Arizona. Ingaba ubacebisile ukuba baye khona?**

246 Ngokuqinisekileyo andizange. Xana babebhala ileta malunga naloo nto, umntu othile apha phezulu eConnecticut okanye into ethile, Ndayiphendula ileta kwaye ndathi, "Wenza eyona ntshukumo imbi wakha wayenza ebomini bakho. Musa ukwenza into enjalo." Yabona, awukwazi . . . Ke, khumbulani nje, nina bantu . . . Ngoku, nonke niyazi ukuba andibaxeleli abo bantu ukuba benze loo nto; Ndibaxelela ukuba bangayenzi. Kodwa uyabona, oko kunyanzelekile ukuba ilandele umhlangano. Kutheni abantu besithi *ndinguMesiya*? Kutheni abantu . . . ? Baye bathwala . . . Ke, omnye umfo apho phandle wandibonisa ngenye imini, wayenento encinci kwaye wayeza kuhamba . . . eqhubekeka, wayefuna ukuba bonke abantu babhaptizwe egameni lam. Oko kuyakundenza umchasi-Kristu! Kodwa andingowezo zinto, kwaye nonke nina bantu niyakwazi oko. Kodwa niyabona, oku kune . . . Oko kuchonga kuphela uMyalezo oyinyani.

247 Abazange beze bazama ukuxelela uYohane, nangona kunjalo, owandulela ukufika kokuqala kukaKristu, "Unguye na uMesiya?"

Wathi, "Andinguye! Andifanelekanga nokuba ndikhulule izihlangu Zakhe. Andifanelekanga nokuMjonga." Yabona? Kodwa wathi, "Lowo uzayo emva kwam . . . "

270. Ngoku, Mzalwana uBranham, ingaba kukho into esiyiphosayo? Aba bantu bathi bakholelwa onke amazwi owathethayo ukuba ayinyaniso. (Kodwa abakholelwa! Abayikholelwa. Izenzo zabo zingqina ukuba akunjalo.) **Nceda undazise impendulo yakho ethe ngqo: ewe okanye hayi** (Unayo! Kulungile.) **malunga nezi zinto, kwaye ukuba yinyaniso, sifuna ukulungiselela ukuya kujoyina nabanye abalapho. Uh-huh. Bonke abanye . . . Ndiyabulela kakhulu ngeempendulo zakho kule mibuzo, njengokuba ndizakulinda ukuyiva ngale Cawe, ukuba iNkosi ithe yalibazisa.**

248 Owu, bethu! Ke, Mzalwana, Dade, ndi—ndiyathemba iyaqondwa (yabona?) ukuba andikhange, ande . . . Ngoku, ukuba abantu . . . Owu, ngokuqinisekileyo, ukuba ufuna ukuphuma uye e-Arizona ukuze uhlale . . . Kwaye ngoku, ndizakube ndiphandle e-Arizona mhlawumbi kwesi siqingatha sonyaka sokuqala. Kuya kufuneka ndibuyele apha. Ndiza kuba ne . . .

Ndi—ndifuna ukuhlala phaya; abantwana basempilweni kwaye yonke into. Ndi—ndifuna ukuhlala phaya okwethutyana, kwaye ndinenjongo. Khumbulani ngoku, eteyiphini, ITSHO INKOSI, ndinenjongo yokwenza le nto ndiyenzayo; uyazi ukuba ndinayo; kodwa andikwazi ukunixelela oko.

249 Kutheni ndinixelela ukuba ningawathengisi amakhaya enu? Niza kulahlekelwa, kwaye niza kuba sengxakini. Musa ukuyenza loo nto. Andizukuhlala e-Arizona kodwa kancinci. Ngokuba? Andikwazi ukuyenza ngoku.

250 Ukuba ndibayeka abo bantu bahlale phandle phaya kwaye baqhubeke namalizo, kuya kwenzeka ntoni? Ngoko, oko nje ngokuchanekileyo koko amahlelo kunye nabo bonke babo bakukhangelayo. “Aha, ndinixelele into eyayisemva kwakhe, esinye isikolo sabaprofeti okanye enye into!” Yabona? Nantso ke, yiloo nto kanye bayifunayo! Ngapha koko, abo bantu, ndinoxanduva ngabo; nangona bengenzanga oko bendibaxelele ukuba bakwenze, kwaye baye benza kanye . . . Uthi, “Bayeke bahambe; be—benze oko wawubaxelele ukuba bangakwenzi!” Loo nto ayikho entliziyweni yam. Ndisafuna ukuya kubo. Bangabantwana bam. Ndingabachwakaza kancinci xa ndibabuyisa, Kodwa ndi—Kodwa ndi—Ndiqinisekile ukuba ndiyabalandela. Kwaye ndizokwenza njani phaya?

251 Bathi, “Sizekulandela iLizwi.” Andinayo necawe endinokubathumela kuyo phaya. Uhlobo lweecawe abaya kuya kuzo phaya luhlobo olunye enilushiya kwezinye iindawo, mhlawumbi ezimbi kakhulu. Yabona? Kwaye abasayi kuya ecaweni kakade, kwaye andinacawa yokubashumayeza. Ngoko ndibophelelekile ngokokuziphatha ukuba ndikhuphe abantwana bam e-Arizona, apho . . .

252 Ndinibuza into ethile. Ndishumayele ngcono kunemiyalezo engamashumi amathathu kweli bandla kunyaka ophelileyo. Kwaye iminyaka emihlanu, ngaphandle, oko ndandise-Arizona, Ndishumayele ngakumbi kweli bandla kunyaka omnye kunokuba ndishumayele kwiminyaka emihlanu naliphi na elinye ixesha (ngokuqinisekileyo!), apha ebandleni. Eli likhaya lam lesigxina; eli likomkhulu lam; apha kulapho sibekwe khona. Ngoku, kubambe oko engqondweni nokuba kwenzeka ntoni na. Ngoku, ukuba ulumkile, uya kubamba into ethile. Nokuba kwenzeka ntoni na, eli likomkhulu lethu, kanye apha! Kwaye kugcineni oko engqondweni nibhekisele emva kule teyiphu ngenye imini, enandiva ndiprofeta. Kulungile, khumbulani oko!

253 Ukuba niyafuna . . . ukuba kufuneka nimke nize ebandleni, musani ukuphuma niye phaya ukuya kuyifumana, kuba andikho kwa ukubakho phaya. andinandawo yokuya; andinandawo yokushumayela. Abayi kundivumela ukuba ndishumayele ezicaweni zabo. Andinayo kwa indawo, kwaye ndawathembisa amadoda xa ndifika phaya . . . Bonke boyika

ukuba ndiza kufika apho kwaye kwakhiwe isakhiwo esikhulu, ndiyakukhama iicawa. Kodwa oko akuyonjongo yam yobomi. Yabona? Nde—ndenza abantu basidiswe. Kuxhomekeke kubo. NjengomSamariya wehlayo wathabatha indoda wayisa kwindlu yabahambi, ngoko wabayeka ukuba babanyamekele ukusuka apho ukuya phambili. Andikho apha ukuza kuchitha amabandla, ndize kuguqulela abantu kuKristu! Yabona? Kwaye indenza ndiqondwe ngokuphosakeleyo phakathi kwabantu (yabona?) xana—xana betolika indlela yabo kwaye hayi . . . kwaye . . . ukuthetha into endiyithethayo. Yabona?

254 Aniwukhumbuli umbono? Bangaphi abalikhumbulayo iphupha likaJunior Jackson? Kwaye bonke bayayilandela ngokuchanekileyo kanye. Yayiyintoni? Hlalani apha ndide ndiye ngaphaya! Yabona? Ndaze ndalufumana utoliko ndabuya.

255 Ngoku, ndinenye into entliziyweni yam endathi ndiyalunyukiswa yiNkosi ukuba ndiyenze, abanye bayashukuma ukwenza ngokunxulumene nalo mnquba, neli bandla; ukuba ndimelwe kukuba ndiye phaya, okanye ndaweni ithile okwexesha elifutshane. Ingokwenjongo, injongo enkulu, injongo ongazi nto ngayo. Kodwa khumbulani, andikho nje "ukuphuma ndingena" khona apha, kuba ndenza ngathi ndinjalo. Ndisebenza kwintando yeNkosi, ngokokwazi kwam ukusebenza kuyo. Yabona? Seso sizathu ukuba uyakholwa koko ndikuthethayo, ngoko yenza endithi kwenze (yabona?), ngoko ndiphulaphuleni kwaye nikholwe ndim njengomzalwana wenu. Ukuba niyakholwa ukuba ndingumprofeti, musani ukutolika ngokuphosakeleyo amazwi am!

256 Ukuba kukho nantoni na, ke ndincedeni, ukuba kukho nantoni na omelwe kuyazi uThixo angandixelela yona, UThixo uyazi ukuba ndinganixelela kanye ngokuchanekileyo! Kwaye ningongezi kuyo okanye ninciphise kuyo; yenza kanye ngale ndlela ndiyithetha ngayo (yabona?), kuba ndikuxelela ngokusuka entliziyweni yam eyona nto ndiyaziyo. Yabona? Kholwa nje yiloo nto. Nje—nje thatha—nje into endiyithethayo ngayo, kwaye nje uyiyeke ihambe ngolo hlobo. Konke kulungile.

257 Ke ngoku, kufuneka ndibabuyisele apha abantwana ukuze bafumane into etyiwayo. Baphaya ezantsi entlango belambile.

258 Umlungiseleli weza kum ngenye imini, wathi, "Mzalwana uBranham, bafumana eyona nkolo yoyikekayo phaya ezantsi wakha wayibona." Wathi, "Ngamnye kubo, ntsasa nganye, bayaphuma; kwaye bathi abayi kusebenza, kusondele kakhulu kuXwilo." Abayi kusebenza. Ke, oko kubonisa nje ukuba awuqondi. Yabona? Kuhle. (Le teyiphu isiya ezantsi phaya!) Ke, ewe, mhlekazi! Umelwe, thabatha isifundo kwimbovane, itsho iBhayibhile, uyazi. Ukuba azisebenzi, azityi. Ke oko yi—oko kunjalo ngqo.

Nantsi i—nantsi, ndithathe nje enye yale.

271. Ingaba . . .(Andazi. Yabona, yeyenye nje—yahlukile—ngumbhalo wesandla owahlukileyo komnye. Ukukubonisa nje, ndiyacinga ukuba kukho malunga nesibhozo okanye ishumi salena phaya. Yabona?) **Ingaba elona—ingaba elona bandla ligqibelele ngakumbi lizakuba seTucson, Arizona? Ndifuna ukuba sentandweni egqibeleleyo kaThixo. Ingaba singafudukela eTucson?**

259 Akunjalo konke konke ongomnye—ongomnye umbhalo wesandla. Yi . . . Ndi . . . Jonga nje apha; Ndiza kukubonisa ukuba bangaphi na kulo mbuzo mnye. Andi . . . A—Andizange ndiyifumane, ndiyaqikelela. Nantsi i—nantsi i . . . Ndinephawulweyo apha, "Ndiza kunazisa."

272. Mzalwana uBranham: Nceda . . .(Masibone.) **Ekwazini ukuba ungumprofeti, kunye, neyure esiphila kuyo, ingaba . . . kwaye—kwaye . . . umprofeti weyure esiphila kuyo** (Yiloo nto iyiyo.)**, ingaba liyakufika ixesha apho abantu bakaThixo kuya kufuneka basabele e-Arizona kunye nawe? Ukuba kunjalo, ungasazisa xa ixesha lifika?**

260 Ngokuqinisekileyo ndiyakuyenza. Ndiyakunixelela. Ndiyakunixelela. Ngoku yabona, kukho imibhalo emibini eyahlukeneyo yezandla, abantu ababini abohlukeneyo. Yabona? Kukho umbhalo wesandla omnye, kwaye kukho omnye. Yabona? Oko koko kumele kube kuko, oko kusengqondweni yebandla. Yabona? Ke, makhe nje siyilungise le nto. Makhe sibone ukuba ndingayifumana . . . Masibone.

273. Mzalwana uBranham . . .(Kukho omnye, owahlukileyo ngokupheleleyo.) **Mzalwana uBranham, abanye bakuqondile ukuba uthi kumyalezo wakho we*Khaya lekamva loMtshakazi noMyeni* laliyakuba** (Hayi, oku kwahlukile.), **kuba lishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile ukusuka emnqubeni, isikweri, amakhulu asixhenxe ukuya nokubuya** (Ngamanye amazwi, umnquba uhleli kanye embindini uyakuba ngamakhulu asixhenxe ndlela nganye, lishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile. Owu!), **ndlela nganye. ingaba oku kuyinyaniso? Ndihlala ngaphandle kwale ndawo; kufuneka ndingene kuyo na?** (Owu!)

261 Hayi, Sthandwa, ungayenzi loo nto. Khangela! Ngoku, uyabona ukuba kulula kangakanani ebantwini? Bangaphi ababelapha xana ndandishumayela laa myalezo? Ndathi xana ndilinganisa iYerusalem eNtsha, ukuba yayiyakuba lishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile macala onke. Ndathi iya kufikelela malunga nokusuka eMaine ukuya eFlorida, namakhulu amathandathu eemayile ngasentshona ye-Mississippi; oko kuyakuba lishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile ezikwere. Ndathi iSixeko, kuluvo lwam, siyakube sihleli kanye emhlabeni apho umprofeti u-Abraham waye

wakhangela khona eso Sixeko, xana kungasayi kubakho lwandle. IBhayibhile ithe akusayi kubakho lwandle, ntoleyo imalunga nesithathu kwisahlulo sesine somhlaba sisemanzini. Kwaye akusayi kubakho lwandle; ke ngoko, asiyi kuba sikhulu kakhulu isiXeko esibekwe kwindawo elolo hlobo. Ndiyakholwa ukuba iyakuhlala kulaa ndawo incinci apho baxabana kakhulu ngayo, kwaye uThixo wazalwa, phaya eBhetelehem. Ndiyakholwa ukuba iyakuba kanye ePalestina phaya, apho iyakunyuka iphume emhlabeni kanye apho kwaye ibe yiloo ntaba.

262 Kodwa, sihlobo esithandekayo, ayinanto yakwenza nalo mnquba. Yabona? U-Abraham, u-Isake, uYakobi, uPawulos, bonke abangcwele, bafa kulo lonke ihlabathi, batshiswa, barhaxwa, badliwa ziingonyama, nayo yonke enye into; kwaye baya kuphuma kulo lonke intanda, ukuchachamba, kunye nekona yehlabathi. Ndiyathemba ukuba ndiphaya. Andazi ukuba ndiyakuba phi, kodwa naphina apho ikhoyo, ukuba ndikwelo qela, akukho nto inokundinqanda ukuba ndingabikho phaya! Yabona? Kwaye akufuneki ndibe nakweyiphi indawo ethile. Inye indawo endimelwe kukuba kuyo kukuKristu, kuba abo bakuKristu uThixo uya kubazisa kunye naYe. Andikhathali nokuba iphi na, Uyakuzisa . . . Ndingcwabe kuYesu.

263 Khangela kwabo baprofeti emva phaya. Babesazi ngokucacileyo, ngoku, ukuba uvuko lokuqala, iziqhamo zokuqala, luyakuba sePalestina. U-Abraham wathenga indawo, waza yena . . . hayi . . . wamngcwaba uSara. Wazala u-Isake. U-Isake wangcwatywa ecaleni kukayise nonina. u-Isake wazala uYakobi; UYakobi wafela kwaSirayeli . . . eYiputa, wabuyiselwa ePalestina. Kwaye ngoko, uYosefu naye wafela apho ezantsi. Kwaye bawabuyisela amathambo kaYosefu, kuba wathi, "Yenza . . ." wamenza wafunga uYosefu . . . uYakobi, ukuba angamngcwabi phaya ezantsi, koko ambuyisele kwilizwe ledinga. Wathi uYosefu, "Ngamhla uthile iNkosi uThixo wenu iyakunivelela. Mandi . . . amathambo am ahambe kwaye angcwatywe kunye nobawo." Kwaye benjenjalo, ngokuba, ekubeni bengabaprofeti, baqonda ukuba iziqhamo zokuqala zovuko ziyakuba sePalestina.

264 Ngoku, iBhayibhile yathi . . . Kwaye ukuba nindibiza umprofeti, andithi ndinguye; kodwa ukuba nindibiza ngolo hlobo, khumbulani, ndikuthetha kuni egameni lomprofeti (yabona?), egameni lomprofeti, uvuko noXwilo luya kuba yinto yendawo yonke kulo lonke ihlabathi! Akunamsebenzi nokuba uphi na, yakufika loo yure, uyakuxwilwa ukuya kuhlangana naYe! Kuko konke! Akukho nto iya kukunqanda, nokuba uphi na. Kwaye ndiyathemba kuphela ukuba ndilapho, omnye wabo. Ndithembele kuphela kwaye ndiyathemba kuThixo ukuba ndiyakuba ngomnye wabo kwaye ngamnye wenu uya kuba phakathi—ngokufanayo.

Ngoku, ingaba sinalo ixesha lomnye? Ngoko iyakuba nje (yabona?), phantse nje ngentsimbi yokuqala.

274. Mzalwana uBranham othandekayo: Inkosikazi yam kunye nam sasohlukene. Undimangalela ngoqhawulo mtshato. AkangomKristu, kwaye ndiyawukholwa uMyalezo kwaye ndifuna ukuba asindiswe (Akukuhlanga na oko? Ngumoya wobuKristu wenene lowo. Yabona?) **kwaye akholwe. Kufuneka ndenze ntoni? Kananjalo sinamakhwenkwe amabini.** (Batyikitye igama labo.)

265 Mzalwana, jonga, mandikuxelele, uyakukumangalela ngoqhawulo-mtshato. NguSathana lowo. Yabona? Akufanele uyenze loo nto. Kodwa ukuba ungumKristu, ungenzanga nto ehlabathini ukuthintela loo mfazi, ngoko nguSathana owenza loo nto. Uzama nje ukukukrazula.

266 Ngoku, ukuba ungomnye wabanyuliweyo bakaThixo, uyakuza kuYe. Ukuba akunjalo, akafanelekanga ukuba ukhathazeke ngaye. Ngoko ukuba iyenzeka . . . Ukuba uyakhathazeka iya kuyaphula impilo yakho, kwaye yiloo nto uSathana afuna ukuyenza. Uyasebenza, ndiyazi, kuwe. Ngoko nikela nje yonke into kuThixo kwaye uqhubeke ukhonza uThixo ngokonwaba kangangoko unokuba nako. UThixo uyakukulungisa konke okunye kwayo. "Bonke aNdinike bona uBawo baya kuza kum." Guqa ngamadolo akho; ndiya kukuthandaza nawe okanye nantoni na. Ndiza kuthandaza phezu kombandela. Yithi nje, "Nkosi Thixo, ndiyamthanda; ngumama wabantwana bam," (ukuba unguye) kwaye uthi, "Ndi—ndi—ndinikela nje yonke into kuWe, Nkosi. Ndifuna basindiswe, Uyazi ukuba ndiyafuna; kodwa andinako ukuya phambili. Uzondiqhawula umtshato nakanjani. Andenzanga nto; ukuba ndenzile, ndityhilele; Ndiza kulungisa. Ndiya kwenza nantoni na." Emva koko yinikele eNkosini kwaye uyiyeke nje ngoko, yiyeke nje. Qhubeka uphila ngokufanayo njengokungathi—njengokungathi kwakungazange kwenzeke nto. Kwaye uThixo uya kukunyamekela okuseleyo kuwo.

275. Ngoku: **Mzalwana Branham, ithini yonke le nto ngabantu** (Owu, kwakhona!) **bafudukela e-Arizona? Yicacise.** Kukho olunye uhlobo lombhalo wesandla. Yabona, yabona?

Ke, sele siyichazile loo nto (yabona?), yintoni leyo.

276. Mzalwana uBranham, ingaba uMtshakazi uyakudlula kwintshutshiso njengoko lenzayo ibandla labapostile lokuqala?

267 Hayi, ndiyichazile loo nto kwimizuzu embalwa edlulileyo. Hayi, into elandelayo luXwilo ngoku. Khumbulani, sikwilizwe ledinga; sisemdeni. Uyakuqonda na ukumatsha kukaSirayeli?

277. Ingaba kusemthethweni uku—ukusebenzisa naluphi na uhlobo lolawulo-nzala?

268 Kungcono ndiyishiye loo nto kude kube ngale njikalanga (yabona?), kuba kunjalo . . . ndifuna uku—ndifuna ukuthetha into ngaloo nto.

278. Mzalwana uBranham, nje . . . (Ndilinde nje imizuzu emi-3 ngaphezulu ukuba ndinako. Mandifumane into emfutshane apha mhlawumbi.) **Andikwazi ukunikela ngokupheleleyo kuYesu. Ndinomoya ombi?**

269 Makhe ndichithe ixesha eliseleyo kuloo nto. Ingaba awukwazi ukuzinikela kuYesu? Abayenzi . . . Yabona, andazi indoda okanye umfazi; Andikwazanga ukuxela ukuba yintoni na. UThixo uyayazi loo nto.

270 Awukwazi ukunikezela kuYesu. Ngokuba? Yintoni ingxaki? Ukuba ungumfazi, akufanelanga ukuba uzinikele endodeni yakho ukuba ube ngumfazi, unikezele ngako konke okuko? Inenekazi elincinane xana wawutshatile, linesidima, walwa ubomi bakho bonke ukuze uhlale unesidima; kodwa ngenye imini wafumana indoda oyithandayo. Ubungowakhe ngokupheleleyo. Izinto othe walwa nazo kubo bonke ubomi bakho kwaye wazama ukuphila ucocekile, ucacile, kwaye unesidima; ngoku, unikezela yonke intwana yayo kumntu omnye. Ingaba oko kulungile? Uzibeka ngokupheleleyo ezandleni zakhe; ungowakhe. Yonke into oyimeleyo ngesidima, nangokuziphatha, nayo yonke into enjalo, ngoku ujikela emntwini, ngokuba uzinikele endodeni leyo. Awunakho na ukwenza kwaloo nto kuYesu Kristu? Zinikele nje ngaloo ndlela, "yonke into endiyiyo, yonke ingqondo yam, zonke iingcamango zam." Ngokuqinisekileyo.

271 Andiqondi ukuba unomoya ombi; Ndicinga ukuba umoya ongendawo ukuthambise ngezo ngcinga, uzama ukwenza ucinge ukuba akunako ukuzinikela kuThixo. Xana . . . Makhe ndikubonise into. Kutheni uyaku*funa* ukuzinikela kuYe? Ngenxa yokuba kukho into ethile ebizayo ukuba unikezele. Luphawu oluhle kakhulu lokuba kufuneka unikezele.

272 Ngoku, konke okwenzayo, Mzalwana okanye Dade (usenokuba ngumntu omtsha okanye omdala, nokuba uyintoni na), uthe . . . Nje abanakuzifumana ukuze bazinikezele ngokupheleleyo. Zinikezele nje. "Nkosi, ukucinga kwam, konke oko endikuko, Ndi—ndifuna ukunika Wena. Ubomi bam, ndibunikela njengobomi bokukhonza. Ndithabathe, Nkosi, kwaye undisebenzise njengokuba ndinjalo." Kwaye yinto elula kakhulu; ndinqwnela ibandla belinako ngokwenene . . . Ndiyakholwa ukuba—ukuba—ukuba umnquba ngoku, ukuxhamla kule mibuzo . . . Ingaba niyayithanda? Konke kulungile. Kuya kunceda kancinci.

273 Ngoku khangela, koku, ukuba ibandla belingabuza nje ezi zinto (uyabona?), buza ezi zinto: ukuba banokwenza *oku*, okanye benze *okuya*, nayo yonke into, ndiya kuzama ukwenza

okungcono endinakho. Ukuba ndikucebise kakubi, bekungekho entliziyweni yam ukuyenza. Ukuba ndithethe nantoni na engalunganga nje ukuxhasa ezinye zeengcinga zam kunye nezinto, hayi. . . ukwazi—ukwazi ukuba akulunganga ukwenza oko okanye ukukuxelela loo nto, ndiyakuba ngumhanahanisi ongcolileyo. Ilungile lo nto. Kodwa ngokusuka entliziyweni yam, ukuba ndiyaphazama, uThixo uyazi (yabona?) Ndiyenze ngako konke okungaphakathi kwam ukuphendula imibuzo yenu.

274 Kwaye kuni balungiseleli ngaphandle kwilizwe apho le teyiphu iyakuya khona, andithethanga ezi zinto ukuze ndinivise kabuhlungu. Ndiyithethe kuba ndinithanda. Yabona? Kwaye mna ngokwenene, ngentliziyo yam yonke. . . Iyi. . . Ngoku, andizami ukusebenza ukubonisa ukuba—ukuba ndi—ndiyazi into ongayaziyo. Akunjalo, mzalwana wam. Ndenza oku kuphela ngenxa yokuba ndikuthanda, kwaye ndi—ndi—uyandithanda, ndiyakholwa.

275 Ungathini ukuba undibonile ndisihla ngomlambo ngesikhephe esidala, phandle apha kulo mlambo, kufutshane kule ndawo sikuyo ngoku, apha emnqubeni, uMlambo i-Ohio; kwaye umlambo uya kube uphezulu kwaye ukhukulise; kwaye iingxangxasi zingezantsi nje kwam. Kwaye uyazi ukuba esa sikhephe asiyi kuwela kwezo ngxangxasi; asiyi kuyenza nje. Kwaye naku ndihleli phaya phandle ngentloko yam ibuye umva, ndicula, kwaye ndiphumle, kwaye ndisehla kanye, ndidada ukwehla oko, ngokonwaba, ukwehla ngala mlambo; kwaye uyazi apha ezantsi ukuba ndiza kuntlithakala. Ukuba ubundithanda, ubuya kukhwaza, okanye ungatsibela esikhepheni, ubaleke uye phaya, undibethe entloko ngento, undingenise. "Mzalwana uBranham, uphulukene nengqondo yakho! Uphulukene nengqondo yakho; iingxangxasi zilapha kanye!"

276 Ndaze ndathi, "Owu, thula! Hlukana nam!" Kwaye noko uyandithanda nakanjani na. Unokwenza nantoni na ehlabathini; ungandibamba. Ukuba ubunyanzelekile u—ukuba ubunokugqobhoza isikhephe, ubuyakundikhupha apho, kuba uyandithanda; uyayazi into eza kwenzeka.

277 Kwaye mzalwana, ndiyazi ukuba yiloo nto eyakwenzeka kwelo hlelo. Alizukuwunqanda umsinga. Yabona? Uya kanye ngqo kwiBhunga leeNkonzo zeHlabathi; kwaye ngoku, unokuyithatha okanye iphume ngendlela esiyiyo ngoku. Ke, ngokuchanekileyo nje yona, kufuneka wenze ukhetho lwakho. Kwaye a—andibhekiselelanga ekubeni ndi. . . Ndingathanda ukugqobhoza isikhephe, kulungile; Ndingathanda ukwenza nantoni na endinokuyenza, hayi ukukuvisa ubuhlungu, mzalwana, kodwa ukukuvusa ukuba awulunganga. Ungayenzi loo nto!

278 Kwaye olu bhaptizo lwamanzi eGameni likaYesu Kristu,

akukho mntu phezu kobuso bomhlaba unokohlwaya oko ngeSibhalo. Akukho mntu unokohlwaya oko. Akukho Sibhalo esinye . . . Nina bantu, nina bazalwana—nina bazalwana, khumbulani, khumbulani nje, yiphengululeni iBhayibhile; fumana indawo enye apho nabani na wakhe wabhaptizwa kwiTestamente eNtsha (abazange babhaptizwe kweNdala, kodwa kwiTestamente eNtsha), apho nabani na wakha wabhaptizwa ngenye indlela ngaphandle kweGama leNkosi uYesu Kristu; emva koko uze undibonise yona. Okanye yiya kufuna incwadi yembali apho bakhe babhaptiza khona amakhulu eminyaka emva kokufa kwabapostile bokugqibela . . . Ibandla lamaKatolika laqalisa ubhaptizo. Ikhathekizim yabo ithetha into enye, besebenzisa igama loYise, Nyana, uMoya oyiNgcwele.

279 Kudliwano-ndlebe nompristi, kanye apha eSacred Heart Church, wandixelela kwa into enye. Wathi ibandla lamaKatolika lalidla ngokubhaptiza ngolo hlobo, xana ndamxelela ukuba ndabhaptiza le ntombazana yakwaFrazier, xa ubhishophu wayefuna ukwazi. Wathi, "Ingaba uya kuzifunga ezi ngxelo?"

Ndathi, "Andifungi tu."

Wathi, "Ubhishophu ufuna ukuba wenze njalo!"

280 Ndathi, "Ubhishophu kuya kufuneka athathe ilizwi lam okanye angalikholelwa, nokuba yeyiphi ayifunayo." Yabona? Ndathi, "IBhayibhile yathi singafungi konke konke."

Waze wathi, "Ke, uh . . . " Wathi, "I . . . "

281 Ndathi, "Ndambhaptiza ngobhaptizo lobuKristu emanzini, ndamntywilisela ezinyaweni zeSpring Street eGameni leNkosi uYesu Kristu."

Kwaye xana umpristi wayibhala phantsi, wathi, "Yiloo ndlela ibandla lamaKatolika lalidla ngokubhaptiza ngayo."

Ndathi, "Nini?"

Wathi, "Ngemihla yabapostile."

Ndathi, "Ubabiza ngokuba ngamaKatolika?"

Wathi, "Ngokuqinisekileyo, babenjalo."

282 Ndathi, "Ngoko ndingumKatolika ongcono kunawe. Ndilandela imfundiso yabo." Injalo lo nto. Yabona, yabona? Babanga oko, kodwa akunjalo.

283 Icawa yamaKatolika yasekwa eNicaea, eRoma, phantsi kukaConstantine, xana ibandla norhulumente zamanyana, kwaye—kwaye urhulumente anika icawa izinto eziphathekayo, nezinto ezinjalo; ngenene babecinga ukuba babekwiMillennium. Babecinga ukuba bafike kwiMillennium. Leyo yayiyimillennium kaSathana. Injalo kanye loo nto. Sukuzikholelwa ezo zinto. Ewe, mhlekazi!

284 Ngoku, kodwa . . . Ngoko xana benzayo, okanye, baba . . . endaweni yokuba ne—nesithixo, behlise—behlise uVenus, baphakamisa uMariya; behlisa uJupiter, benyusa uPawulos okanye uPetros. Kanye apho e—eVatican, kanye apho e—eRoma ngoku, kanye kwiSixeko saseVatican, umfanekiso oqingqiweyo kaPetros oziinyawo ezilishumi elinesithoba, babanga ukuba baye bancamisa iinzwane ezintathu okanye iinyawo ukusuka kuloo mfanekiso. Yabona? Kwaye yonke into yi . . .

285 Konke ukwehla . . . saya kwinkonzo, uBilly kunye nam, ngenye intsasa apho, sehlela kwigumbi elingaphantsi apho bangcwaba khona bonke abapristi bobukatolika nezinto ezinjalo kwaye bayeke amathambo abo abolele eluthulini, kubole ithambo elinye ukusuka kwelinye phaya phezulu, kuze emva koko bathabathe amathambo benze izinto ezikhanyayo zezandla ezingamathambo zijinga *ngolu* hlobo, nokakayi; kwaye abo bantu bangena apho baye bahlikihla loo makhakhayi abe mhlophe, bezama ukufumana iintsikelelo ezisuka kuloomakhakhayi amadoda afileyo. Yindlela yokusebenzelana nemimoya. Yabona?

286 Kwaye kulapho yaqala khona kanye phaya, eRoma, kwaye kulapho isihlalo serhamncwa sikhoyo, kwaye ukusuka apho kuphuma umama omdala wehenyukazi. Kwaye iintombi zakhe zingamahenyukazi kanye njengokuba enjalo, ngokuba ulinike lonke ihlabathi indebe yobushushu bakhe, indebe yobungqina bakhe, eyayixutywe nenyongo yomhlaba. Kwaye wayenobungqina bakhe. Wathi, "Ndihleli njengentombi enyulu, kwaye ndi—ndihleli njengomhlolokazi (ndithetha), ndingaswele nto"; kwaye akazi ukuba ulusizina, udwayinge, uyimfama, ulihlwempu, kwaye akayazi loo nto. Yiyo leyo. Kwaye oko kuya kwicawa yamaKatolika kunye nawo onke amahlelo amaProtestanti! Kodwa kuyo yonke loo mbutyulelo phandle phaya, kukho abantu abaxabisekileyo abathanda iNkosi uThixo ngentliziyo yabo yonke, ngomphefumlo nangengqondo yabo yonke. Kwaye bacinga ukuba balungile. Bacinga ukuba benza okulungileyo. UThixo uya kuba nguMgwebi Ophakamileyo.

287 Kum, ukuba uThixo uzakuligweba ibandla ngehlabathi, icawe yamaKatolika itsho njalo, ngoko ndabuza le ndoda ibindenza udliwano-ndlebe: Yathi, "UThixo uyakuligweba ihlabathi ngebandla."

Ndathi, "Eliphi?"

Yathi, "Ibandla lamaKatolika."

288 Ndathi, "Leliphi ibandla lamaKatolika? Ahlukile elinye kwelinye." Eliphi ibandla? Ingaba Abomthetho bamaGrike okanye ubuRoma? Okanye leliphi ayakuligweba ngalo? Ukuba Uyakuligweba ngebandla lobuProtestanti, leliphi? IWisile, iBhaptizi, iLutere, iPentekoste; ngubani Aya kuligweba ngayo? IBhayibhile ithe Uyakuligweba ihlabathi ngoYesu Kristu, kwaye

uYesu Kristu liLizwi. Ke kum, liLizwi likaThixo Ayakuligweba ngalo ihlabathi. Ilungile lo nto. Kwaye ndiyakholwa ukuba imigwebo Yakhe isemhlabeni ngoku, kwaye ndiyakholwa . . . Masifune ngentliziyo yethu yonke ukubaleka ingqumbo yomgwebo wengqumbo kaThixo eya kugalelwa phezu kweli hlabathi lingakholwayo; kwaye akukho ndlela konke konke yokuwuphepha.

289 Akusayi, sayi, sayi kuza lusindiso ehlabathini kwakhona. Bawugqithile umgca wabo phakathi kobabalo nomgwebo. Kukho . . . Ungabeka u-Abraham Lincoln kuyo yonke idolophu e-United States, kwaye ayisoze ilijike eli qela loo "Ricky" kwaye noo "Elvis" libuyele kuThixo.

290 Xana ubonile ephepheni (Ndinalo. Ndilizise kuni ngale njikalanga ukuba niyafuna ukulibona ngokuhlwanje), apho ibandla lamaRhabe (abaninzi benu basenokuba bayibonile), ibandla laseRhabe ligqitha kwimithendeleko okanye kwi—i—kwinkonzo ekhethekileyo ngerock-and-roll. Umalusi omi phaya eqhwaba isandla sakhe ngolo hlobo; baye behamba ngentshukumo yokubethelelwa emnqamlezweni nako konke "ukuyigcobela" njenge-rock-and-roll kwibandla laseRhabe.

291 Kwaye xana eli qela liphantsi, likhalayo, limdaka leeBeatles, libizwa njalo, elithe langaphantsi komntu kwaye lafuna ukuba ngooqongqothwane . . . Basala isivumelwano sekhulu lamawaka eedola eSt. Louis kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo; abanakuyeka ngenxa yoko. Leza ngapha, igquba elincinci, lakreqileyo amaNgesi phaya neenwele zijinga emehlweni awo. Kwaye ngoku, banenkolo yabo abayiqalayo. Uyibonile kulindixesha i*Look*. Yabona?

292 Owu, indlela elingcoliswe ngayo eli hlabathi. Akukho themba lalo konke konke; bawele umda wokwahlula phakathi—phakathi kwengqiqo kunye nembandlo yesiqhelo, singasathethi ke phakathi kosind- . . .

293 Amadoda akakwazi nokugweba. Asisenawo amadoda njengoko sasikade sinawo. Uphi uPatrick Henry? Uphi u-Abraham Lincoln, amadoda anokumela iinkolelo eziqinileyo?

294 Iphi laa ndoda inokuphakama yenze aba bafazi baphambeneyo apha phandle, abazihlubayo nge . . . nokuphuma phambi kwala madoda; ke ngoko—kwaye bababalekise phaya njengeqela labazihlubayo, emva koko bafaka inkwenkwe entolongweni eyakuthuka omnye wabo? Ziphi ingqiqo zenu? Yintoni imbandlo eqhelekileyo? Ukuba umfazi uyazibeka phaya, myeke ahambe njengenja. Ewe, mhlekazi! Ukuba akayi kuphinda e . . . isidima esiqhelekileyo kuye kunoko . . . Iphi imithetho enokuyimisa?

295 Kanye apha eLouisville, eKentucky, kwiiveki ezimbini ezidlulileyo xana loo mfazi ene . . . ezama ukwenza a . . . bhala igama lakhe ephepheni, wanxiba ibhikini yeplastiki,

waphuma phaya esuka eBrown Hotel; laza ipolisa lazama ukumnqanda, kwaye ebengayi kuyeka; umfazi walihleka. Laze lamjula ngompu ukumnqanda; lamtyhalela emotweni lamenza ahlangane nalo kwisikhululo samapolisa ngenxa yokunxiba kakubi nezinto ezinjalo, kwaye waya waze wahlangana . . . Uyazi ukuba benze ntoni malunga nayo? Bagxotha ipolisa.

296 Thixo nceda isizwe esibolileyo! Awukwazi ukuphumelela ngaphandle kokuba wenze okungalunganga. Sisenokungakwazi ukudlula, kodwa singenyuka; kwaye kulapho sijonge khona. Masithobe iintloko zethu.

297 Nkosi Yesu, makeze uMalusi omkhulu asikhuphe koku, Nkosi. Silindele Yena. Sijonge loo yure. Xana sibona ihlabathi lonakele kangaka, Wena uthe kuya kuba ngoluhlobo. Abaprofeti Bakho abakhulu baprofeta ukuba ezi yure ziyakuba lapha. Siyakholwa ngabaprofeti, Nkosi; siyayikholelwa.

298 Kwaye ngoku, siyathandaza, Thixo, ukuba Uyakusinika abaprofeti bokutolika eli Lizwi kuthi, ukuze sazi ukuba silungile okanye asilunganga. Sibona abaprofeti bobuxoki bevuka; basentlango, eSalt Lake City, kuzo zonke iindawo zesizwe, zonke iintlobo zeentlango, nazo zonke iintlobo zamagumbi afihlakeleyo, zonke iintlobo zooBawo bobuNgcwele, nanjalo njalo, kuyo yonke indawo.

299 Ndibona abo bazalwana balusizana bantsundu, oodade baphaya phandle ngoku; babefuna indibaniselwano. Ngokukhawuleza nje bakuba beyifumene . . . Ilungile lo nto; bafanele ukuba nayo; bangabazalwana noodade. Ngoku, xana beyifumene, babi ngakumbi kunangaphambili. Ibonisa ukuba iphefumlelwe bubukomanisi. Owu, Thixo, angakubona na oko loo madoda alusizana? Oko kwenziwa kuphela . . . Ke, imelwe kukwenziwa, Nkosi.

300 Yiza, oko koko sikufunayo. Yiza nje, Bawo. Silindile. Yiza, Nkosi, sithabathele phantsi kwengalo Yakho. Sixolele izono zethu. Akusekho—akukho bulungisa kweli hlabathi. Enye into itsalela ngokuchasene kwenye, ukanti ityiwa ziimpethu ude wena . . . akukho kulunga kuyo. Uthe umzimba wonke ubufana nezilonda ezibolileyo. Inyaniso, zonke izithebe zizele ngumhlanzo; Wathi, "Ngubani na endinokumfundisa imfundiso? Ngubani na ke endiya kumqondisa ngaloo mini?" Sonke isithebe seNkosi sizele ngumhlanzo; Siyayibona, Nkosi. Sibona iyure apha. Sincede, nceda.

301 Thixo Othandekayo, emininzi kakhulu yale mibuzo ilapha malunga nabantu abeza e-Arizona. Owu, Thixo othandekayo, vumela abo bathandekayo, abantu baxabisekileyo . . . Bayakumamela le teyiphu phaya phandle. Bazise ukuba andingozwilakhe ukubaxelela indawo abafanele bahlale kuyo, benze ntoni. Kwaye banga bangayiqonda ngokucacileyo. Ukuba bayalithanda elo lizwe, nam ndiyalithanda, mababe phaya,

Bawo. Kodwa xana befundisa ukuba uXwilo kufuneka luphume phaya, kwaye phaya kuphela, okanye bamelwe kukuba nam, olihlwempu, ongafanelekanga, umoni ongcolileyo, osindisiweyo ngobabalo lukaThixo, kufuneka babe secaleni kwam . . . Nkosi, ndifuna ukuba secaleni—ndifuna ukuba secaleni koPawulos; ndiyazi ukuba uyahamba. Kwaye uPetros, noYakobi, noYohane, basePalestina bangcwatywe ndaweni ithile phaya. Ndiyazi ukuba ndiyakuhamba nabo ukuba Ubunalo nje igama lam kulaa Ncwadi ukusukela ekusekweni kwehlabathi. Ndiyakuba phaya. Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba ngamnye kubo uyakuba phaya. Ndincede, Nkosi, ukubahlanganisa bonke emva apha ndaweni ithile, apho banokuthi babenakho . . . Bafuna ukuva umyalezo kunye naba bafundisi bakhulu njengoMzalwana Neville, noMzalwana Capps, kwaye—kwaye bonke abanye abazalwana abalapha: "Junie," noMzalwana uRuddell, no owu, J. T., nabo bonke—bonke: UMzalwana Collins, noMzalwana Beeler, noMzalwana Palmer, kunye . . . Thixo, ndiyathandaza ukuba Uyakunikeza nje oku kwaba . . .

Vumela—vumela—vumela beze apha apho baLive khona ngenene, ukuba bafuna ukuLiva, hayi ukubalekela phaya kulaa ntlango. Bazama ukwenza kanye oko esi Sibhalo sabaxelela ukuba bangakwenzi. "Yabona, isentlango; musani ukukholwa yiyo! Yabona, ingaphakathi kwegumbi elifihlakeleyo; musani ukukholwa yiyo!" Nkosi, ndizama okungcono kwam ukubalumkisa, kodwa konke kubonisa ukuba iyure isondele ngoku. Izithunzi zangokuhlwa ziyawa.

302 Ndithandazela inceba, Nkosi. Yiba nenceba ngam; ndincede. Indenza ndiphakuzele, Bawo. Ndiyathandaza ukuba Uyakundicenda. A—andifuni ukutywina ubomi bam . . . Wonke umsebenzi wam apha uyakubalapha phandle umbaxi othile ukukhokelela iqela elithile okanye unqulo-mntu entlango ndaweni ithile. Ungalivumeli igama lam lehle ngolo hlobo, Nkosi. Ndayilwela kakhulu le nto. Ndinyanisekile kuyo njengoko ndinokuba njalo. Thixo, musa ukuyivumela ukuba yenzeke. Ndincede ngandlela thile. Andazi ukuba mandenze ntoni; Ndixhomekeke nje kuWe, kodwa Wena uyandinceda. Ndiya kwenza nantoni na ondixelela yona. Ndisisicaka Sakho; ngabantwana Bakho aba. Nkosi, ezi . . . Uninzi lwaba bantu, amashumi alithoba anesithoba kwikhulu ngalinye, Nkosi, luqinile ngenene. Bayakholwa; bayazi; bayaqonda. Kwaye bayazi ukuba ayindim; kodwa ndiyazi ukuba ezi zinto kufuneka zilandele yonke imvuselelo, kwaye oku akukhuselekanga kuyo. Ke ndiyathandaza ukuba Usincede ngoku.

303 Sincede njengoko siza kuba nesidlo sasemini esincinane namhlanje, Nkosi. Sikelela ubudlelane bethu kunye. Siqokelele usibuyisele apha kwangethuba ngale njikalanga. Abaninzi babo kuyakufuneka bagoduke ngoku, Nkosi. Kuya kufuneka baqhubele phambili ukuya kwelabo—kwelabo ikhaya, kwaye

ndiyathandaza ukuba Ubancede. Banga bangaba nako ngandlela ithile, Nkosi, ukuyifumana iteyiphu ukuva yonke imibuzo yabo. Mhlawumbi eyabo ayikhange iphendulwe. Ndiyathandaza ukuba Uyakubanceda, Nkosi.

304 Ndincede ngokukhawuleza kakhulu ngobu busuku ukuba ndiphendule le mibuzo ndize ndifake yonke into endinokuthi ndiyifumane. Side sihlangane apha kwakhona ngale njikalanga, wanga Ungasisikelela. NgeGama likaYesu ndiyathandaza. Amen.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda,
Ngokuba waNdithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Emthini weKalvari.

305 Ndibhale ngaphaya, ndayibhala ukuze ihlale iphambi kwam: "UKristu phambi kwam, ngelixa ndiphendula le mibuzo." Uyakholwa ukuba ndiyithethile isuka entliziyweni yam? Yonke into, esuka entliziyweni yam, ukunceda.

Abanye babo basenokuza kuthatha iipasile zabo apha.

306 Thixo othandekayo, nazi iitshefu, iipasile zibekwe apha. Iya kwabagulayo nabaxhwalekileyo. Mayithi iToliki enkulu yeLizwi, uMoya oyiNgcwele OwaLibhalayo, wanga Angasondela ngoku malunga nale nxalenye yenkonzo kwaye asikelele la malaphu. Nkosi, ukuba ndicinga ngesiqu sam, ndingubani na ukuba ndingade ndibeke owam ongacocekanga, umzimba ongcolileyo ukunqumla kwezi tshefu zime phakathi kokufa nobomi kwabaninzi? Owu, Thixo, ndiyangcangcazela. Kodwa xana ndicinga ukuba . . . Awuboni mna, uva nje ilizwi lam. Iza ngeGazi leNkosi uYesu apho. Ngoku, ndiyakholwa ukuba Uyakundiphendulela kanye njengokuba Wenzayo kuYe, ngokuba Wahamba phambi kwam ukuba ahlale ngasekunene, phaya phezulu, kobuNgangamsha enyangweni. Kwaye iGazi Lakhe lilele apho njengesicamagushelo, kwaye ndigutyungelwe phantsi kwelaGazi.

307 Ndiyakholwa, Nkosi, ukuba Uyakubaphilisa, ngokuba baswele. Ngebebengenazo ezi zilele apha. Ndiyathandaza ukuba Uyakubenza wonke ngamnye baphile. Njengoko ndizibeka ukunqumleza zona, njenge . . . Bathi bathabatha emzimbeni kaPawulos . . . Wayengumoni nje, naye, Nkosi, esindisiwe ngobabalo Lwakho. Abantu bakholwa nguye, nangona wayebakhalimela nayo yonke into, kodwa babesazi ukuba wayengumalusi. Babemazi yena . . . uthunywe esuka kuWe, ngokuba WaZibonakalalisa ngolungiselelo lwakhe. Thixo, aba bantu bakholwa yinto enye namhlanje. Ndiyathandaza ukuba Ubancede ngoku kwaye uphilise ngamnye eGameni likaYesu Kristu. Amen.

308 Ingaba nilambile? Konke kulungile. Ndilambele imibuzo emininzi. "Umntu akaphili ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke

iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo." Ngoku, ndisenokuba . . . Eminye yale mibuzo, ndisenokungabi nayo kakuhle; ndenze konke okungcono kwam. Ngobu busuku, ndiza kuzama ukuqala nje ngentsimbi yesixhenxe. Kulungile, inkonzo iya kuvulwa ngecala leyesithandathu. Kwaye wena onokuhlala . . . Wena ongakwaziyo, siyaqonda; Kulungile. Kodwa ndiza kuzama ukufumana yonke lena ndinokuthi ndikwazi ukuba nayo ngobu busuku. UThixo anisikelele side sidibane.

Ngoku, masime ngeenyawo zenu sicule le ngoma imnandi, ingoma yethu yokundulula, *Thabatha iGama likaYesu uhambe Nalo*. Konke kulungile.

Thabatha iGama likaYesu uhambe nalo,
Umntwana wenkxwaleko nosizi;

[UMzalwana uBilly Paul uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] (. . .?. . . bawuthabathile umnikelo . . .?. . . namhlanje kusasa . . .?. . .)

. . . Gama, Owu indlela elimnandi ngayo!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

309 Ndifuna ukwenza esi saziso. UBilly uthe bathabathe umnikelo wothando ngale ntsasa (yabona?), kwaye uthe banomnikelo omnandi wothando. Ndimenze ukuba aye emva kwesakhiwo aze ame phaya emva. Kubantu apha abangazange beze belungisile, abangenayo imali yedinala yakho, UBilly uya kukunika imali yedinala yakho kunye nokuhlawula ityala lakho lehotele okanye ityala lehotele esacaleni kwendlela, nokuba yintoni na. Yithabathe kwaye uhlawule oko ngoku. Ukuba ukhona . . . Ukuba ungahlala . . . UBilly uyakuhlangana nawe phaya emva athabathe igama lakho nalapho ukhoyo, kwaye siyakuhlawulela idinala yakho kunye netyala lakho lehotele yasecaleni kwendlela kumnikelo wothando othathelwe mna ngale ntsasa.

Side sihlangane! side sihlangane!

64-0823M Imibuzo Neempendulo #1
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2026 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org